

UNksk. Angie Motshekga, uMphathiswa wemfundo esisiSeko



UMnu. Enver Surty uSekela Mphathiswa wemfundo esisiSeko

Ezi ncwadi zilungiselelwe abantwana baseMzantsi Afrika phantsi kwephiko loMphathiswa weMfundo esisiSeko uNksk. Angie Motshekga kunye noSekela Mphathiswa weMfundo esisiSeko uMnu. Enver Surty.

Ezi ncwadi zokusebenzela, iRainbow Workbooks, lelinye lamalinge ongenelelo eSebe leMfundo esisiSeko ajolise ekuphuculeni umgangatho wabafundi beloMzantsi Afrika abakumabanga amathandathu okuqala. Njengomnye wemiba ephambili yoMkhomba-ndlela kaRhulumente, eli phulo libe nempumelelo ngenxa yenkxaso-mali evela kuVimba weSizwe. Oku kuye kwenza ukuba iSebe likwazi ukuvelisa ezi ncwadi, zifumaneke kuzo zonke iilwimi ezisemthethweni ngexabiso eliphantsi.

Sinethemba lokuba ootitshala baya kuzifumana ezi ncwadi zokusebenzela ziluncedo kakhulu kwimfundo yemihla ngemihla, nasekuqinisekiseni ukuba abafundi bayifikelela yonke ikharityhulam. Ukuqinisekisa ukuba utitshala uyakhokelwa kuyo yonke imisetyenzana, sisebenzise izalathisi ezibonisa oko kufanele ukwenziwa ngumfundi.

Sinethemba lokwenene lokuba abantwana baya kukonwabela ukusebenza kwezi ncwadi ekukhuleni nasekufundeni kwabo, kwanokuba nawe titshala uya kwabelana nabo kolu yolo.

Sinqwenela ukuba nibe nempumelelo ekusebenziseni ezi ncwadi.





ISIXHOSA HOME LANGUAGE
GRADE 6 – BOOK 1
TERMS 1 & 2
ISBN 978-1-920458-73-7

THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.



ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE – Ibanga lesi-6 Incwadi yoku-1

ISBN 978-1-920458-73-7



Igama:

Iklasi:

basic education
Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

ISIXHOSA ULWIMI LWEENKOBE

Incwadi yoku-1
Ikota 1 & 2



uMzantsi Afrika



UXANDUVA LOLUTSHA LOMZANTSI AFRIKA

Ukulingana

Phatha wonke umntu ngokulinganayo nangendlela elungileyo. Musa ukucalucalula.



Isidima somntu

Hlonipha wonke umntu. Yiba nenceba nenkathalo.



Ubomi

Ubomi buxabisekile. Phatha yonke into ephilayo ngentlonipho.



Usapho

Bahlonele abazali bakho. Yiba nobubele netembeko kusapho lwakho.



Imfundo

Yiya esikolweni, ufunde kwaye usebenze ngokuzimisela. Thobela imithetho yesikolo.



Umsebenzi

Ncedisa kwimisebenzi yasekhaya. Abantwana mabanganyanzelwa ukuba bafune umsebenzi.



Inkululeko nokhuseleko

Musa ukubavisa ubuhlungu okanye ubagonyamele abanye, kwaye sukubavumela nabanye ukuba benze njalo. Iingxwabangxwaba mazisonjululwe ngoxolo.



Ipropati

Zihlonele izinto zabanye abantu. Musa ukonakalisa ipropati kwaye musa ukuba.



Inkolo, inkolelo kunye noluvo

Zihlonele iinkolelo nezimvo zabanye abantu.



Ukhuseleko

Wukhathalele umhlaba. Musa ukuwamosha amanzi nombane. Zikhathalele izilwanyana nezityalo. Gcina ikhaya layo kunye nendawo ohlala kuyo icocekile kwaye ikhuselekile.



Ubummi

Yiba ngummi woMzantsi Afrika olungileyo nothembekileyo. Yithobele imithetho kwaye uqinisekise ukuba benjenjalo nabanye abantu.



Inkululeko yokuvakalisa izimvo

Musa ukusasaza ubuxoki nentiyo. Qinisekisa ukuba abanyhukulwa okanye baviswe ubuhlungu abanye abantu.



Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street
Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
Third edition 2013

ISBN 978-1-920458-73-7

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.

This book may not be sold.

Ibanga lesi- 6

Rainbow WORKBOOKS

ULWIMI

ngesiXHOSA

1 Okuyinyani nokuyintsomi

2 Ilizwe lethu nangaphaya

3 Abantu neendawo

4 Ilizwe lezilwanyana





ISIXHOSA

Incwadi 1

Le ncwadi yeka-:



Umhla



- *Onke amaqela abantu anamabali awo awathandayo nabawabalisa ngokuwaphinda-phinda.*
- *La mabali abizwa ngokuba ziintsomi.*
- *Eli bali yintsomi ephathelene nomvundla onamaqhinga aqithisileyo.*
- *Jonga imifanekiso kweli phepha uze ucinge ukuba ingaba lo mvundla uza kwenza ntoni kweli bali.*

1 UMvundla uqhatha iNdlovu noMnenga



Masifunde



Ngenye imini uMvundla wawuhamba elunxwemeni lwaselwandle waza wabona iNdlovu noMnenga zithetha. Wawufuna ukuva ukuba bathini, wacambalala esantini wamamela ngokuqaphela.

UMnenga wawusithi: "Ndlovu, usesona silwanyana sinamandla eMhlabeni mna ndisesona silwanyana sinamandla eLwandle. Xa sinokusebenzisana singenza ukuba zonke ezinye izilwanyana zenze esikufunayo."

"Ewe," yatsho iNdlovu, "unyanisile! Licebo elilungileyo elo. Masisebenzisane."

Kodwa uMvundla wacinga, "Andisayi kukuvumela oko. Abazi kundiphatha. Ndiza kubaqhatha." Nanko uhamba, thwaba, thwaba, wehla ngonxweme wangena ehlathini. Apho ufumene intambo ende, eyomeleleyo. Wabuyela elunxwemeni esiya kuthetha noMnenga.

"Mnenga," wambiza, "usisilwanyana esinamandla kakhulu. Ndingakucela undincede?"

"Ewe, kulungile" watsho uMnenga, uvuya xa ucelwa ukuba uncede kuba unamandla. "Ndingakunceda ngantoni?"

"Mh--," wathi uMvundla, "Inkomo yam ixinge eludakeni, phakathi ehlathini. Ungandinceda ngokuyikhupha?"

"Ewe," waphendula uMnenga. "Ndingakuvuyela ukukunceda."

Amagama amatsha



UMvundla ke wabhijela intambo eyomeleleyo emsileni woMnenga. Wathi "Ndiza kuhamba ndiye kubophelela elinye icala layo enkomeni yam. Linda ndide ndibethe igubu uze uqalise ukutsala" Wahamba uMvundla washiya uMnenga elunxwemeni waya kufuna iNdlovu.

"Ndlovu," watsho, "usisilwanyana esinamandla kakhulu. Ndingakucela ukuba undincede?

"Ewe, kulungile," yatsho iNdlovu, ivuya xa icelwa ukuba incede kuba inamandla. "Ndingakunceda ngantoni?"

"Mh--," wathi uMvundla, "Inkomo yam ixinge eludakeni, phakathi ehlathini. Ungandinceda ngokuyikhupha?"

"Ewe" yatsho iNdlovu, "Ndingavuya ukukunceda. Ndinamandla kangangokuba ndingakhupha iinkomo ezingamashumi amabini!"

"Ndiyabulela," watsho uMvundla, waza wabhijela elinye icala lentambo eyomeleleyo esiqwini seNdlovu. "Ndiza kuhamba ndiye kubophelela elinye icala enkomeni yam. Linda ndide ndibethe igubu lam ehlathini uze uqalise ukutsala," watsho, wabe sowubaleka.

Phakathi ehlathini, uMvundla wahlala phantsi wabetha igubu elikhulu. UMnenga waqalisa ukutsala yaza intambo yatwezeka yaqina kakhulu. INdlovu yabhijelisa intambo ngokuyiphinda-phinda esiqwini sayo waza uMnega wazibona utsaleka usiya ngaselunxwemeni. Oku kwawucaphukisa kakhulu, waza wantywilela nzulu emanzini. Hayi ilinge elingako lokutsala! Oko kwenza ukuba indlovu ityibilike ukuya ezantsi elunxwemeni lolwandle. INdlovu yaba nomsindo kakhulu, yatsala kangangoko inako. Yathi xa ixhuzula intambo, waphumela ngaphandle kwamanzi uMnenga.

"Ngubani lo unditsalayo?" watsho utshiza uMnenga. "Ngubani lo unditsalayo?" yahlokoma iNdlovu.

Baqala babona ukuba ingulowo kubo unecala lentambo.

"Undiqhathile!" yagquma iNdlovu. "Ndiza kukufundisa isifundo sokuba ungaze udlale ngam kwakhona!" watsho uMnenga.

Baqalisa ukutsala-tsalana ngentambo. Kodwa ngoku intambo yaqhawuka, waza uMnenga neNdlovu bawa ngemiqolo bobabini. Oku kwabacaphukisa kangangokuba zange baphinde bathethe bobabini kwakhona. Ngoko ke bobabini zange babe nako ukuphatha zonke izilwanyana emhlabeni kunye nazo zonke izilwanyana elwandle.

Umvundla wawubukele ehlathini, ungasayihleki ngako intsini!



Umhla .....

2 Ukucinga ngoMvundla, uMnenga neNdlovu



Masithethe

- *Ingaba libali eliyinyani eli? Kutheni usitsho?*
- *Kwakutheni ukuze uNdlovu noMnenga bacinge ukuba mabasebenzisane?*
- *Ucinga ukuba kutheni uMvundla wayefuna ukukunqanda oko?*
- *UNdlovu noMnenga bathi baza kuwunceda njani uMvundla?*
- *Babefanele ukulinda ntoni?*
- *Ucinga ukuba uNdlovu noMnenga bayathethisana namhla?*
- *Ucinga ukuba kutheni yayihlekisa le nto kuMvundla?*



Masibhale



Wenza ntoni uMvundla xa wawufuna ukuva okwakuthethwa nguMnenga neNdlovu?

Loluphi uncedo olwacelwa nguMvundla kuMnenga nakwiNdlovu?

Yintoni eyabhijelwa nguMvundla?

Kwakutheni ukuze uMvundla ubaleke uye kutshona ehlathini?

Kwenzeka ntoni kuMnenga nakwiNdlovu?

Wena ungathanda ukuba nomhlobo ofana noMvundla? Kutheni?

Sowuyifundile indlela yokufakwa kweempawu zocaphulo ezingambini emacaleni amazwi athethwa ngabantu. Ngoku kufuneka ufunde imithetho emibini emitsha yokusebenzisa iimpawu zocaphulo ezingambini.

Okokuqala, sisebenzisa iiseti ezimbini zeempawu zocaphulo ezingambini xa igama lesithethi linikwe esizikithini sento ethethwayo, ngolu hlobo:

- "Ndikucele kabini," utshilo umama, "ukuba uhlambe ipleyiti yakho."
- "Nceda chola inkunkuma," utshilo utitshala. "Ibala lokudlala lixhifilili kakhulu."

Okwesibini, xa sibhala ngomboniso-bhanyabhanya, nge-DVD, ngevidiyo okanye ngencwadi, sibhala igama layo phakathi kweempawu zocaphulo ezingambini, ngolu hlobo:

- Ndiwubonile umboniso-bhanyabhanya othi "Mama miya".
- Ndiyifundile incwadi ethi "Isipho segolide".

Masibhale



Ngoku, ngokusebenzisa le mithetho mibini, fakela iimpawu zocaphulo ezingambini kwezi zivakalisi.

1) Uza kuya ngetekisi edolophini? Wabuza uAmina.
2) Ufuna ukuya kweyiphi ivenkile? Wabuza uMariah.
3) Wakha wawubona umboniso-bhanyabhanya weShrek?
4) Uza kuyifunda incwadi ethi uMvundla uQhatha iNgonyama neNgwenya?
5) Kufuneka ndifunde incwadi ethi Amabali aBantwana.
6) Gqiba umsebenzi wakho wasekhaya, wakhwaza umama, okanye akusayi kumbukela umabonakude.
7) Usengxakini! Ukhwaze watsho uThami. Umama wakho ukubhaqe usenza loo nto.
8) Ndidinwe kakhulu, utshilo uCarol. Ndiza kulala ngo-7 ukutshona kwelanga.
9) Inuka kamnandi loo keyiki, utshilo uTatomkhulu kuMandu, eyikhupha eontini.
10) Akwaba, utshilo uThandile, bendisazi ukuba uza kuba ngubani utitshala wam wonyaka ozayo.



Khumbula sithe iindawo ngeendawo ziineentsomi zazo. Le esiqale ngayo iphathelene nendlela uMvundla owaqhatha ngayo uMnenga neNdlovu. Kwiphepha elilandelayo uza kubona ibali laseAfrika malunga nembila eyayinamaqhinga afana nawoMvundla. Libizwa ngokuthi "IMbila iQhatha iNgonyama neNgwenya". Kanti kwiseti elandelayo yamaphepha okusebenzela uza kufunda intsomi yaseJapani.

Teacher
Sign:
Date:

Umhla .....

3 IMbila iQhatha iNgonyama neNgwenya



Masisebenze

Jongisisa le mifanekiso isibhozo ukuze ucinge ngento equlethwe libali. Emva koko sebenza nomlingane. Zimbini izinto ekufuneka nizenze.

- Okokuqala, xela okwenzeka emfanekisweni ngamnye. Eli bali liphantse ukufana nelokuqala.
- Okwesibini, balisa ibali ngamazwi ezilwanyana ezithathu. Oku kuthetha ukuba ibali liya kwakhiwa ngezinto ezithethwa zizilwanyana.

Kufuneka usebenzise okwaziyo ngeempawu zocaphulo ezingambini. Kukho iibhokisi zamagama kuwo omabini amaphepha aza kukuncedisa ekubhaleni okuthethwa zizilwanyana. Bhala uyilo lokuqala ephepheni elingenamsebenzi, *wandule ukucela umlingane wakho ukuba akulungise.*



Masibhale

Ngoku bhala ibali ngononophelo ecaleni kwemifanekiso echanekileyo.

Ibhokisi yamagama 1

Ibhatyi engenamikhono enemigca	izandla ezisesingeni	isikhova emthini	ukulala	jonga	hleka







Amagama amatsha

Ibhokisi yamagama 2

4



5



6



7



8



Umhla .....

Masisebenze

4 Malunga noMvundla

Phinda ujonge ibali malunga nomvundla, umnenga nendlovu.

Zeziphi izilwanyana ezazifuna ukulawula emhlabeni naselwandle?

UMvundla ungumlinganiswa osentloko ebalini. Ungawuchaza njani uMvundla? Ubukhangeleka njani? Ubukrele-krele?

Ngoku chaza isimo somhlobo wakho ophambili. Xela ukuba kutheni engumhlobo wakho ophambili nezinto ozithanda ngalo mhlobo.



Izishunqulelo ngamagama amabini ahlanganiswe aba ligama elinye. Bashiyelelwe abanye oonobumba egameni lokuqala kwaza kwafakwa isimeli-nobumba endaweni yabo. Umzekelo, ***umhla omkhulu*** *ujika athi* ***umhl'omkhulu****. Isimeli-nobumba (') sifakwe endaweni ka-**a** ku-umhla.*



Amagama amatsha

Masibhale

Bhala amagama amabini ezivela kuwo ezi zishunqulelo.

unyak'omhle	iinziph'ezinde	iphuph'elibi	ukub'uyandithanda	isiph'esihle

Ngoku yenza izishunqulelo ngala magama.

abantwana abaninzi	imela emfutshane	isimilo esihle	gxebe uhambile	ukushunqulela amagama

Sisebenza ngamagama

Izikhamiso ezitsalwayo zizikhamiso ezihlanganiswe ngokufana kwazo. Uninzi lwazo zizibizo ezizininzi kodwa namagama azizikhuzi nawakhiwe kwizifanekisozwi ayakwazi ukulandelelanisa izikhamiso ezifanayo. Ziyafumaneka nasemagameni azizalathisi.

Biyela ngesangqa amagama azizalathisi okanye izikhombisi.

oomama	abaa bantwana	iintombi	oosisi	oomabona-kude	neenkomo	esaa sikolo	zithe saa
ngeendonga	bootata	zee dyumpu	Yhu-u -u -u -u!	esibayeni	laa ndlu	zeegusha	bee-thu

Ke ngoku bhala izivakalisi ezithathu usebenzisa izikhamiso ezitsalwayo.

Teacher

Sign:

Date:

5 Indoda eyathenga umthunzi



Masithethe

Ucinga ntoni ngesihloko seli phepha lokusebenzela?
Ucinga ukuba le ntsomi iya kuba malunga nento eyenzeka ngenene?
Ngoku jonga imifanekiso uze ucinge ngokuba le ntsomi ivela kweliphi ilizwe.



Masifunde

Kudala-dala kwakukho indoda eyayisisityebi esikhulu. Ngelishwa, yayingenabuntu, iyindoda **enolunya**. Yayingenabuntu inolunya kangangokuba bonke abantu elalini babeyoyika. Akukho mntu wayesondela ngasendlwini yayo kungekho nomntu owayenokuzama ukuthetha nayo. Ngenye imini yelanga elalishushu likhuph'intlanzi emanzini yabiwa bubuthongo emthunzini phantsi komthi ngaphandle kwendlu yayo.

Ekuvukeni kwayo yabona umfana owayonwabele umthunzi ecaleni kwayo.

Indoda esisityebi:
Ufuna ntoni apha? Suka apha, ngumthunzi wam lo!
Umfana:
Asingowakho lo mthunzi. Lo mthi ngowale lali.

Indoda esisityebi:
Tyhini! Lo mthi nalo mthunzi ngowam!
Umfana:
Nceda ke Mnumzana, ndicela ukuthenga umthunzi womthi wakho.
Indoda esisityebi:
Ungawuthenga lo mthunzi wam ngamaqhekeza amahlanu egolide.
Umfana:
Nanga, mnumzana, thatha igolide yakho. Ndiyabulela, Mnumzana. Ngoku ndim umnini-mthunzi.

Indoda engenabuntu iyifake epokothweni yayo igolide, yangena endlwini yayo ikrukrutheka yintsini.

Ethubeni, latshona ilanga saza isithunzi somthi saya sisiba side ngokuba side sada **sayigquma** indlu

Amagama amatsha

yendoda engenabuntu. Umfana wangena endlwini ngokuzithemba.

Indoda esisityebi:
Ufuna ntoni endlwini yam kwedini? Phuma apha, sidengendini.
Umfana:
Mnumzana, umthunzi womthi uphezu kwale ndlu, khumbula ukuba ngowam lo mthunzi. Ke ngoko nale ndlu yeyam.

Ngomsindo, indoda engenabuntu yayishiya loo ndlu unaphakade baza bonke abantu beza kubona indlu yayo enkulu bonwabela nomthunzi womthi. Bamncoma umfana ngokubanceda.

Intsomi yaseJapani





Masithethe

Ucinga ukuba liyinyaniso eyenzekayo eli bali? Kutheni?
Yintoni imfundiso yeli bali? (Sinokufunda ntoni kweli bali?)
Ucinga ukuba kutheni abantu bamazwe ahlukileyo ehlabathini bethanda ukubalisela abantwana babo amabali afana neli?
Ucinga ukuba bakhona ngenene abantu abangenabuntu njengale ndoda?



Masibhale

Funda ibali uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ngoobani abalinganiswa abasebalini?

Yintoni eyayisenza ukuba indoda "ikrukrutheke" yintsini xa ifaka igolide epokothweni yayo?

Umhla .....

6 Emthunzini womthi

Siyazi ukuba isibizo ligama lomntu, lendawo okanye lento.
Isichazi sisixelela banzi ngesibizo.
Nanku umzekelo osebalini: Iyindoda enolunya.



Masisebenze

Kumaqela enu, yenzani umdlalo-ndima ngeli bali. Kuza kuba lula ukulenza umdlalo kuba libhalwe njengomdlalo. Nangona kunjalo, nikani isiphelo esitsha kwibali. Bonisani umdlalo-ndima wenu eklasini, Thathani isigqibo ngokuba leliphi iqela elinesiphelo esitsha.



Masibhale

Biyela isichazi ngesangqa kwisivakalisi ngasinye uze ukrwele umgca ngezantsi kwesibizo esichazwa siso.

Indoda esisityebi yayihlala endlwini enkulu.
Umthi oluhlaza wawunesithunzi eside.
Umfana wenzela abantu belali itheko elikhulu.
Umfana okrelekrele wahlala emthunzini opholileyo.
Indoda enolunya esisityebi yayingafuni ukuba umfana ahlale phantsi komthi.

Krwela umgca ngezantsi kwesichazi kwisivakalisi ngasinye kwezilandelayo. Ngoku bhala isichazi kwisithuba esingasekunene. Emva koko bhala isichasi sesiphawuli kwisithuba esingasekunene. Sikwenzele umzekelo kwisivakalisi sokuqala.

Umculo **ubungxola** kunomathotholo.	ubungxola
Abantu belali abavuyayo baya kungena endlwini.	
Abantu aboyikayo belali babengasondeli .	
Ulshmael ukhe ama-apile omthi ongowona mde.	
Umfana okrelekrele wathenga iphepha-ndaba.	
UNadia usele ubisi olufudumeleyo ngeglasi.	
Le yimini enomoya.	
Iincwadi ezikwithala eliphezulu zalahleka.	
UMnumzana uShabalala uqhuba imoto entsha.	
UMbali yeyona ndadi ikhawulezayo kwiqela lethu.	



Masibhale

Thetha neqabane lakho ngokubona kulo mfanekiso. Sebenzisa izichazi ukuchaza okubona emfanekisweni.



Masibhale

Chaza isimo sendoda esisityebi kule ntsomi. (Olu hlobo lwenkcazelo lubizwa ngokuba ngumdlalo omfutshane okanye luyilo.) Sebenzisa ezinye zezichazi ozifunde kwesi sifundo.

Teacher

Sign:

Date:



Umhla .....

7 Inkwenkwe eyayihlala endaweni yokulahla inkunkuma



Masifunde

- *Kwisifundo sakho esidlulileyo, ufunde intsomi ngendoda eyayisisityebi yomJapani. Ngoku sowusazi ukuba iintsomi aziyonyaniso.*
- *Jonga eli bali lephepha-ndaba nemifanekiso. Ucinga ukuba lithetha ngantoni?*
- *Ucinga ukuba liyinyaniso eli bali? Kutheni?*



Inkwenkwe nezinja zayo

USizwe uneminyaka elishumi elinesine, waqala ukuhlala endaweni yokulahla inkunkuma esengumntwana omncinci. Indawo yokulahla inkunkuma iyanuka kanti amaxesha amaninzi uSizwe akanakutya kwaneleyo. Bunzima ubomi bakhe, kodwa naxa kunjalo, uyazinika ithuba lokuthanda nokukhathalela izinja ezibhityileyo ezizula-zula endaweni yokulahla inkunkuma. Naxa enokutya okuncinci kakhulu uSizwe, uba nayo intwana azigcinela yona. Eli libali lakhe.

Indawo yokulahla inkunkuma asiyondawo ilungileyo yokuhlala. Ngamanye amaxesha ndiyoyika. Abantu abahlali kakuhle kuyo. Kaninzi batshisa izinto ukuze bafudumale kanti umsi awulunganga emehlweni nasemiphungeni.

Ngokuya ndandineminyaka emithathu ndandikholisa ukuhlala nomakhulu notatomkhulu. Bathi bakusweleka, mna nomama wam nomntakwethu saya kuhlala nodadobawo kodwa wasigxotha. Sasingenayo enye indawo esinokuhlala kuyo. Umama wagula, samsa esibhedlele. Wahlala ixesha elide esibhedlele, ekugqibeleni wasweleka, Ndakhathazeka kakhulu.

Usapho lwakulomama zange lufune ukusithatha. Ngoko ke sabuyela endaweni yokulahla inkunkuma. Ndazakhela indlwana encinci endaweni yokulahla inkunkuma. Lityotyombe nje elincinci. Ngamanye amaxesha ndikhe ndifumane impahla, ndiyihlambe ukuze ndiyinxibe. Ngamanye amaxesha ndiziva ndinesizungu, kodwa izinja zilusapho lwam ngoku. Ndinezinja ezingama-20. Ezine ezincinci kuzo zilala nam kodwa ezinye zilala ngaphandle kwetyotyombe lam. Ziyandikhusela. Izinja azikwazi kuthetha kodwa zinako ukusindisa ubomi bakho.

Ndibhalele umongameli ukuba ancede abantu abanyanzeleka ukuba bahlale endaweni yokulahla inkunkuma.



Masithethe

- *Yenza uluhlu lweengxaki ezahlukeneyo azikhankanya kweli bali lakhe.*
- *Zithelekise nezi azikhankanya kwileta yakhe ayibhalela umongameli.*
- *Usahlala endaweni yokulahla inkunkuma?*
- *Banokulufumana phi uncedo abantwana abanjengoSizwe?*

Inani leengxaki azichazayo:

Amagama amatsha

Masifunde

Mongameli Zuma othandekayo

Ndicela uncede abantu abahlala endaweni yokulahla inkunkuma. Akukho manzi, akukho kutya kanti nombane awukho. Nceda nika abantwana abahlala endaweni yokulahla inkunkuma ikhaya ubathumele esikolweni. Ndibe nethamsanqa. Ubomi bam buguqukile ngoku ndifumene usapho olutsha. Ndiqalise ukuya esikolweni. Ndiyabathanda ootitshala bam kwaye ndiyakuthanda ukufunda. Kodwa ndisakhathazekile ngomntakwethu.

Usekwindawo yokulahla inkunkuma kwaye kuyingozi oko. Bebekhona abantu phaya endaweni yokulahla inkunkuma ebebendithanda. Izinja zam bezindithanda nam bendizithanda. Kodwa nceda Mnumzana Mongameli uncede abaya bantu basendaweni yokulahla inkunkuma. Bafuna ukutya. Bafuna uncedo lwakho.

Owakho ozithobileyo

Sizwe

Masibhale

Jonga inqaku lephepha-ndaba neleta. Krwela umgca ngezantsi kwazo zonke izichazi ezisetyenziswa nguSizwe ukuchaza ubomi bakhe endaweni yokulahla inkunkuma. Ngoku bhala izivakalisi ezihlanu usebenzise izichazi.



Bhala izivakalisi ngokusebenzisa izibini ezilandelayo zamagama. Sikwenzele isivakalisi sokuqala.

Mna	zam	Mna ndithanda izinja zam.
wena	zakho	
yena	zakhe	
thina	zethu	
bona	zabo	
yona	zayo	
nina	zenu	

Umhla .....

8 Okungam



Masithethe

Kwisifundo esidlulileyo ufunde ngobomi bukaSizwe xa wayeyinkwenkwe encinci.

Thetha neqela lakho ngobomi bakho nezinto ezenzeke kumabakala ahlukeneyo obomi bakho. Fakela amabakala obudala bakho abalulekileyo kuluhlu olungasekhohlo uze uchaze okwenzeke kwibakala ngalinye. Qala kwixesha lokuzalwa kwakho uqhube de ufikelele kwelangoku.



Masibhale

Ubudala bam	Iziganeko ezibalulekileyo ngobomi bam
Ndizalelwe apha	

Amagama amatsha



Masibhale

Bhala isiganeko apho uzive wonwabe kakhulu khona kwidayari yakho.

Dayari ethandekayo

Yenza izivakalisi eziphelelelyo ngokukrwela umgca ukususka kwicala elipinki ngasekhohlo ukuya kwicala elichanekileyo eliluhlaza.

Besikholisa ukufumana iimpahla ezindala size		ibhedi yam ifudumele.
Bekungekho ndawo ndinokuhlala kuyo		ndiyabakhumbula abahlobo bam bexesha elidlulileyo.
Izinja zam ziyathanda ukuhlala nam kuba		sizihlambe ukuze sizinxibe.
Nangona ngoku ndihlala nosapho olulungileyo		ndaza ndazakhela indlwana encinci yam.



Fakela iziphumlisi kwezi zivakalisi.

uhlala phi ngoku

wonwabile nosapho lwakho olutsha

uyasithanda isikolo

usuku lwam lokuzalwa lungojulayi

Teacher

Sign:

Date:

9

Intombazana yesikolo isindisa ubomi benkwenkwe

Masifunde

- *Phambi kokuqalisa ukufunda eli nqaku lephepha-ndaba, jonga isihloko esingentla, ifoto kunye neleta ekwiphepha elijongene neli. Zama ukufumanisa okuthethwa kwinqaku.*
- *Ngoku funda inqaku.*

Ingxelo yentatheli NgoMvulo 27 Febhuwari 2013

Indadi eselula iyahlangula

UBongi Shabalala, ongumfundi oneminyaka eli-12 weBanga lesi-5 esikolweni samaBanga aPhantsi iFundani, uhlangule inkwenkwe yesikolo ebirhaxwa edamini. UMichael Naidoo oneminyaka esibhozo ebedada eRough Dam kufutshane nesikolo emva kwemini ngoLwesihlanu. Iingxelo zithi inkwenkwe yeBanga lesi-3 yayizama ukuntywila ukusuka emthini kodwa yabetheka ngentloko esebeni phambi kokuwela emanzini. UBongi, obegoduka evela esikolweni uyibonile inkwenkwe idada phezu kwamanzi edamini. Ukhawuleze wantywila ukuze ayihlangule. Ungukapteyini wezokudada esikolweni sakhe kwaye unaso nesatifikethi soNcedo lokuQala.



UBongi uyizise elunxwemeni inkwenkwe waza **wayihlaziya**. Ebekwazi ukunika uncedo lokuvusa ngokuphefumlela emlonyeni. I-Red Cross ithi **iindlela zobuchule** bokusindisa ezifana nezi azinzimanga kodwa xa umntu eyeka ukuphefumla kufuneka akhawulezelwe ngoncedo.

Ngethamsanqa, umhlobo kaBongi uAnn Brown uthe xa egqitha **kwindawo yesehlo sengozi** yakhonkotha inja yakhe waza waya **kuloo** ndawo. Wakhawuleza waxelela iNqununu yesikolo, eyabiza abahlanguli.

UBongi uza kufumana ibhaso ngokukhalipha kwakhe kokusindisa ubomi bukaMichael Naidoo. Inqununu, uNksk. Makhanya, uyale bonke abantwana ukuba baziphathe kakuhle, bangayi bodwa edamini.

Ucele bonke abantwana ukuba benze izifundo zoNcedo lokuQala nezokudada.

Amagama amatsha

Iphepha-ndaba liphinde lashicilela le ncwadana malunga neemeko zonxunguphalo, nto leyo ebonisa ukuba iindlela zobuchule zokusindisa ubomi zisebenziseka lula. Yifunde yonke le ncwadana.

Ubuchule kwimo yonxunguphalo

A Umjelo womoya

- Jika intloko yomntu orhaxwayo ijonge ecaleni, uvumele nawaphi amanzi aphume ngomlomo nangempumlo. Jika intloko ibe sesizikithini.
- Yiqethukisele emva intloko.
- Phakamisa isilevu.



B Ukuphefumla

- Uyaphefumla umntu? Ukuba akunjalo, qalisa ukumphefumlela umlomo-emlonyeni. Vala iimpumlo ngci ngeminwe.
- Gquma umlomo wakhe ngelaphu (nokuba yiplastikhi enomngxuma) ukuthintela usulelo lwentsholongwane ye-HIV ezilondeni okanye kwimisikeko.
- Cinezela imilebe yakho phezu komlomo womntu.
- Vuthelela emlonyeni.
- Qethukisela intloko emva.
- Qinisekisa ukuba isifuba siyaphakama ngomphefumlo ngamnye.



C Ukujikeleza kwegazi

- Yiva ukubetha kwentliziyo yomntu entanyeni yakhe.
- Ukuba akuvakali cinezela ithambo lesifuba lomguli ngezandla zozibini.
- Mpompa isifuba amaxa ali-15, uze umphefumlele kabini.
- Phinda-phinda kude kubuye ukubetha kwentliziyo okanye de kufike uncedo olunobuchule.



Iinombolo zeSizwe zemeko yonxunguphalo

Amapolisa **10111** IAmbulansi **10177** Umnxeba wabantwana **0800 055555**

Ezinye iinombolo _____ _____

Umhla .....

10 UBongi uhlangula inkwenkwe



Masibhale

Funda inqaku lephepha-ndaba kwakhona. Ngoku phendula le mibuzo.

Sithini isihloko sephepha-ndaba?

Le ngozi yenzeke ngowuphi umhla?
(Icebiso: bala ukusuka kumhla wephepha-ndaba.)

Kwenzeke ntoni kuMichael Naidoo? Bhala izivakalisi ezithathu uchaze okwenzeka kuye. Qala izivakalisi zakho ngendlela eboniswe ngezantsi.

1) Uqale wa

2) Waza wa

3) Ekugqibeleni uye wa



Zeziphi izakhono zobuchule awayenazo uBongi ezasindisa ubomi bukaMichael?

Gqibezela ubuchule obufunekayo bokunceda kwimo yonxunguphalo.

Umj

Ukup

Umj

Kungani kufuneka ugqume umlomo wakho xa uphefumlela umntu ngomlomo emlonyeni?



Izibiyeli
Sisebenzisa izibiyeli ngolu hlobo ( ) xa sifuna ukunika umfundi iinkcukacha ezongezelelweyo okanye xa sifuna ukuchaza okuthile. Ukuba ubona izibiyeli xa ufunda, nqumama, funda okubiyelweyo, kukhumbule, wandule ukuqhuba ngokufunda. Zikhangele kuyo yonke le ncwadi.

Masibhale

Ngqamanisa amagama neenkcazelo zawo. Bhala inombolo yamagama angasekhohlo ecaleni kwenkcazelo echanekileyo.

1.	Indawo yesehlo sengozi	Indlela eyodwa yokwenza okuthile
2.	Wahlaziya	Indawo eyenzeke kuyo ingozi
3.	Isiza	Wabuyisela ukuphila
4.	Ubuchule	Indawo

Jonga eli nqaku kwiphepha-ndaba. Krwela umgca ngezantsi kwazo zonke izibizo. Krwela umgca ngezantsi kwezibizo zoqobo (amagama abantu naweendawo) ngomgca obomvu ukuze **izibizo zezinto** (amagama ezinto) uzikrwele ngombala obhulowu. Ngoku fakela izibizo phantsi kwezihloko ezichanekileyo.

Umntu		**Indawo**		**Into**	
UBongi		Isikolo iFundani		inja	

Bhala ezi zivakalisi ngokutsha kwixesha langoku ngokungathi zonke izehlo zenzeka ngoku.
UBongi uhlaziye inkwenkwe yesikolo eyayirhaxwa edamini.

Inkwenkwe yayizama ukuntywila ukusuka emthini.

UBongi wantywilela edamini wayizisa elunxwemeni inkwenkwe.

Ngoku chaza indlela awaziva ngayo uBongi, kodwa bhala inkcazelo yakho ngexesha langoku.

Teacher
Sign:
Date:

Umhla .....

11 Iziqalo zohlobo olulodwa

Isimaphambili ngunobumba okanye liqela loonobumba eliguqula intsingiselo yegama ngendlela ethile xa sisifakela ekuqaleni kwegama. Umzekelo, isimaphambili u a okanye u zange xa efakelwa phambi kwesenzi wakha isilanduli sesenzi eso. Umzekelo, u ndihlala uba ngu andihlali isilanduli sesenzo sokuhlala okanye u-asi-njengaku nguBongi ojika abe ngu asingoBongi okanye asinguye. Kwisibizo u umntu naku umthi xa sifakela isimaphambili u aba-okanye u imi-ngokolandelelwano olufanelekileyo siguqula inani ukusuka kwisinye ukuya kwisininzi.



Masibhale

Gqibezela izivakalisi ngokufakela ezi zimaphambili kwiingcambu zamagama, jonga izakhi zamagama kwiindawo ezibhalwe ngqindilili:

nga	aku	aka	a	i

Inkwenkwe _____**yiziphetha**_____ kakuhle kuba iye edamini ingenamvume yokuya.

UMartin **ebengonwaba**_____ kuba ulahlekelwe yibhola yakhe ekhatywayo.

_____**kwazanga** umntwana ukufika ngexesha esikolweni kuba ibhasi iye yaphuka.

_____**phucuka**_____ ukuthetha ngomthamo emlonyeni.

_____**ndikuthand**_____ ukunxiba impahla emdaka.

Umntakwethu usoloko **e**_____**fun**_____ ukuvumelana nam.

_____**ndiyibeka**_____apha ifowuni yam ngoku _____**ndikwaz**_____ukufowunela umhlobo wam.

Yenza ipowusta ukhuthaze abantwana esikolweni sakho ukuba bafunde ukunika uNcedo lokuQala okanye ukuqubha.



Umhlathi olungileyo kufuneka ube nesihloko (okanye intloko) esinye kuphela. Eyona ndawo ifanelekileyo yokukhankanya isihloko kukwisivakalisi sokuqala. Xa uthetha ngesinye isihloko, kufuneka uqalise umhlathi omtsha.



Masibhale

Jonga izivakalisi ezingezantsi uze ususe ezo zingahambelaniyo nesihloko. Ngoku bhala umhlathi kwisithuba esingezantsi. Kuya kufuneka ukuba ubeke izivakalisi ngolandelelwano olufanelekileyo.

UBongi uhlangule inkwenkwe. (isivakalisi sesihloko)
Inkwenkwe intywilele edamini.
Ibetheke ngentloko esebeni yawela emanzini.
Lihle idama.
Amagqabi aluhlaza.
Ngethamsanqa uBongi ebegqitha.
UBongi untywilele phakathi ukuze ahlangule inkwenkwe.

Umhla .....

12 lileta ezimbini



UBongi uxelela umzala wakhe uNomsa ngendlela awaziva ngayo xa ehlangula uMichael.

Masifunde

Plot 24
Section 17
Kwa-Mashu
4364
28 Febhuwari 2013

Nomsa endimthandayo

Usalikhumbula idama esasiye kulo ngokuya wawusindwendwele? Siye sonwabela ukutyibilizela emanzini.

Izolo xa bendigoduka ndivela esikolweni ndihambe ethafeni elingasedamini. Ndiye ndabona into idada ngaphezulu edamini ndaza ndasondela ukuze ndiyiqwalasele. Indlela ebendothuke ngayo! Ibiyinkwenkwe, kaloku ndicinge ukuba seyiswelekile. Ndikhulule izihlangu zam nesikethi ndantywilela emanzini. Ndiyithe hlasi ndayikhuphela ngaphandle kwamanzi. Ndithe xa ndiyijonga seyingqengqe emhlabeni ndafumanisa ukuba ndiyayazi. IbinguMichael Naidoo, inkwenkwe ekwiBanga lesi-3 esikolweni sethu.

Bendingcangcazela kukothuka Nomsa, kuba ibingasaphefumli. Kodwa ngethamsanqa bendisamkhumbula uJPJ wemo yonxunguphalo, endamfunda kwizifundo zam zoNcedo lokuQala. Ndikhawuleze ndatsala iplasitikhi ebendigqume ngayo incwadi yam, ndavula umngxuma kuyo ndaza ndaphefumlela inkwenkwe ngomlomo emlonyeni.

Andavuya ngoko xa iqala iphefumla ndavuya ngakumbi xa ndibona uAnn efika noNksk. Makhanya edamini, inqununu yethu.

Ndivuya ngenene xa ephila uMichael. Ndiza kuxelela wonke umntu endimaziyo ukuba afunde ukudada kwaye aye kwiiklasi zoNcedo lokuQala.

NgoLwesihlanu olandelayo usapho lukaMichael luza kundipha ibhaso.

Nceda, Nomsa, cela umama wakho ukuba akuvumele uze esikolweni sam. Ndiyakukhumbula kakhulu.

Mna, umzala wakho
Bongi

PS Besendilibala, ndikuthumele iifoto zethu sidlala kunye.



Amagama amatsha



Masibhale

Zixelele ukuba unguMichael. Bhalela uBongi ileta umbulela ngokusindisa ubomi bakho. Sebenzisa idilesi eyiyeyakho.



Bhala idilesi yakho apha .....

.....

.....

.....

Bhala umhla apha .....

Bongi endimthandayo,

Bhala isiphelo apha .....

Bhala igama lakho apha .....

Ngoku bhala idilesi emvulophini eya kuBongi. (Uya kufumana idilesi yakhe kwileta yakhe eya kuNomsa.)



Igama

Idilesi

Ikhowudi

Teacher

Sign:

Date:



- *Kukho amanqaku amabini eendaba kweli phepha.*
- *Jonga imigca yesihloko uze ujonge nemifanekiso.*
- *Ucinga ukuba aqulethe ntoni amanqaku?*
- *Ucinga ukuba zikhona izinto ezifanayo kuwo?*

13 Ukuzikhathalela

Masifunde

Iindaba Zethu 13 Matshi 2013

Imithetho emitsha yokutshaya ikhusela abantwana





Bangaphezu kwesiqingatha abantwana kweli hlabathi abaphefumla umoya onongcoliseko lomsi wecuba, kanti phantse isi-5% sayo yonke imililo eMzantsi Afrika yenziwa ziisigarethi. Imithetho emitsha echasene nokutshaya inika ukhuselo lwabantwana olongezelelweyo.

UMbutho wezeMpilo weHlabathi (World Health Organization) uyasilumkisa ngokutshaya okungenziwa sithi (ukuphefumla umsi womnye umntu otshaya isigarethi) nokuyingozi empilweni yethu, ngakumbi ebantwaneni. Imithetho emitsha ngokutshaya yaseMzantsi Afrika ijoliswe ekunqandeni abantu ekutshayeni kufutshane nabantwana. Oku kuya kubakhusela emsini abawuphefumlayo obangela umbefu, ukutswina, ukukrala kwemibhojana yemiphunga okanye kwizifo zemiphunga. Imithetho emitsha yenza kube lulwaphulo-mthetho ukutshaya emotweni xa kuhanjwa nabantwana abangaphantsi kweminyaka eli-12 ubudala, kanti akakho ongaphantsi kweminyaka eli-18 ovunyelwa kwiindawo zabantu abatshayayo.

Ngaphezu koko, amaqumrhu eesigarethi ngoku kufuneka abeke imifanekiso yeepakethi zeesigarethi ukubonisa abatshayayo indlela eliyingozi ngayo icuba empilweni yabo, banokusebenzisa amagama afana nala "intshongo incinci", "iphantsi kakhulu" okanye "ayikho kangako" ngeesigarethi zabo. Amanye amaqumrhu eesigarethi azishicilela ezi zilumkiso kwiipakethi zazo kuba zenza abantu bacinge ukuba "intshongo encinci" ayinabungozi kakhulu kuneesigarethi zesiqhelo. Kodwa oku kuyakhohlisa. Iisigarethi ezinentshongo encinci aziwunciphisi umngcipheko wesifo.

IBhunga leSizwe eliChase ukuTshaya (The National Council Against Smoking - NCAS) liphawula lenjenje: "Umthetho omtsha uza kuba neempembelelo ezinefuthe kwimpilo kawonke-wonke. Ama-22% abantu baseMzantsi Afrika ayatshaya kanti ama-78% awathandi ukuphefumla umoya oxutywe ngumsi womntu otshayayo. Ukutshaya kuphambili ekubangeni ukufa **kwaphambi kwexesha**, okuthintelekayo. Icuba libulala abantu abangama-44 000 baseMzantsi Afrika ngonyaka ngamnye, kanti elo nani liphinda-phindwe kathathu ngaphezu kwenani labantu ababulawa ziingozi zeemoto."

I-National Geographic Kids Agasti 2013

Isikhwenene sisindise usana

Umgcini-bantwana uMaria Howard uve uWillie isikhwenene esithi "Mama, uSana!" waqonda ukuba ikhona into eyonakeleyo. Wabaleka waya kubona okwenzekileyo wafumanisa ukuba uHanna Desai oneminyaka emibini utsarhwa kukutya sekujike nebala lobuso laba bhulowu kuba imiphunga yakhe ibingakwazi kufumana moya. UMaria wakwazi ukukhupha ukutya obe kumvalile (esebenzisa indlela yobuchule awayeyifunde kwizifundo zoNcedo lokuQala) waza wasinda uHanna. UWillie isikhwenene sabona ukuba uHanna usengxakini kwaye wayefuna ukuba uMaria amncede. Ingcaphephe yezikhwenene e-National Geographic ithi izikhwenene ziintaka ezikrelekrele kakhulu. "Ziyakwazi ukuchonga iimeko ezothusayo. Ziphuhlisa imvisiswano eyomeleleyo nabantu kwaye ziyayibona ingozi." Namhlanje uHanna usempilweni entle kwaye wonwabile kwaye uWillie isikhwenene usoloko embekele iliso. Umlandela nokuba uyaphi ekhala, "Ndiyakuthanda".

(Lithathwe kwi-National Geographic Kids Agasti 2010)







Masithethe

Funda inkcazelo elandelayo uze ujonge umfanekiso.

- *Cacisela umhlobo wakho ngendlela esebenza ngayo imiphunga.*
- *Ngoku yenza iintolo emfanekisweni ubonise indlela umoya ongena uphuma ngayo emiphungeni yethu.*
- *Uyabona ukuba uAnna ukunqande njani ukutya obekuthintela usana ukuba lungaphefumli?*
- *Uyayibona indawo esemiphungeni eyonakaliswe kukutshaya?*
- *Uyayibona indlela la manqaku mabini amaphepha-ndaba anxulumene ngayo?*







Indlela esebenza ngayo imiphunga yakho



Ndiphefumlela ngaphakathi nangaphandle ngeempumlo nangomlomo.
Umoya ufumana ukufuma, ukufudumala nokucocwa kwigolonxa leempumlo.
Umoya uhla ngoqhoqhoqho wam uye kwimibhobho yam yemiphunga ukuze ungene emiphungeni yam emibini.
Phantsi kwemiphunga yam sisihlunu esomeleleyo isiqwanga. Sinceda imiphunga yam ngokutsala umoya ohlaziyekileyo sityhalele ngaphandle umoya osetyenzisiweyo.
Iimbambo ezingama-24 zijikeleze imiphunga yam. Umsebenzi wazo kukukhusela imiphunga yam. Iimbambo zam zikwancedisa imiphunga yam ngokuya phakathi nangaphandle.

Umhla .....

Masifunde

14 Ukuzikhathalela



Funda omabini amanqaku eendaba uze uphendule le mibuzo.

Afana ngantoni la manqaku mabini?

Imithetho echase ukutshaya iza kubakhusela njani abantwana?

Kutheni kuyinkohliso ukubhala "intshongo incinci" kwipakethi yesigarethi?

Zeziphi iingcaphephe ezikhankanywe kwinqaku elichase ukutshaya?

Yeyiphi ingcaphephe ecatshulwe kwinqaku lesikhwenene?

Yintoni ukutshaya ongakwenzi ngokwakho? (Icebiso: Jonga inkcazelo ephakathi kwezibiyeli kwinqaku lephepha-ndaba.)

Le khathuni icebisa ntoni malunga nokutshaya?





Amagama amatsha



Masisebenze

Khetha omnye kule midlalo-ndima uze uyibonise eklasini.

- Bonisa umntu omdala otshaya kufutshane nomntwana. Umdlalo-ndima kufuneka ubonise into eyenziwa ngumsi emntwaneni. Yiba nomntu ophawula ngokuthetha kumdlalo-ndima noxelela umntu omdala ukuba kutheni engafanelanga kutshaya kufutshane nabantwana.
- Bonisa okwenzeke kusana uHanna. Umntu omnye eqeleni lenu makadlale indima yesikhwenene ukuze omnye adlale ekaHanna.

Yenza ipowusta yokwazisa abantu abadala ukuba bangatshayi kufutshane nabantwana.



Masibhale

Xa sowugqibile, vavanya ipowusta yomhlobo wakho ngokuphendula le mibuzo:

Ingaba isihloko sinomtsalane?			
Ingaba ipowusta inomfanekiso oxhasa umyalezo?			
Ucinga ukuba umyalezo uya kubathundeza abantu ukuba bangatshayi?			
Ingaba zichanekile iinkcukacha ezikwipowusta?			
Ipowusta ingaphuculwa njani?			

Teacher

Sign:

Date:

Umhla .....

15 Ukutshaya kuyingozi



Masibhale

Fumana igama elilahlekileyo kwisivakalisi uze ufakele izimamva ezilandelayo.

Ufunde **ngezimaphambili** kwaye uyazi ukuba zifakelwa ekuqaleni kwegama. Isimamva sona ngunobumba okanye iqela labo eliguqula intsingiselo yegama xa sifakelwe ekugqibeleni kwegama. Umzekelo, u-**ile** sisimamva esifakelwa ekugqibeleni endaweni yesimamva esiqheleke kwizenzi zexesha langoku. Ezinye izimamva azifakelwa ekugqibeleni ncam kodwa ziba phambi kwesikhamiso esigqibelayo.

i	anga
el	eni

Umoya esiwuphefumlayo ucocwa _____.

Asinakuphila ngaphandle _____ umoya ngaphakathi.

Ukutshaya_____ empilweni yethu.

USipho usoloko enqanda umhlobo wakhe ukuba _____.

Isimaphambili okanye isimamva sifakelwe kwigama ngalinye. Krwela umgca ngezantsi kwengcambu (eyona ngxam yegama) uze ubiyele ngesangqa isimaphambili okanye isimamva.

eluncedo

osetyenzisiweyo	usana	wonwabile	uphile	fumanisa
amafu	phefumlela	imiphunga	ngoqhoqhoqho	amaphepha-ndaba



Masisebenze

Le mifanekiso ibonisa iintshukumo eziqhubekayo. Ncokola malunga nokuba zithatha ixesha elingakanani.



Ndiyabaleka elugqatsweni.



Ndilele ebhedini.



Ndihlamba amazinyo am.



Ndidlala ibhola yomnyazi.

Amagama amatsha

Masibhale

Ngoku bhala izivakalisi ezithathu ezizezakho ngesenzo esisaqhubekayo.

Umzekelo ngulo: "ndiyacinga"



Sisebenza ngamagama

Ngqamanisa izimaphambili kuluhlu lokuqala namagama kuluhlu lwesibini.
Emva koko bhala igama elipheleleyo kwisithuba esisekunene.

a		sana	
um		tya	
uku		phefumla	
isi		phunga	
u		qwanga	
ndi		nditshayi	

Umhla .....

16 Ukubhala inqaku lephepha-ndaba



Lungiselela inqaku elilelakho lephepha-ndaba. Xoxani ngemibuzo ekwimephu yeengcinga yomlingane wakho.

Masisebenze

Senzeke nini isiganeko?

Zitheni iingcaphephe?

Sesiphi isiganeko?

Senzeke phi?

Ngoobani abebeba-ndakanyeka?

Masibhale



Bhala inqaku elilelakho lephepha-ndaba kwisithuba osinikiweyo. Nika iphepha-ndaba lakho igama. Linike isihloko esitsala umdla uze ubhale iindaba zakho, ngokusebenzisa iingongoma eziphambili ozenze kwimephu yakho yeengcinga. Xa sowukwenzile oku, tshintshiselana nabanye abambalwa ngenqaku lakho eklasini sijonge ukuba ngubani oza kuba nezona ndaba zinomdla.

Amagama amatsha

Igama lephepha-ndaba nomhla

Ngu (Bhala igama lakho)

Zoba umfanekiso



Umgca osentloko

Xela isiganeko

Xela ukuba senzeke nini isiganeko

Xela ukuba ngubani obebandakanyeka

Xela ukuba siphele njani

Teacher

Sign:

Date:







2





Umhla .....

17 Izandi zesihobe



Masithethe

Kude kube ngoku kule kota ufunde ngamabali athile amanye awo asabuntsomirha avela emazweni ahlukeneyo kwaye ufunde amabali aziindaba.

Ngoku siza kuqwalasela uhlobo olwahluke kwaphela lokubhala: isihobe. Uninzi lwemibongo lunesingqisho, nesimbo samagama anemvano-siphelo; kodwa asiyiyo yonke imibongo enamathela kwimvano-siphelo. Okuluphawu lwayo yonke imibongo kukuba iyaphuphuma yintsingiselo.

Sicinga ukuba uza kuyonwabela le veki yesidlo sentaphalala yesihobe.



Masifunde



Izikhova zithi huu
Amabhere athi rhuu
Iinyenzane zithi tswiri, tswiri
Iimpuku zithi kwitsi, kwitsi
Iingonyama ziyabhavumla
Iikati zithi mnyawu, mnyawu
Iigusha zithi mme, mme
Kodwa NDIYATHETHA!
Iinkawu zithi shwakh
Amadada athi kwekh
Iinkomo ithi mhuu
Amahobe athi vukuthu.
Iihagu zithi gru-gru
Ihashe lithi khururu
Iinkuku zithi kukuru-kugu
Kodwa NDIYAXELA!
Iimpukane zithi bhuu.
Iinyosi zithi zuu.
Izinja zithi hawu.
Amalulwane athi kwi-kwi.
Izikhwenene zithi khwi-khwi
Ingcuka ithi ho-ho
Amasele ko-ko
Kodwa NDIYAXOXA.

A Shapiro (ulungisiwe)



Masisebenze

Imibongo ikholisa ukusebenzisa amagama abonisa ifuthe leengxolo. Yenza iingxolo zezilwanyana ezithandathu ezikhankanywe embongweni. Yenza ukuba abahlobo bakho baqashisele ukuba yingxolo yesiphi isilwanyana oyenzayo.



Amagama amatsha



Masibhale

Umbongo uyintoni?
Abantu abathi mhuu kwaye abatswirizi. *Benza ntoni?* Krwela umgca ngezantsi kwamagama eengxolo ezenziwa ngabantu embongweni, wandule ukuwabhala apha.

Dwelisa izilwanyana ezithandathu ezikhankanywe embongweni uze ecaleni kwaso ubhale ingxolo yaso.

Fumana amagama embongweni anemvano-siphelo yala magama.

Ukubhavumla		ukuxela		ukuthi mhuu	
Ukuthetha		ukuxoxa		ukumnyawuza	

Okunye ngezimamva
Khumbula, sinokufakela isimamva kwintsingiselo yegama ekupheleni kwalo. Zeziphi izimamva esizifakela kwizibizo eziphela ngezikhamiso –a, -e, no-i xa sifakela u-eni

a + eni - icala = **e**ca**leni**
e + eni - **icephe** = **e**cep**heni**
i + ini - imali = **e**ma**lini**

Xa isibizo sifakelwa u-eni sijika sibe yindawo. Ngokuqinisekileyo kufuneka igama elo liqale ngesimaphambili u-e xa kuza kufakelwa isimamva u-eni. Kodwa xa isibizo siphela ngesikhamiso -i, u-eni ujika abe ngu-ini.



Masibhale

Gqibezela izivakalisi ngokufakela u-**eni** okanye u-**ini**.

1. Intombazana ibeke iincwadi esitulw___.
2. Nosipho faka ityuwa emngqushw___.
3. Ndithathe emal__ yakhe.
4. Ihobe lingene endlw___.
5. Abantwana babehamba emanz___.

Qwalasela iimpendulo zakho uze ubhale amagama kwisichazi-magama sakho.

1=eni 2=eni 3=ini 4=ini 5=ini

Umhla .....

18 Umculo wesihobe



Masifunde









Iikati zilala nokuba kuphi

Iikati zilala nokuba kuphi, nakweyiphi itafile, nakwesiphi isitulo.
Phezu kwekhabhathi, efestileni, ekupheleni nasekucuphekeni.
Apho kunesithuba khona, eziko naphezu komntu.
Ebhokisini, ebhedini, esihlangwini.
Nokuba kuphi! Azikhathali! Iikati zilala nokuba kuphi.

Eleanor Farjeon (ulungisiwe)



Masibhale

Umbongo uthetha ngantoni?

Ucinga ukuba umbhali uyazithanda iikati? Kutheni?

Fumana amagama embongweni anemvano-siphelo ehambelana nala magama uze uwabhale kwizikhewu ezikhoyo.

ifestile		ibhedi		umntu	
isiphelo		ibhokisi		iziko	

Ngokwalo mbongo, zilala phi iikati? Yenza uludwe lwezo ndawo.

Zikhona ezinye iindawo onokuzicinga ezinokulala kuzo iikati?

Amagama amatsha

Ulonwabo lwesihobe

Ukuthimla okungayekiyo

*Phezolo ndihlaselwe kukuth**imla**.*
*Ndaxinana ndaziva ndi**gula**.*
Suka ndaya kubona ugqirha
*Iyeza lafika ezimpumlweni lazikhu**lula**.*

*Ngeyesibhozo nda**lala**.*
*Zingayekanga ukuvuza iimp**umlo**.*
*Ndacima isibane kwamny**ama**.*
*Kunzima ukufumana umphef**umlo**.*

Yiloo nto ke titshala.
Ndoyisiwe luvavanyo lokubhala amagama
*Kukuthimla kuphela endikwenz**ileyo***
*Buboya bekati obundigulis**ileyo**.*

Bruce Lansky (ulungisiwe)



Masibhale



Masithethe

- Zama ukuva ingoma okanye isingqisho kulo mbongo.
- Wufundele phezulu uqhwabe nezandla ngokwesingqisho.
- Thetha nomlingane wakho ngentloko yombongo.

Zama ukubhala umbongo ongowakho. Zama ukuba umgca ngamnye wesibini uphele ngegama elinemvano-siphelo. Qala uwubhale ephepheni elingenamsebenzi. Wufundele umhlobo wakho wandule ukuwubhala kwisithuba esingezantsi.

Masibhale

Umhla .....

19 Isibongo saseMzantsi Afrika



Masifunde



Sinebhongo ngesizwe sethu.
Yizani, yizani masicule ingoma esidibanisa sibe banye.
Lilizwe labantu eli
Elabantu, ngabantu.

Siyakhahlela elizweni lethu elitsha.
Sibonga ilizwe lethu elihle
Ngomhobe uNkosi Sikelel' iAfrika.

Zolani bantwana abancinci,
Fakan'isandla ekwakhiweni kwelizwe lenu.
Masakhane, masakhane
Niziinkokeli zangomso.
Masakhane, thina ma-Afrika aseMzantsi.



Masithethe

- Uthetha ngantoni lo mbongo?
- Kutheni sisithi sisibongo?
- Ingaba esi sibongo sinaso isingqisho?
- Nicinga ukuba nina, njengabafundi, ningenza ntoni ukuphucula ilizwe lethu? Fakelani izimvo zenu kule mephu yeengcinga.





Amagama amatsha

Masibhale

Ngoku bhala umhlathi ngendlela yokuphucula uMzantsi Afrika ukuze ube yindawo ephucukileyo yokuhlala. Sebenzisa izimvo ezisemephini yeengcinga. Sikunike isivakalisi sesihloko esingundoqo sokuqalisa umhlathi wakho.

UMzantsi Afrika lilizwe elihle kwaye sonke sinokuncedisana ekulenzeni libe yindawo ephucukileyo yokuhlala.



Ngoku bhala umbongo wakho ngobomi eMzantsi Afrika.



Masibhale

Ufunde izinto ezininzi ngamagama kulo nyaka. Umzekelo, ufunde ukuba izichazi ngamagama achaza izibizo. Khangela ukuba unako na ukufumana **izifanokuthi** (amagama anentsingiselo **efanayo**), ngezi zichazi.

Izifanokuthi ngamagama aneentsingiselo ezifanayo. Umzekelo, u-**vuya** sisifanokuthi sika**yonwaba**.

Sebenzisa amagama asebhokisini ukukuncedisa.

intsundu ngcolile krele-krele oyika bengezela dukile ityebile ucikiziwe

mdaka		othuka	
hlakaniphile		inkulu	
lahlekile		khazimla	
imnyama		mhle	

Umhla

20 Imibongo ngezijikelezi-langa

Kule veki siza kundwendwela esibhaka-bhakeni sisibone. Xa sesibuyela emhlabeni, siza kuzizoba ukuze sibukele ihlabathi elisingqongileyo.



Masithethe

- Uyawazi amagama ezijikelezi-langa?
- Umangalisiwe ukuba zinjani izijikelezi-langa? Ingaba ziyafana nesi sethu, uMhlaba?
- Zikhona kuzo okhe wazibona ebusuku, esibhakabhakeni?
- Ingab'uyazi na ukuba sikude kangakanani na elangeni?



Masifunde

Kulo mbongo, iPluto isabizwa ngokuba sisijikelezi-langa. Ngowama-2006, iingcali zenzululwazi zavumelana ngenkcazo entsha yento eziyiyo izijikelezi-langa zafikelela ekubeni enyanisweni, iPluto ayisiso isijikelezi-langa. Kwangelo xesha kufunyaniswe izijikelezi-langa ezitsha eziliqela. Oku kubonisa ukuba kuninzi kakhulu ekusafuneka kufundwe ngehlabathi esiphila kulo!

Zilithoba izijikelezi-langa ezingqonge ilanga,
Mamela xa ndizibiza nganye ngamagama azo.

Metyhuri? Ndilapha! Sesokuqala
Esona sijikelezi-langa sikufuphi nelanga.

Vinasi? Ndilapha! Sesesibini
Sikhazimla kangako, ngathi sitsha.

Mhlaba? Ndilapha! Sesesithathu
UMhlaba likhaya lam nawe.

Mazi? Ndilapha! Sesesine
Sibomvu silindele ukuba sifike kuso.

Jupita? Ndilapha! Sesesihlanu
Sesona sijikelezi-langa sikhulu, akuhlali nto kuso.

Sathani? Ndilapha! Sesesithandathu
Sijikelezwe luthuli neliqhwa ndawonye.

Yuranasi? Ndilapha! Sesesixhenxe
Isijikelezi-langa esijinga phezulu ezulwini.

Nepityhuni? Ndilapha! Sesesibhozo
Sinechokoza elinye elikhulu kakhulu elimnyama.

Pluto? Ndilapha! Sesethoba
Esona sincinci nesokugqibela!

M. Goldish (ulungisiwe)

Isimntwiso
Kulo mbongo, imbongi ibiza izijikelezi-langa nganye-nganye ukuze iseso siphendule. Uthetha nesijikelezi-langa ngasinye ngokungathi ngumntu. Oko sithi **sisimntwiso.**



Masithethe

- Uthetha ngantoni lo mbongo?
- Ucinga ukuba imbongi iwubhalele ntoni lo mbongo?
- Ukuxelela ntoni lo mbongo ngeendawo ezikuzo izijikelezi-langa?
- Isijikelezi-langa sethu, uMhlaba sikufutshane kangakanani elangeni?
- Ingaba umbongo unesingqisho? Wufundele phezulu uze ungqishe ngonyawo ngokwesingqisho sawo.

Amagama amatsha



Masibhale

Fumana izibini ezithandathu zamagama kulo mbongo ezinemvano-siphelo uze uzibhale kule theyibhile.

ndilapha	nelanga				



Masisebenze

Ngoku jonga umbongo nakumzobo ongezantsi. Khangela ukuba unganako na ukufakela amagama ezijikelezi-langa malunga nokuchazwa ngumbongo ngokunxulumene nelanga. Umbongo ukuxelela indawo esikuyo isijikelezi-langa ngasinye. Thina sifakele esokuqala – wena zigqibezele zonke. Wakugqiba, thelekisa iimpendulo zakho nomfanekiso. Kodwa khumbula – iPluto ayisosijikelezi-langa.



Umhla

21 Igonggonggo elikhulu





Masifunde

- Ukhe wavuka ekuseni kakhulu walibona ilanga liphuma?
- Ukhe walibukela ilanga litshona? Belinjani?



Ukhe wavuka ekuseni kakhulu? Ukhe wabubona ubusuku bujika bungangxamanga buba yimini? Ukuba akuzange, zama ukuvuka ekuseni kakhulu ngenye imini. Jonga esibhaka-bhakeni. Ukuba uvuka ekuseni ngokwaneleyo kuya kuba kusemnyama. Kodwa ukuba uyalinda ithutyana uya kubona, empumalanga, indlela isibhaka-bhaka esijika ngayo singangxamanga sibe ngwevu. Emva koko, **ukukhazimla** kuyanaba **elundini** lwasempumalanga luphelele. Ngephanyazo uya kubona incam eyona yakha yaba ncinci ebomvu krwe ikroba phezu kwesiphelo somhlaba. Ilanga.

Lithe chu liya kuya ngokuya **libonakale** xa linyukela phezulu esibhaka-bhakeni. Kodwa ilanga enyanisweni alinyuki. Kuthi libukeka ngathi linyukela phezulu esibhaka-bhakeni. Eyona nto yenzekayo, kukuba, inxalenye yehlabathi apho sihlala khona yiyo ejikelezayo ize ithi xa isiya ngokuya ubuso bayo bujongane nelanga.



Oku kuthetha ukuba xa isiqingatha sethu somhlaba sigqunywe kukukhanya, esinye esijongene naso sisebumnyameni.

Ngoko ke, xa uvuka usiya esikolweni, abantwana kwelinye icala lehlabathi baya kulala. Xa kukusasa kwinxalenye yethu yehlabathi, bususuku kwenye inxalenye.



Amagama amatsha

Masisebenze

Lo mhlathi uthetha ngantoni?
Uvuka ngabani ixesha xa usiya esikolweni?
Benza ntoni abantwana abakwelinye icala lehlabathi xa wena uvuka? Kutheni?
Yeyiphi imibala athi umbhali uya kuyibona xa isibhaka-bhaka siguquka ukusuka kwixesha
lasebusuku ukuya kwelasemini?
Owokuqala
Kulandele
Owokugqibela



Masibhale

Jonga ezi zibini zamagama. Amagama avakala efana kodwa aneentsingiselo ezahluka-hlukileyo. Siwabiza ngokuthi zizibizo zemfano-dumo.

Umhlaba	umhlaba	umzi	umzi
Ulwimi	ulwimi	unyawo	unyawo
Umhlathi	umhlathi	inyanga	inyanga

Sebenzisa izibini ezithathu kwezi zibizo zemfano-dumo ubhale isivakalisi ngegama ngalinye ubonise ukuqonda kwakho intsingiselo yazo. Kuya kufuneka ukuba ubhale izivakalisi ezithandathu.

<u>Unyawo</u> lwam lude.
Ubude beli laphu <u>lunyawo</u> olunye.

Umhla .....

22 Liphi ilanga?



Masifunde





Kude phaya kwizigidi zeekhilomitha kukho ibhola enkulukazi, ingqokelela yeegesi ezikhazimlayo. Siyibiza ngokuba lilanga. Enyanisweni ilanga yinkwenkwezi. Yeyona ikufuphi kuthi emhlabeni. Igama elithi 'sol' lelona lokuqala elanikwa ilanga, kwaye sisishunqulelo selo lithi 'solar'. Namhlanje ilanga linamagama ahlukeneyo kuzo zonke iilwimi zehlabathi. Ilanga lisisibhadlalala kodwa libukeka lilincinci. Oko kwenziwa kukuba likude kakhulu. Likude kangangeekhilomitha zezigidi ezili-150 ukususka emhlabeni. Ilanga lishushu, lishushu ngaphezu kokuba unokucinga. Yiloo nto liqaqambe kangaka. Xa into ishushu kakhulu iya ngokukhazimla kakhulu. Ilanga likhazimla ngamandla kakhulu, kwaye asifanelanga kulijonga ngqo.



Masibhale

Ukuba likhulu kangako ilanga, kutheni libukeka lilincinci?

Likude kangakanani ilanga emhlabeni? Bhala inani ngamanani.

Ingaba ilanga liyibhola yomlilo?

Sesiphi isijikelezi-langa esisabubhulowu elikhazimla kuso ilanga?



Amagama amatsha

Sisebenzi ngamagama

Nika izilanduli okanye izichasi zegama ngalinye.

kufuphi		qaqamba		imini	
isibhadlalala		nkqi		ubumnyama	

Liyaphi ilanga ebusuku?





Masifunde

Ndibona ilanga lilikhulu kangako kwaye likhanya
Ingaba ebusuku kuphelela phi ukukhanya?
Singathi bethu liyalala okanye liyacambalala?
Okanye likhazimla kwelinye icala?

Liya emva kweenduli
Engqeleni yasebusuku ingaba lingaphaya kweziduli?
Okanye lizinika ithuba lokuphumla
Emva kokunika indalo ukufudumala?

Ingaba lichwechwela entshona
Okanye lirhubuluza liye kutshona?
Ndiboniseni ukuba lisuka litshone ezantsi na
Okanye lisindwa bubunzima emazantsi na?

Bendicinga ukuba lisuka ligqatse,
Ngokuxananazisa inzolo yemitha yalo egqatsayo.
Ewe, linyanzelo elo, ngokucacileyo
Kaloku umhlaba awungomcaba.



Masithethe

Ingaba lo mbongo unesingqisho? Ngqisha ngonyawo ngokwesingqisho.
Ingaba imbongi isebenzisa amagama anemvano-siphelo? Aphi?
Yeyiphi imigca yombongo enemvano-siphelo?



Masibhale

Uthetha ngantoni lo mbongo?
Yeyiphi imibuzo ebuzwa yimbongi ngelanga? Bhala emithathu.
Nika izibini ezine zamagama anemvano-siphelo asetyenziswa kulo mbongo.

Umhla

23 Inyanga nesimo esiguqu-guqukayo



Masifunde

Wha! Nyanga uyabukeka,
Ukhazimla emajukujukwini;
Owu! Mama ufana
Nesibane emoyeni.
Kwiveki ephelileyo ebelisuntswana
Enesimo somphambili wenqanawa;
Kodwa ngoku ukhule wamkhulu
Wangqukuva njengesangqa O.

E Follen



Lo mbongo uthetha ntoni?
Kutheni imbongi iyenza umntu inyanga?
Ithetha ukuthini imbongi xa isithi inyanga ibingathi ngumphambili wenqanawa kodwa emva koko ibengqukuva njengesangqa "O"?
Ngawaphi amagama anemvano-siphelo?

Masithethe



Masisebenze

Phofu ubusazi ukuba enyanisweni inyanga ayikhanyi, nokuba ukukhanya kwayo asikuko okwayo? Inyanga ifana nesipili, ithatha ukukhanya elangeni. Iyasiguqula isimo sayo isisuse kwesincinane esifana nekeyiki elunyiweyo okanye umphambili wenqanawa iphinde isijike sifane nesimo esingqukuva O. Iphinde ibuyele kwisimo esifana neseqanda kwakhona. Oku kwenzeka xa ihamba izula-zula emhlabeni. Oku sithi zizimo ezahlukileyo zenyanga. Ucinga ukuba sukuba kusenzeka ntoni apha?



Amagama amatsha

Thetha ngokwenzekayo kulo mjikelo.

Masithethe

Amabakala enyanga



Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso? Inyanga ibonakala iguquka imilo inyanga yonke. Umzobo ubonisa amabakala enyanga. Umzobo ongaphakathi ubonisa indlela inyanga ejikeleza ngayo umhlaba ize ibonise nokukhanya okuvela kwinyanga. Umzobo ongaphandle unika igama lebakala ngalinye kwaye ubonisa nendlela inyanga ekhangeleka ngayo kuthi emhlabeni.

Masibhale

Khumbula, sinako ukuguqula intsingiselo yegama ngokufakela isimaphambili ekuqaleni kwegama. Kwitheyibhile kukho amagama esifakele izimaphambili kuwo. Bhala izivakalisi ezithathu ukubonisa ukuba uyazazi iintsingiselo zaloo magama. Izimaphambili u-e okanye u-kwa xa zifakelwe zakha amagama abonisa indawo.

E+ isizwe	e+isonka	e+Monti	e+ucingo
e+isikolo	e+ikhaya	e+ubuhlanti	e+indlela
kwa+khe	kwa+Mekeni	e+ivenkile	e+igumbi

Umhla .....

24 Ingxoxo ezinzulwini zobusuku

Ezinye zezivakalisi zichaza okusekunene, ezinye zichaza okusekhohlo. Krwela umgca ukusuka kwisivakalisi ngasinye ukuya kwisimo esichanekileyo.

Masibhale



Imoto yakhe inokukhanya okudanyazayo okubhulowu.
Unxibe iyunifomu ebukekayo ebhulowu.
Iinwele zakhe azibukeki kuba zime nkqo.
Ubukeka ngathi ufanele ukubhafa.
Unelizwi elindongo-ndongo.
Ubukeka esoyika kwaye enesazela.
Ubukeka engqongqo.

Bhala umhlathi apho uchaza khona omnye wabalinganiswa.



Amagama amatsha



Masibhale

Ngoku bhala okuthethwa ngabalinganiswa omnye komnye. Oku kubizwa ngokuba **yingxoxo**. Ingxoxo ikuxelela kuphela okuthethwa ngabantu. Imidlalo ibhalwa ngolu hlobo. Xa sowugqibile ngengxoxo yakho, yidlalele iklasi.

Ipolisa: Wenza ntoni esitalatweni ebusuku kangaka?

UZakes: _____

Ipolisa: _____

UZakes: _____

Ipolisa: _____

UZakes: _____

Ipolisa: _____

Ngoku bhala izivakalisi zakho ezibini njengentetho-ngqo, usebenzise iimpawu zocaphulo ezingambini.

Zihlanganise. Izihlanganisi ngamagama onokuwasebenzisela ukubhala okuvakala kamnandi. Xa sisebenzisa isingxi oko kuthetha ukuba umfundi ufanele ukuma kwaye anqumame. Xa usebenzisa isihlanganisi, unako ukuhlanganisa izivakalisi ezibini.

Sebenzisa izihlanganisi ukudibanisa ezi zivakalisi.

kwaye	ngoko ke	kuba	kodwa	nangona

Inkwenkwe ibiphandle sekurhatyele. Ibibukele inyanga.

Inkwenkwe ibiphandle sekurhatyele **kuba** ibibukele inyanga.

Ipolisa belixhalabile _____ liyigodusile inkwenkwe.

Ipolisa ligoduse inkwenkwe _____bekusemva kwexesha kakhulu.

Umama wenkwenkwe ebengekho ekhaya _____ utata wayo ebelele.

Inkwenkwe ibigeza _____ umntakwayo ebegeza kakhulu.

Inkwenkwe ibinganxibanga jezi _____ bekubanda.

25 Umhlaba wethu lilifa lethu



Uhambo lwethu lwasesibhaka-bhakeni luphelile kwaye ngoku sibuyele eMhlabeni. Ngoku lixesha lokujonga okusingqongileyo ehlabathini. Masiqale ngokujonga emhlabeni.

Masifunde

Kwezi holide zesikolo abantwana bamenywa ukuba beze kwizifundo zeholide "ngendlela yokukhathalela umhlaba wakho." Zenzelwa bonke abafundi beBanga lesi-6 abahlala emaphandleni. Izifundo ziqhutywa liSebe lezoLimo. Amantombazana namakhwenkwe bonke bamkelekile. Unokufaka isicelo sokuzenza ezi zifundo ngokutsalela umnxeba kwinombolo ethi 012 345 678 phambi kokuphela kukaMatshi. Niza kufunda ngokhukuliseko lomhlaba, neengxaki ezilubangela abalimi. Umhlaba ngowethu sonke. Yiza uze kufumanisa ngendlela esilahlekelwa ngayo ngumhlaba wethu, nendlela esinokukunqanda ngayo oku ukuba kungenzeki. ISebe lezoLimo liya kubonelela ngezithuthi nangendawo yokuhlala.









UWilliam kufuneka asoloko esalusa iinkomo neebhokhwe. Usapho lwakhe lutsala nzima kuba ubuninzi bomvuzo kaTata wakhe busetyenziselwa ukuhlawula iimali zesikolo zabantwana abadala kunaye. UTata wakhe usebenza edolophini, kanti uMama wakhe ngumlimi. Kodwa kuya ngokuncipha ukutya okufumaneka emasimi ngonyaka ngamnye, kwaye akazi ukuba kutheni. Into ayaziyo inye kuphela kukuba xa umhlaba ulukhuni, izityalo azisayi kuphinda zikhule.



UWilliam undwendwela uHosiya, umhlobo wakhe, ohlala kude ngee-5 km ukusuka kokwabo, kwaye uqaphela ukuba zikhula kakuhle izityalo efama yabo. Batyala imithi bembe nemingxuma ukunqanda amanzi emvula ukuba angakhukulisi umhlaba. Utata kaHosiya wazi lukhulu ngokulima ngoku uzama ukunceda abanye abalimi.



UWilliam ucinga ngakubone efama yakuloHosiya. Uphinda acinge ngesibhengezo asive kwirediyo. Ngobo busuku, uthetha noMama wakhe. Umxelela ngakubone kuloHosiya efama, abe selecela ukuba amvumele aye ezifundweni. Uyavuma, kuba naye exhalabile ngefama yabo, nangezityalo ezingakhuli kakuhle.

Amagama amatsha



Masithethe

Kutheni ucinga ukuba uWilliam uyakulangazelela ukufunda banzi ngeendlela zokulima?
Uyazi ukuba kutheni zingasakwazi ukuba zihle izityalo zikamama kaWilliam?
Nika izizathu.



Masibhale

Phinda ulifunde ibali, uze uphendule imibuzo.
UWilliam ufumanise njani ngezifundo zezolimo?

Kutheni uWilliam efuna ukuya ezifundweni?

Khankanya izinto zibe ntathu ezenza uWilliam acinge ukuba uza kuba nento ayifundayo.

1.
2.
3.



Masisebenze

Phinda ukhangele isibhengezo serediyo kwakhona.
Ngoku yenza ipowusta yesaziso sezifundo zokulima.

26 Basuka bahamba



Masifunde

UWilliam ucela uHosiya ukuba baye kuzenza bobabini izifundo zolimo. Bafumanisa ukuba ziza kubanjelwa esikolweni esithile ePolokwane. Nabo ke benduluka ngeeholide zesikolo ezilandelayo besiya ezifundweni. Bakufika khona, bonke abafundi bamkelwa nguNksk. Msimang, iGosa lezoLimo. Into yokuqala ayixelele wonke umntu kukuba kufuneka bafunde ukulondoloza umhlaba wethu.



UNksk. Msimang uxelela abantwana okuninzi ngomhlaba. Uthi zimbini izinto ezinokuwuba umhlaba wethu: ngamanzi nomoya. Amanzi emvula anako ukukhukulisa umhlaba. Oku kubonakala kakuhle xa umlambo ujike wamdaka ngebala. Elo bala lenziwa ngumhlaba **onyibilike** emanzini. Ukulahleka komhlaba kubizwa ngokuba lukhukuliseko lomhlaba. Umhlaba osethambekeni uya kulahlekelwa lula kuba amanzi eqengqeleka nawo. Ngephanyazo umhlaba uba lukhuni amanzi angakwazi ukutshona ezantsi, ngoko ke amanzi aya emlanjeni, ehamba nomhlaba. Ukuba ubusowulinyiwe umhlaba, ukhukuliseko luxhalabisa ngakumbi. Ekugqibeleni, sigqibela ngokungabi namanzi ezityalo, kungabikho namanzi emaquleni.

UNksk. Msimang uxelela abantwana indlela yokuphawula xa umhlaba uqalisa ukukhukuliseka. Uthi maxa wambi ungabona imijelo emincinanana kuyo yonke intsimi. Imijelwana isenokuvalwa yingca uze ubone umhlaba ocolekileyo emva kwengca. Ukuba loo mhlaba uyakhukuliseka ngenxa yemvula loo mijelwana iyavuleka. Xa injalo iba ziimfante. Kunyaka ozayo ezo mfante ziba nzulu ngakumbi. Ekugqibeleni ziba yimingxuma, abanokuwa phezu kwayo abantwana. Leyo yindlela abantwana abanokulubona ngayo ukhukuliseko lomhlaba.

Emahlathini akukho lukhukuliseko lomhlaba, kuba imithi iyawukhusela umhlaba. Kwiminyaka engamawaka-waka edlulileyo, iinxalenye ezintathu kwezine zawo wonke umhlaba ehlabathini zazigqunywe yimithi. Nangona kunjalo, abalimi abafuna umhlaba othe chatha wokulima izityalo bathe gqolo ukugeca imithi nokususa ingca. Namhlanje, malunga nama-80% yemithi siyitshabalalise ngokuyigeca okanye ngemililo nangezifo. Amanye amazwe asenemimandla emikhulu yamahlathi emvula, kodwa itshatyalaliswa mihla le.

Ubanika **upapasho-nkqubo** ukuba bazifundele. "Naku esikholelwa kuko. Nani sifuna nikholelwe kuko."

Nalu upapasho-nkqubo. Zifundeleni.

Ukukhulisa umhlaba ngokutsha

Umhlaba ubalulekile. Sizifuna zonke izityalo ezinokulinywa ngabalimi. Ikamva lelizwe lethu lixhomekeke emhlabeni olungileyo. Ngoko ke kufuneka sazi banzi ngokhukuliseko lomhlaba nendlela yokulunqanda. Ukhukuliseko lomhlaba lisela eliwuba lingangxamanga umhlaba wethu.

Mawubuye umhlaba wethu olungileyo. Akukho mntu ofanele ukulamba. Abadala nabancinci mababambane ngezandla kule nkqubo. Masibuyise ilifa lookhokho bethu. Abantwana mabalwele umhlaba oya kuba ngowabo ngenye imini.



Amagama amatsha



Masithethe

Jonga upapasho-nkqubo uze uthethe ngomhlaba ohlala kuwo.

Ingaba uhlala endaweni enokhukuliseko lomhlaba? Ukuba kunjalo, uyavumelana ke nolu papasho-nkqubo? Ingaba uhlala elalini okanye edolophini njengotata kaWilliam nabakhuluwa bakhe? Ukuba kunjalo ulubona njani olu papasho-nkqubo?



Masibhale

Yintoni upapasho-nkqubo? Upapasho lukaNksk Msimang luthetha ngantoni?

Wena ungabandakanya ntoni kupapasho-nkqubo. Kubhale phantsi oko apha.

Yintoni ukhukuliseko lomhlaba?

Yintoni etshabalalisa imithi yethu?

Bhala phantsi izinto ezine ezibalulekileyo ezifundwe nguHosiya noWilliam ezifundweni. Zishwankathele kwisithuba esinikiweyo.

1

2

3

4

27 Malunga nomhlaba



Masifunde

UNksk. Msimang ufundise uWilliam, uHosiya nabanye abantwana ukuba zimbini iintlobo eziphambili zomhlaba: ngumhlaba ophezulu nomhlaba ongaphantsi.

(1) Umhlaba ophezulu kulapho izityalo zikhula khona kakuhle. Umhlaba ophezulu utyebile ngezondlo nangeetyuwa (izinto ezinika ukutya kwizityalo ukuze zikhule kakuhle). Kunzima ukufaka omnye umhlaba ophezulu xa ukhukulisekile.

(2) Umhlaba ongaphantsi ungaphantsi kongaphezulu. Uyakhanya ngebala kunomhlaba ongaphezulu kwaye kukholisa ukuba kubekho udongwe okanye isanti kuwo. Umhlaba ongaphantsi ulukhuni wona kunowangaphezulu. Umama kaWilliam utsala nzima xa efuna ukulima izityalo emhlabeni olukhuni.





Ukuba sifuna ukulima izityalo, kufuneka sinqande umhlaba ongaphezulu ungakhukuliswa yimvula. Oku sinokukwenza ngokutyala imithi nokuphepha ukugcina izilwanyana ezininzi kwiifama zethu.

Mandulo, ubusithi wakudinwa umhlaba, abantu baliyeke ihlathi likhule lihlaziyeke ukuze kuphinde kufumaneke imithi. Kodwa ngoku, ngenxa yokwanda kwabantu, umhlaba sisoloko siwusebenzisa qho. Sifuna umhlaba wokulima izityalo ukuze batye ngokwaneleyo abantu. Kodwa xa singawucoci umhlaba masiqiniseke ukuba siyawugquma ngezityalo kwakhona eziya kugcina umhlaba ongaphezulu endaweni yawo. Ukuba silima amazimba, ibhatata, amandongomane neembotyi, ezo zinto ziya kuwugcina endaweni yawo umhlaba xa imvula isina.



Abalimi nabo mabalime imithi, ingezo zityalo kuphela. Amafama anesakhono alima ingca ukukhusela iingcambu zemithi ekhulayo. Abawatshayeli onke amagqabi awa emithini, kuba amagqabi akhusela umhlaba ongaphezulu, kwaye aba kukutya komhlaba xa esoma.

Ukuba intsimi yakho isethambekeni, unomsebenzi omkhulu ekufuneka uwenzile ukuqinisekisa ukuba awulahlekelwa ngumhlaba ongaphezulu. Kufuneka wenze amaqolo. Usenokusebenzisa iindiza zombona nezamazimba ukwenza amaqolo, endaweni yokuzitshisa. Ukuba umhlaba unamatye kakhulu, unokuwasebenzisa njengamaqolo.



Amagama amatsha



Masithethe

Kufuneka uwenze phi amaqolo okunqanda amanzi emvula ukuba angakhukulisi umhlaba ongaphezulu? Xoxani ngalo mba emaqeleni enu. Jongani umfanekiso nibone ukuba kutheni kubalulekile ukwenza amaqolo axwese intlambo ukuze agcine amanzi emvula endaweni yawo.



Masibhale

Cima izivakalisi ezingahambelaniyo nesivakalisi sokuqala sesihloko.



Umama kaWilliam ebengakwazi ukulima izityalo emhlabeni wakhe.
Umama kaWilliam uthenge ilokhwe entsha.
Ebezama ukulima izityalo emhlabeni olukhuni.
UWilliam ebefuna ukutyelela umhlobo wakhe.
Umhlaba ongaphezulu ngowona maleko ubalulekileyo womhlaba.
Umhlaba ongaphezulu uqulethe amanzi, iityuwa nezondlo ezininzi ezinceda izityalo ukuba zikhule kakuhle.

Bhala ke ngoku umhlathi usebenzise izivakalisi eziseleyo. Fakela isivakalisi esinye nokuba zibini ezizezakho.

Biyela ixesha elichanekileyo lezenzi kwezi zivakalisi.

Ulima/**ulime** umbona neetumato.

Wemba/**wembe** imisele yokutyala.

Bagalela/**bagalele** ikhomposti kwizityalo.

Wakha/**wakhe** iingqimba zekhomposti zokubeka phezu kwezityalo.

Siya/**siye** ezifundweni eziphathelene nomhlaba.

Fumanisa uze ubiyele zonke izinto ezihamba-hamba emhlabeni.

R	I	I	F	R	U	G	I	ufudo
U	I	M	T	G	F	U	N	umsundululu
K	N	B	N	E	U	M	K	umbungu
H	T	O	A	R	D	B	U	imbovane
U	U	V	M	B	O	U	M	isigcawu
L	B	A	M	I	Z	N	B	inkumba
A	I	N	I	L	I	G	A	iintubi
I	S	E	L	E	K	U	D	umvundla
								isele
								ukhula

Umhla .....

28 Ugqaliselo elwimini



Masifunde

Usakhumbula ukuba ziintoni izifano-dumo okanye oomabizwafane?
Nika umlingane wakho umzekelo. Kutheni kubalulekile ukuwazi umahluko phakathi koomabizwafane ababini?



Masibhale

Cingela xa unokufumana ileta evela kumhlobo wakho malunga nembali esemilenzeni yakhe ngenxa yokotha umlilo wembawula, apho athi, "Ndizame ukuyisusa kangangoko kodwa yimbali yokubaliswa."

Nantsi eminye imizekelo yoomabizwafane. Bhala izivakalisi apho usebenzisa khona aba mabizwafane. Izivakalisi zakho mazibonise ukuba uyakwazi othetha ngako.

ukusinda
ukusinda
ukusinda
ithanga
ithanga
ithanga
umzi
umzi
ukuthiya
ukuthiya
ukuthiya

Ngoku krwela umgca ngezantsi kwegama elisisenzi kwezi zivakalisi.
Faka isicelo sezifundo phambi kokuphela kukaMatshi.
Imvula ikhukulise umhlaba.
Siza kukunika isithuthi.



Masibhale

Ezinye izihlomelo

Xa sifuna ukuchaza banzi ngesenzo, sinokusebenzisa **isihlomelo**. Izihlomelo zisixelela **ngexesha** okanye **indawo** okanye **ngobunjani** (indlela eyenziwa ngayo intshukumo). Jonga ezi zivakalisi:

Unokuzenza izifundo zakho ngeeholide zasekwindla.
Ziya kwenziwa emaphandleni.
Umhlaba ukhukuliseke msinyane.

Bhala izihlomelo kwitheyibhile, phantsi kwesihloko esichanekileyo.

Ixesha	Indawo	Ubunjani

Isihlomelo ingaba ligama okanye ibinzana (iqela lamagama).

Kwizivakalisi ezingezantsi, krwela umgca ngezantsi kwezihlomelo okanye amabinzana esihlomelo, uze ubhale "ixesha", "indawo" okanye "ubunjani" ecaleni kwaso.

1. Faka isicelo sezifundo <u>msinyane</u>. .	*Ixesha*
2. Ungafaka isicelo ngokutsala umnxeba.	
3. Unako ukubuyela eluntwini lwakho.	
4. Umsebenzi osentloko kaWilliam kukwalusa.	
5. Kwaya ngokuncipha ukutya emasimini.	
6. Xa umhlaba ulukhuni, akukho zityalo zikhula kakuhle.	
7. Izityalo zabo ziyakhula efama yabo.	
8. Ngoku unceda abanye abalimi.	
9. Isaziso usive kwirediyo.	

Umhla

29 Masityale imithi

- Ingaba maxa wambi uyazimamela iinkqubo zerediyo?
- Ukhe ubeve abantu ngamanye amaxesha bekudliwano-ndlebe kwirediyo?
- Unabo abantwana obaziyo abaya kwiinkampu zesikolo ukuya kufunda ngendalo?



Masifunde



Funda okulandelayo.
Ludliwano-ndlebe lweredyo. Lubhalwe apha njengengxoxo, engachaziyo phofu ukuba benza ntoni abantu. Ikuxelela kuphela ngabakuthethileyo.

Udliwano-ndlebe kwirediyo

Umsasazi: *Udliwano-ndlebe lwakusasa namhlanje luza kubanjwa noHosiya noWilliam, abavela kwizifundo ezingokuthintelwa kokhukuliseko lomhlaba.*

Umbhexeshi wodliwano-ndlebe: Molweni, makhwenkwe. Khanisixelele ngenikuthande kakhulu?

UHosiya: Bekumnandi ukuphuma nomhlobo wam nokusinda emsebenzini wasekhaya. (Bayahleka)

UWilliam: Ndibone izinto ezininzi ebendizibone nakwifama yakuloHosiya.

Umbhexeshi wodliwano-ndlebe: Zinto zini ezo?

UWilliam: Ukubaluleka kokugcina umhlaba ongaphezulu, kuba kulapho zikhula khona kakuhle izityalo.

Umbhexeshi wodliwano-ndlebe: Siwugcina njani umhlaba ongaphezulu?

UHosiya Ethambekeni, wenza amaqolo axananaze kulo. Oko kunqanda amanzi emvula angahambi nomhlaba ongaphezulu. Imithi nengca nazo ziwugcina endaweni yawo umhlaba ongaphezulu xa lisina.

Umbhexeshi wodliwano-ndlebe: Ndiyaniva, ngoko ke niza kuya kweyesibini inkampu elolu hlobo msinyane? Yona iphathelene nantoni?

UWilliam Nayo iza kugxininisa ukutyalwa kwemithi, ukunceda ukukhula kwezityalo. Izifundo zingethuba leeholide zesikolo. Ziya kubanjelwa ngaseTzaneen. Siza kuhamba ngebhasi.

Umbhexeshi wodliwano-ndlebe: Hayi ke, baphula-phuli, la makhwenkwe afunda izinto ezibalulekileyo ngomhlaba nangomsebenzi wokufama. Siwanqwenela amathamsanqa!



Amagama amatsha

IProjekthi yamaHlathi



Kanti kwiiholide zesikolo ezilandelayo, amakhwenkwe aza kuhamba ngebhasi agqithe emahlathini nakwiindawo apho imithi seyigecwe khona yonke. Ibhasi ima ngokukhawuleza kwiProjekthi yamaHlathi abantwana behle.

Ngosuku lokuqala, umphathi weprojekthi, uGqr. Mothiba, uhamba-hamba nabantwana umgama wekhilomitha enye ukususka kwindawo etyalwe imithi. Iphezulu entabeni. Kukho imijelwana ebonisa ukhukuliseko lwamanzi ehla iye ezantsi entlanjeni. Emacaleni ale mijelwana akukho sityalo sikhulayo apho. "Oku kwenziwa kukugawulwa kwemithi. Abantu bageca imithi ukuze bayisebenzise njengamalahle neenkuni zokubasa," utsho uGqr. Mothiba.

"Imvula ithathe ixesha elingakanani isina ukuze kuvele le mijelwana?" ubuzile uHosiya.

"Niyakhumbula nibona amanzi amdaka emilanjeni ebenigqitha kuyo? Ubuzile uGqr. Mothiba "Hayi ke, ibilukhukuliseko lomhlaba olo. Kuthatha iminyaka emithathu kuphela ukuba imvula ivule le mijelwana. Ukhukuliseko lomhlaba emacaleni entaba luyingxaki enkulu."

UGqr. Mothiba uxelela wonke umntu ukuba ngemini elandelayo uza kubabonisa indlela iProjekthi yamaHlathi etyala ngayo imithi emitsha ukubuyisela leyo igeciweyo.



"Ukukhuculwa kwamahlathi, okanye ukususwa kwemithi, kuchaphazela indalo, "wabaxelela. "Lo mthi womkhuhlane uthandwa kakhulu ziintaka ukwenzela ukwakha iindlwane zazo njengoko ameva awo ezinika ukhuselo olongezelelweyo kwizidla-nyama ezifana neenyoka. Amasebe aselula namagqabi atyiwa ziindlovu kanti amagqabi nemidumba ityiwa ziindlulamthi naziinkawu ezingwevu sabuluhlaza. linkawu kunye nezilwanyana ezincinci ezingwevu zona zitya iintyatyambo. Umthi werabha nembewu eluhlaza zityiwa ziimfene. Izinambuzane ezifana neenyosi zitsalwa ngumbala otyheli nevumba elimnandi eliswiti leentyatyambo zize zidlale indima yokusasaza umgubo weentyatyambo. Ndiyathemba niyaqonda, ngoku indlela ekubaluleke ngayo kuye wonke ubani ukutyala imithi."





Masithethe

Thetha ngale mibuzo emaqeleni enu.

- Ucinga ukuba kutheni amakhwenkwe abandakanywa kudliwano-ndlebe kwirediyo? Zeziphi iinkqubo zerediyo ekubanjwa kuzo udliwano-ndlebe nabantwana? Nika igama lezimbalwa.
- Kuthatha ixesha elingakanani ukuba imvula ivule imijelwana yokhukuliseko emva kokugecwa kwemithi?
- Chaza indlela eyenzeka ngayo le mijelwana.
- Abantu bayigawulela ntoni imithi?





Umhla

30 Utyelelo kwindawo yemithi nasehlathini



Masifunde

Ngosuku lwesibini bonke abantwana baya kwindawo egcina imithi apho abantu batyala khona imithi ukubuyisela leyo igeciweyo. Babona amawaka-waka emithi eselula kakhulu. Imithi emincinci kakhulu ibizwa ngokuba ngamagatya. Abantu abasebenza kwindawo egcina imithi bahlala kufutshane kuyo. Bayazi ukuba baza kufumana imali endaweni yemithi kwaye baza kukwazi ukutyala izityalo kufutshane kuyo. Kwindawo yokugcina imithi, zonke izithole zifakwe iileyibhile. Iileyibhile zinegama elisetyenziswa kwindawo ezifumaneka kuzo izithole ezo, igama lesiNgesi lazo, igama lenzululwazi nomhla ezityalwe ngawo. Ethubeni kule veki uza kufunda ngokuthe chatha ngomthi womkhuhlane womnga ngesiXhosa. Lo mthi unamagama amaninzi: i-koorsboom (ngesiAfrikansi), i-mooka-kwena (ngeSesotho saLebowa), umHlosinga (ngesiZulu), i-nkelenga (ngesiTsonga) ne-munzhelenga (ngesiVenda). Ama-Afrikana akudala emfuduko ayecinga ukuba lo mthi ubabangela umkhuhlane, kodwa yayiziingcongconi ezazibaluma zibanike isifo semalariya. Ngenxa yokuba ama-Afrikana emfuduko ayecinga ukuba umkhuhlane wawuvela emithini, bawubiza ngokuba "yi-koorsboom", into ethetha ukuba ngumthi womkhuhlane. Imithi yomkhuhlane leyo ikulungele kakhulu ukunyanga umkhuhlane kanti inezinye izinto ezininzi ezibalulekileyo ezinokusetyenziselwa indalo. Indawo yokugcina imithi yeProjekthi yamaHlathi ibalulekile kuba kulinywa imithi ukubuyisela egeciweyo. Siyazi ukuba imithi isetyenziswa njengeenkuni zesiniki-mandla nanjengelahle lemithi. Sikwafumana iziqhamo emithini, kwaye mininzi imithi esinika iintlobo ezahlukeneyo zamayeza. Asingoogqirha besintu kuphela abasebenzisa izityalo nemithi ukwenza amayeza. Malunga nama-40% yamayeza esiwathenga ezikhemisti avela emithini. Imithi ikwasetyenziselwa ukwenza iphepha, ngoko ke kufuneka sisebenzise iphepha ngokuqaphela singadlali ngalo. Into esinokuyenza ukunceda kukuqokelela iziqwenga zamaphepha amadala ukuze ahlaziywe.



Masithethe

Yintoni enye onokuyihlaziya?
Ungenza ntoni ngamagqabi emifuno ongasenakuyitya?
Umlimi angazihlaziya njani iindiza zombona nezamazimba?





Masifunde

Amathambeka kwiProjekthi yamaHlathi

Ngosuku lwesithathu lwezifundo, abantwana bayaphuma baye kubuka umsebenzi wasemathambekeni. Abantu basebenza nzima betyala izithole. UGqr. Mothiba uchaza ukuba kwithambeka elitsha kufuneka baqale ngokuvala imijelwana yokhukuliseko ngomhlaba othathwa kwezinye iinxalenye zamaqolo. Abasebenzi bemba imingxuma yokufaka imithi, bayidibe ngomhlaba omhle, omnyama ovela ehlathini. Imingxuma iyankcenkceshelwa kwiintsuku eziliqela. Abasebenzi balima ingca edibanisa umhlaba, ukuze imithi ikhule ngesantya sawo. Okulandelayo, uGqr. Mothiba usa abantwana ehlathini lenene. Ubaxelela ukuba xa amagqabi afileyo ecukana phantsi komthi, enza into ekuthiwa "yinkunkuma yamagqabi". Baphakamisa inkunkuma yamagqabi ngokuqaphela, kuba ngaphantsi kwayo kukho izidalwanana ezinceda ekucoleni amagqabi namasetyana awa emithini. UGqr. Mothiba ubabonisa izilwanyanana ezincinci ezihlala emagqabini nasezikhondweni: iimbovane neenkumba kunye nemibungu; amasele, oonomadudwane neenkubabulongwe. "Apha umngundo neebhaktheriya zinomsebenzi wohlobo olulodwa," utshilo uGqr. Mothiba, "kuba zibolisa isikhondo, ukuze ekugqibeleni isikhondo sibe ngumhlaba. Niyabona ukuba ngumsebenzi omkhulu kangakanani ukwenza umhlaba? Yiloo nto kufuneka sizame kangangoko sinako ukuwulondoloza."



Amagama amatsha



Masithethe



Phendula le mibuzo.
UGqr. Mothiba ubabonise eziphi iindawo abantwana?
Ubabonise ntoni kwindawo nganye?

Iindawo	Ubabonisa ntoni?
Indawo 1	
Indawo 2	



Umthi womkhuhlane walifumana njani igama lawo?



Lo mthi usebenza ntoni ngokwendalo yawo?

Zeziphi iinkcukacha ezinikwa kwiileyibhile zemithi kwindawo yokugcina imithi?

Kutheni kubaluleke kangaka ukufumana abantu abavela kwa kwindawo leyo ukuba basebenze kwindawo yokugcina imithi?

Kutheni kubalulekile kubo ukulima imithi emininzi?

Chaza amanyathelo abandakanyeka ekutyalweni kwesithole ngasinye somthi ethambekeni.

Yintoni ebolisa imithi ukuze ijike ibe ngumhlaba?

Umhla .....

31 Umthi wepayini

Funda umbongo uze uphendule imibuzo.

Masifunde



Imipayini

Yiva nantso ingxokozelo
Hayi bo! Yiva ubutyobo
Imithi emikhulu iqengqeleka
Amasebe amakhulu etyumka.
Nang'amadoda ewis'imipayini ngeesarha
Ukrozo oluthe tye ngathi lolwamajoni
Lobude bamashumi asixhenxe eminyaka
Kodwa ngemizuzu elishumi
Ilahlwa phantsi.
Ngokukhululeka kuba akukhathalwa
Imibhumbulu yepayini ilatyuza emoyeni
ongcwengileyo.

Margaret Mahy

Masibhale

Funda umbongo kwakhona uze uphendule imibuzo elandelayo.

Nika izizathu ezibini zokuba imbongi ithi imithi "mikhulu"?
1
2
Kutheni imithi ityumka xa isiwa?
Kutheni imbongi ithelekisa imikrozo yemithi neyamajoni?
Uziva njani xa imbongi isithi imithi ikhula iminyaka engamashumi asixhenxe kodwa igecwe ngemizuzu
elishumi?

Amagama amatsha



Masisebenze

Ngowama-2010 kwakhethwa umthi womkhuhlane womnga njengomthi ekufuneka utyalwe ngabantu ngeVeki yokuTyalwa kweMithi (Arbor Week) ekuqaleni kukaSeptemba. Lo mthi ukulungele kakhulu ukubuyiselwa kwamahlathi – utyalwe ezindaweni apho imithi igawulwe khona. Yenza ipowusta yokukhuthaza ukulinywa kwemithi. Ipowusta yakho mayibe nomzobo kwaye mayinike izizathu zokutyalwa kwemithi. *Sebenzisa nokuba loluphi ulwazi olufunde kule veki.*





Umhla .....

32 Imisebenzi yolwimi



Guqula izivakalisi ezilandelayo zibe kwingxelo-ntetho.

"Mnumzana, kuthathe ixesha elingakanani ukuba imvula icande le mijelwana emhlabeni?" ubuzile uHosiya.

"Kuthatha iminyaka emithathu kuphela," uphendule uGqr. Mothiba. "Amanzi aqengqeleka nomhlaba xa kungasekho hlaza luwugqumileyo," waleke watsho.



Faka iziphumlisi kwizivakalisi ezilandelayo. Kufuneka ufakele oonobumba abakhulu, imisila (iikoma), izingxi, izimeli-nobumba, iimpawu zocaphulo ezingambini nezinye. Fakela iziphumlisi kwisiqendu ngokwaso, apha kule ncwadi.

ingaba yinyaniso into yokuba ubugecimithi kwaye ungaqondi ukuba uyonakalisa ubuzile uwilliam yinyaniso oko ndikwenze kwada kwaqalisa iprojekthi yokubuyiselwa kwamahlathi utshilo umnu masia ngoku njengoko siqeshwe apha siwabona amahlathi njengawethu wancuma yho bakhuzile abafundi bencoma

Faka iinombolo kwezi zivakalisi ukuze zibe kulandelelwano oluchanekileyo.

- Emva koko, nkcenkceshela umngxuma iintsuku eziliqela phambi kokutyala igatyana.
- Qala ngokwemba umngxuma omkhulu kunegatyana kubunzulu obuphinda-phindwe kabini.
- Ekugqibeleni, tyala igatyana lakho uze ufakele nengca edibanisa umhlaba.
- Ngoku zalisa inxalenye enye kwezintathu zomngxuma ngekhomposti okanye ngomhlaba otyebileyo omnyama.



Cingela ukuba usenkampini noHosiya noWilliam.

Bhalela usapho lwakho okanye umhlobo wakho ileta. Baxelele ngexesha elimnandi oye wanalo enkampini. Kananjalo baxelele ngezinto ezintle ozifundileyo.



Amagama amatsha

othandekayo



3



Umhla .....



33 Ibhola ekhatywayo, ibhola ekhatywayo kuyo yonke indawo



Masithethe

- *Yeyiphi imidlalo othanda ukuyidlala okanye ukuyibukela?*
- *Ngubani oyena mntu omthandayo kwezemidlalo? Kutheni?*
- *Ucinga ukuba umntu kufuneka enze ntoni ukuze abe yintshatsheli kwezemidlalo?*
- *Ngoobani iintshatsheli zaseMzantsi Afrika kwibhola ekhatywayo, kwezeembaleki, kwezokuqubha nezinye iintshatsheli?*





Masifunde

Ngowama-2010 uMzantsi Afrika ube ngumamkeli weendwendwe zomnyhadala okanye zetumente yebhola ekhatywayo yeNdebe yeHlabathi ye-FIFA. Amawaka-waka ababukeli andwendwele amabala emidlalo alishumi ukuya kubukela imidlalo. Amaqela ebhola ekhatywayo avela kulo lonke ihlabathi ebelapha eze kukhuphiswano lwale Ndebe.

Zeziphi izinto eziyinyaniso ozaziyo ngomnyhadala okanye ngetumente yebhola ekhatywayo ngowama-2010? Funda iinkcukacha ezikwiitheyibhile ezingezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo.

Itheyibhile yoku-1 yeyamabala emidlalo yebhola ekhatywayo yeNdebe yeHlabathi yama-2010

Isixeko	Ibala lemidlalo	Inani lezitulo zababukeli
EKapa	eGreen Point	40 000
EBloemfontein	eFreyistatha	70 000
EThekwini	eMoses Mabhida	60 000
EGoli	e-Ellis Park	95 000
EGoli	eSoccer City	40 000
ENelspruit	eMbombela	40 000
EPolokwane	ePeter Mokaba	40 000
ERustenburg	eRoyal Bafokeng	45 000
EPitoli	eLoftus Versveld	45 000
EBhayi	eNelson Mandela Bay	50 000





Amagama amatsha

Itheyibhile yesi-2 yeyeziphumo zomnyhadala wemidlalo yebhola ekhatywayo yeNdebe yeHlabathi yeFIFA ngowama-2010				
Eyekota yokugqibela				
Umhla	Ibala lemidlalo	Ilizwe 1	Ilizwe 2	Amaqoku
02 Julayi 2010	ENelson Mandela Bay/eBhayi	iNetherlands	iBrazil	2:1
02 Julayi 2010	EGoli	iUruguay	iGhana	1:1
03 Julayi 2010	EKapa	iArgentina	iGermany	0:4
03 Julayi 2010	EGoli	iParaguay	iSpain	0:1
Eyandulela eyokugqibela				
06 Julayi 2010	EKapa	iUruguay	iNetherlands	2:3
07 Julayi 2010	EThekwini	iGermany	iSpain	0:1
Eyokugqibela				
11 Julayi 2010	EJohannesburg Soccer City	iNetherlands	iSpain	0:1



Masibhale

Sebenzisa iinkcukacha ezikwiTheyibhile yoku-1 neyesi-2 ukuphendula imibuzo elandelayo. Bhala iimpendulo zakho kwisithuba osinikiweyo.

Leliphi elona bala likhulu lemidlalo?	
Liqulatha abantu abangaphi?	
Udlalwe nini umdlalo wokugqibela?	
Udlalwe phi? Kwesiphi isixeko kwaye kweliphi ibala lemidlalo?	

Ngawaphi amazwe adlale kwimidlalo yekota yokugqibela?



IGhana idlale nini?	
IGhana idlale neliphi ilizwe?	
Saba yintoni isikora xa kwakudlala iGhana?	
IGhana idlale phi?	
Leliphi iqela eliphumelele kwimidlalo yokugqibela?	
Saba yintoni isikora?	

Wena ubuxhasa eliphi iqela? Kutheni?

Teacher

Sign:

Date:

34 Udliwano-ndlebe nentshatsheli kwibhola ekhatywayo



Zeziphi iintshatsheli zemidlalo zaseMzantsi Afrika ocinga ukuba zibalasele ngenene?
Kutheni ucinga ukuba zibalasele kangako?
Yintoni eyenze ukuba ziphumelele?



Masifumanise ngentshatsheli yebhola ekhatywayo ephumelele kakhulu

UNoko Alice Matlou

Xa abantu bethetha ngebhola ekhatywayo, iintshatsheli abazikhankanyayo zikholisa ukuba ngamadoda. Kodwa omnye wabadlali bebhola ekhatywayo obalaseleyo ngumfazi: uNoko Alice Matlou. UMatlou wakhankanywa njengoMdlali wase Afrika oyintshatsheli woNyaka wama-2009 luManyano lweBhola eKhatywayo lwase-Afrika. Waba ngumntu wokuqala waseMzantsi Afrika owayifumanayo le mbasa.

Funda olu dliwano-ndlebe ngoMatlou ukufumanisa okuthe chatha ngaye.

Wazalelwa phi, kwaye uhlala phi ngoku?
Ndazalelwa eMolegie, eGaphaudi kwiphondo laseLimpopo. Ndisahlala apho nangoku.

Waqala nini ukuba nomdla kwezemidlalo?
Ndaqala ukudlala ibhola ekhatywayo ndisekwisikolo samabanga aphantsi. Ndandisendiyonwabela imidlalo kwaye ndibalasele kwezeembaleki nakwibhola ekhatywayo. Ndandibaleka kwaye ndinamendu abalasele kakhulu, ngakumbi kwiimitha ezili-100 nakwiimitha ezingama-200. Ngoko ndandisesikolweni ndandibaleka imigama emifutshane kanti ndinazo neerekhodi endazaphulayo. Kuthe ngowama-2000 ndaqalisa ukudlala ibhola ekhatywayo kwinqanaba lobungcali ndidlalela iklabhu yebhola ekhatywayo le-Brazilian Ladies. Ngowama-2007 ndaqala ukudlala ibhola ekhatywayo kwiBanyana Banyana.

Uzigcina njani uphile qete?
Ndiqeqesha umzimba kabini ngemini. Ndivuka kusasa ndiye kubaleka imizuzu engama-30. Kanti ngentsimbi yesi-3 emva kwemini ndiphinda ndiqeqeshe umzimba kwiiyure ezintathu. Kukwakwelo xesha endifumana uqeqesho lokudlala ibhola ngalo.

Ingaba unalo icebiso onokulinika abanye abantu abatsha?
Mabayiqeqeshe ngokuzimisela imizimba, ukuze kube lula ukudlala.



Masibhale

Emva kokuba ufunde inqaku eliphathelene noMatlou kunye nodliwano-ndlebe, phendula imibuzo elandelayo.

UMatlou uphumelele kweyiphi imidlalo?

Uwuqeqesha kangaphi umzimba?

Umsebenzi wakhe wobungcali webhola ekhatywayo wawuqala njani?





Masisebenze

Umlingane wakho makenze ngathi uyintshatsheli kwezemidlalo. Ngoku qhuba udliwano-ndlebe nomlingane wakho umbuze ngezinto aphumelele kuzo.



Masibhale

Ngoku khetha umntu esikolweni sakho okanye phakathi kwabahlali ocinga ukuba unesiphiwo. Cela umntu akuvumele uqhube udliwano-ndlebe naye. Kudliwano-ndlebe, zama ukufumana iimpendulo zemibuzo engezantsi.

Zazinjani iintsuku zobuntwana zalo mntu? Yintoni eyenza ukuba lo mntu angenele ezemidlalo (okanye kuloo mmandla aphumelele kuwo)?

Kutheni umbona njengophumeleleyo lo mntu? Zeziphi izinto aphumelele kuzo ezingundoqo?

Lo mntu unamyalezo mni awunika olunye ulutsha lwaseMzantsi Afrika?

Umhla .....

35 Ukulungisa





Masibhale

Fakela iimpawu zocaphulo ezingambini kwizivakalisi ezilandelayo. Khumbula ukuzisebenzisa ukubonisa awona magama athethiweyo.

Noko! wambiza umqeqeshi. Phofu uziqeqesha ngokuzimisela ukulungiselela iqela le-Ligi yeHlabathi? Ubuzile. Ndiyathemba.
Ewe, watsho uNoko. Ndiziqeqesha phantse kwiiyure ezine yonke imihla.
Umqeqeshi wancuma. Kwakuhle oko! watsho. Nantso kanye into endifuna ukuyiva.

Jonga ezi zivakalisi. Krwela umgca ngezantsi kwegama elisisenzi okanye igama elibonisa isenzo kwisivakalisi ngasinye. Emva koko biyela ngesangqa isihlomelo esikuxelela indlela esenziwe ngayo isenzo, apho senzeke khona okanye ixesha esenzeke ngalo.

UMatlou uziqeqeshe ngokuzimisela waza wagqwesa kwindebe.
Iimbaleki zilinde ngokoyika ukuqaliswa kogqatso.
Umqeqeshi uthethe ngqongqo neqela elidlala kunye.
Iqela elidlala kunye limmamele ngomdla umqeqeshi.

Gqibezela ezi zivakalisi ngokusebenzisa u-kuba kunye no-ngenxa yokuba.

IBanyana Banyana igqwesile kwitumente ngenxa yokuba
Ube yintshatsheli yebhola ekhatywayo kuba
Unikwe indebe ngenxa yokuba
Abahlobo bakhe bavuyisana naye kuba

Amagama amatsha

Masifunde

Funda lo mbongo "ngentshatsheli yebhola ekhatywayo".

Ungaze ucele inkume

Ungaze ucele inkume
Ukuba kumdlalo webhola ekhatywayo idlale.
Inezibini zemilenze ezingamashumi
amahlanu, khumbula
ekudibaneni kwayo nomzimba.

Ibaleka neebhola ezingamashumi
amahlanu
ngezibini zezihlangu ezingamashumi
amahlanu,
izikhabe zonke ngaxeshanye.
Ayinakufane iyiphose.

Ligorha kukhuphiswano
kangangokuba, kweyenu indibano,
uya kuqala ubone imilenze yakhe elikhulu
okulandelayo kukoyiswa kwakhe.

Kenn Nesbitt



Masithethe

Uyavuma ukuba lo mbongo awuqhelekanga? Kutheni?
Krwela umgca ngezantsi kwamagama anemvano-siphelo kumgca ngamnye wesibini. Kutheni umbhali esithi inkume ligorha kukhuphiswano?

Masibhale

Xa sithumela i-SMS siwabhala ngendlela engaqhelekanga amagama. Siwafinyeza kangangoko sinako. Olu lulwimi olwahlukileyo kwezinye iilwimi. Lukholisa ukubhalwa ngolwimi lwesiNgesi. Ngoko ke, qala ujonge ukuba ingaba unganako na ukubona ukuba zithetha ntoni ezi SMS uzibhale ngezantsi, emva koko guqulela esiXhoseni izivakalisi zakho uzibhale ecaleni.



sobonana ngmso	
ugrend?	
umngca	
ndzaba18	
sobonana phamko3	

Ngoku bhala i-SMS onokuyithumela uMatlou xa uvuyisana naye ngempumelelo yakhe. Ukuba uyibhale ngesiNgesi uze uguqulele intsingiselo yayo esiXhoseni.

Teacher
Sign:
Date:

Masisebenze

Zoba umfanekiso obonisa ezi zivakalisi.
UMatlou ukhabela ibhola emnatheni ngonyawo lwakhe lwasekhohlo.
Ngesandla sakhe sasekunene walatha ngobhontsi phezulu kodwa suka unozinti welinye iqela ayinqande ibhola.

Umhla .....

36 Ukuchaza umdlalo





Masibhale

Qala isivakalisi ngasinye kwezilandelayo ngo-nangona ukuze udibanise iinxalenye zezivakalisi zibe zizivakalisi ezinentsingiselo.

Nangona	uAnn ufunda ngokuzimisela		ayisoloko iphumelela elugqatsweni.
	imbaleki iziqeqesha ngokuzimisela		andisithethi kakuhle.
	umlimi esebenze ngokuzimisela		ngamanye amaxesha ufumana amanqaku aphantsi.
	ndizithanda izifundo zesiNgesi		izityalo zakhe azikhulanga kakuhle.

Ngoku ngqamanisa uze uhlanganise ezi zivakalisi ngokusebenzisa u-kodwa okanye u-nangona.

Imbaleki iqhube ngokubaleka	**nangona**	ebenayo imephu.
Ulahlekile		yonzakele edolweni.
Bebehluphekile	**kodwa**	usebenzise eyomhlobo wakhe.
Ulibele incwadi yakhe ekhaya		bebenokutya okwaneleyo.

Ngoku hlanganisa izivakalisi ngokusebenzisa u-nangona okanye u-kodwa.

Ibincinci kakhulu imvula.		Izityalo zikhule kakuhle.
Utitshala ebelungile.		Ebenesandla esingqongqo.
Ndifuna ukuthenga isithuthuthu.		Andinamali yaneleyo.
Sifuna ukuya kukhenketho lwesikolo.		Asinamali yaneleyo.

Amagama amatsha



Masibhale

Bhalela umhlobo ileta uchaze umdlalo kwezemidlalo obuwubukele okanye obudlala kuwo. Ngowuphi loo mdlalo? Wawunini loo mdlalo? Kwaphumelela bani? Nika inkcazelo yomdlalo. Yenze ibe nomdla nochulumanco kangangoko.



Bhala idilesi yakho apha .....

.....

.....

.....

Bhala umhla apha _____ endimthandayo .....

Bhala isiphelo apha .....

Bhala igama lakho apha .....

Ngoku bhala idilesi yomhlobo wakho emvulophini.





Igama

Idilesi

ikhowudi

Umhla .....

37 Engqeleni phaya





Masithethe

- **Kumaphepha okusebenzela ale veki siza kuqwalasela eyona ndawo ibandayo emhlabeni.**
- **Leliphi elona qondo liphantsi lobushushu elakha lakuchaphazela?**
- **Uzigcina njani ufudumele xa kubanda kakhulu?**



Masifunde



Huntshu! Boonombombiya

Ezi ntaka zingaqhelekanga zinxibe iimpahla ezintle
zingabhadaza phezu kwekhephu,
kodwa xa zifika kulwandle olunomkhenkce
Jonga amendu abahamba ngawo!
Ingoma yabo injengeembongolo zikhonya, azintingi azibhabhi,
Kodwa oonombombiya abaxakwa, mandikuxelele isizathu...
Iintsiba zabo ziyawaphepha amanzi, ziyabhabhazela ukugxotha ingqele, amaphiko abo abhexa kakuhle kuba awasongeki!
Imisila yabo yeyokuqubha kanye, kanti bamisa ngazo zombini iinyawo,
Ngoku khawundixelele, kuko konke okuvileyo ... Akumangaliswa ngoonombombiya?

Ulungiswe nguRobin Bernard



Iphepha-ndaba le-Guardian 16 Juni 2013

Ingqele nemvula ibulele oonombombiya abangama-600 eMzantsi Afrika

Malunga nama-600 oonombombiya baseAfrika ababulewe yingqele eqhaqhazelisa amazinyo kwisiqithi saseMzantsi Afrika. Iintaka zife kwimozulu ebandayo nenemvula kwiintsuku ezimbini ezidlulileyo eAlgoa Bay kwiphondo laseMpuma-Koloni, itshilo ingxelo yanamhla yeePaka zeSizwe zaseMzantsi Afrika. Inkosikazi engusomlomo weePaka zeSizwe zaseMzantsi Afrika ithe "kubanda qho ngoJuni, kodwa kulo nyaka sifumene ingqele nemvula. Oku kwenze umsinga womoya obanda kakhulu, nto leyo ebulele oonombombiya kwisiQithi seentaka". Inkosikazi engusomlomo ithe amantshontsho ebeseneeveki ezimbalwa kuphela ephila, esemancinci kakhulu kwaye ebuthathaka. "Abanazintsiba," uchaze watsho. "Baneentsiba ezithambileyo ezileleyo kuphela ngoko ke imozulu ebandayo ibulele oonombombiya abangama-600." Unombombiya weAfrika uluhlobo olusemngciphekweni ngenxa yokucutheka kwamanani abo.

Imbongi isebenzisa iintlobo zohlobo olulodwa zamazwi ukuchaza oonombombiya.

- Ithi iintsiba zoonombombiya "ziimpahla ezintle". Oku sikubiza ngokuba **sisikweko**.
- Emva koko, ithi zivakala "**njengee**donki". Esi **sisifaniso**.
- Ithi bayabhadaza xa behamba kwaye bayabhabhazela xa bedada emanzini. La magama awanamvano-siphelo, kodwa avakala ngokufanayo. Oku sithi **yimfano-zikhamiso**.

Yenza izifaniso.

Ubaleka njeng .....

Ulala njeng .....

Ucula ok .....

UBUSAZI? Usuku looNombombiya lwehlabathi iPenguin Day lungomhla wama-26 Septemba. Lwabhengezwa liqela laseMzantsi Afrika olukhathalela oonombombiya njengosuku lohlobo olulodwa.

Masibhale

Bhala igama elivakala ngokufanayo ecaleni kwegama ngalinye kula.

umkhenkce		ukukhala		ukubhabha	

Funda umbongo uze uxoxe ngemibuzo elandelayo.

- Iintsiba zoonombombiya zibukeka njengeempahla ezinjani?
- Iingxolo zazo zinjengantoni? Bonisa ezinye zeengxolo.
- Imbongi ithi "ziyabhabhazela" xa zihamba. Kuthetha ukuthini oku?
- Ucinga ukuba imbongi iyabathanda oonombombiya? Kutheni?
- Ucinga ukuba oonombombiya bangaphila phantsi kwemozulu ebandayo?
- Bazigcina njani befudumele oonombombiya?
- Yintoni engaqhelekanga ngekhathuni?



Ngoku funda inqaku lephepha-ndaba uphendule le mibuzo.

Babulewe yintoni oonombombiya?

Bafe kweliphi ixesha lonyaka?

Masibhale

Yintoni egcina oonombombiya befudumele? Yintoni egcina oonombombiya bomile (jonga umbongo).

Ahluka njani amantshontsho oonombombiya koonombombiya abadala?

Ebemadala kangakanani amantshontsho?

Yintoni eyenze imvula nengqele zikwazi ukubulala oonombombiya?

Kutheni oonombombiya "beluhlobo olusemngciphekweni"?

Teacher

Sign:

Date:



38 Eyona ndawo ibandayo emhlabeni

Masifunde

Zimbini iindawo emhlabeni ezibanda ngalo lonke ixesha lonyaka. Ezi ndawo "ziphezulu" "nasezantsi" ehlabathini. Sizibiza ngokuba yiNcakuba engaseNtla neNcakuba eseZantsi. Umhlaba okufutshane kwiNcakuba eseZantsi ubizwa ngokuba yiAntarctica. Yeyona ndawo ibandayo ehlabathini. IAntarctica iigqunywe ngokupheleleyo ngumkhenkce.



Xa ujonga iglowubhu uya kubona ukuba iphi iAntarctica. Isezantsi kanye kwiglowubhu. Ithatha inxalenye enye kwezilishumi zomphezulu womhlaba kwaye igqunywe yingubo yomkhenkce ephakathi kweemitha ezili-1 500 nezili-1600 ngokutyeba. Incakuba eseZantsi isesizikithini seAntarctica. Yeyona ndawo ibandayo neyona ndawo inomoya omkhulu. Bambalwa kakhulu abantu abahlalayo kuyo wonke unyaka. Iingcali zenzululwazi zihlala khona kumaxesha amafutshane kwaye zihlala kwizakhiwo zohlobo olulodwa.

Ihlobo laseAntarctica liphakathi kukaOktobha noMatshi. Ngeli xesha akubi mnyama nanini. Ebusika, bona buphakathi kukaEpreli noSeptemba, kwenzeka ngandlela yimbi. Kuba mnyama kwiinyanga ezintandathu. Wena nam asinakukwazi nokuqikelela ukuba ingaba kubanda kangakanani kwiAntarctica, nkqu nasehlotyeni. Iqondo lobushushu eliqheleke ngoJanyuwari phakathi ehlotyeni ngama-28 angaphatsi kweqondo elingu-0°C. (Sikubhala oko ngolu hlobo: -28 °C.) Iqondo lomkhenkce ngu-0 °C, ngoko ke sithetha ngeqondo elingama 28° ngaphantsi kweqondo lomkhenkce!

UMzantsi Afrika uneqela leenzululwazi ezihlala kwisikhululo sophando esikwiAntarctica ngalo lonke ixesha lonyaka. Ebusika iqondo lesiqhelo kwiNcakuba eseZantsi liyakwazi ukuhla lifikelele kuma: -89 °C ngaphantsi kweqondo lomkhenkce. Iinzululwazi kufuneka zihlale kwisakhiwo esiyilwe ngendlela esiya kubagcina befudumele kuloo maqondo obushushu asezantsi. Phakathi endlwini kukho amagumbi ohlobo olulodwa, elokuphekela, awokulala, elokuhlala negumbi likagqirha ojongene nempilo yabo. Jonga ukuba ungabachonga na emifanekisweni.

ANTARCTICA

Amagama amatsha

Oonombombiya kwiAntarctica

Oonombombiya baninzi ngaphezu kwazo naziphi iintaka ezikwiAntarctica. Abakwazi kubhabha kodwa basebenzisa amaphiko amafutshane ngengamalungu okudada. Ziincutshe zokudada. Emhlabeni bayabhadaza bethe nkqo okanye bangcilezele kufutshane. Oonombombiya bazigcina njani befudumele? Oonombombiya banomaleko otyebileyo wamafutha (amafutha ezilwanyana) emizimbeni yabo, kanti baneentsiba ezininzi ezishiya-shiyanayo. Iintsiba kunye nomaleko wamafutha zinqanda umoya obandayo, umoya ovuthuzayo namanzi. Ukuze bafumane ukufudumala okuthe chatha, bacukana ngamaqela.

Ilungalungiswe ukusuka kwiPIRLS (Imihlathi eziiSampulu, Izikhokelo zeMibuzo neziKora) kwiAntarctica: Umhlaba womKhenkce



Masithethe

- **Eli nqaku lithetha ngantoni?**
- **Umbhali ufuna ukusixelela ntoni?**
- **Kutheni ucinga ukuba iNcakuba esemaNtla neseZantsi zibanda kakhulu?**
- **Jonga inkcazo yombhali ngoonombombiya. Ingaba iyafana neenkcazo ezisembongweni nakwinqaku lephepha-ndaba malunga noonombombiya? Zinto zini ezifanayo? Uphi umahluko?**



Masibhale

Ngoku phendula le mibuzo ngokuphathelene nokufundileyo.
IAntarctica ungayifumana phi kwiglowubhu?

Yeyiphi eyona ndawo ibandayo kwiAntarctica?

Cinga ngento ethethwa linqaku ngokuphathelene neAntarctica. Ngoku nika izizathu ezibini ezenza abantu bangathandi ukuya apho phakathi kukaEpreli noSeptemba.



Bhala izinto ezintathu ezinceda oonombombiya ukuba bahlale befudumele kwiAntarctica.

1

2

3

39 Abantu baseMzantsi Afrika kwiAntarctica



Masithethe

Ubusazi ukuba baninzi abantu baseMzantsi Afrika abahlala nabasebenza kwiAntarctica?
Ungathanda wena ukuhlala endaweni eyahluke kangaka nakweyiphi enye indawo?





Masifunde

Iqela laseMzantsi Afrika elikwiAntarctica

Iqela leNkqubo yaseAntarctic yeSizwe saseMzantsi Afrika (The South African National Antarctic Programme – SANAP) lenza uphando lwenzululwazi kwaye libeka iliso kwindawo yaseMzantsi Afrika eseAntarctic unyaka wonke. Ngonyaka ngamnye kufika iqela kwiAntarctica ngoDisemba lihlale unyaka wonke. Ngalo lonke ithuba elimnyama nelibandayo lasebusika, kuhlala iqelana elincinci apho lodwa lide libuyele eMzantsi Afrika ngoFebhuwari wonyaka olandelayo. Akululanga ukuchitha ixesha elide kude nekhaya, ngakumbi phantsi kweemeko ezibanda kangako kwaye uhlala nabantu abambalwa.



UMarlon Manko – umkhandi wediesel

NdinguMarlon Manko, omnye wabakhandi bediesel yeqela leSANAE 2010. IAntarctica iyamangalisa. Ifuthe lamava kum lingummangaliso.

Bendingazange ndiqonde ukuba abantu bathetha ntoni xa besithi "ilizwe alisayi kuphinda lifane kwakhona". Ngoku ndiyaqonda. Ukuya kwiAntarctica yayilithuba eliza-kanye-ebomini. Umyalezo wam kulutsha ngulo: Umzila weenyawo owushiya emva kwakho awusoloko ubonisa abantu apho uya khona, kodwa ukhumbuza wena ngendlela yakho oyihambileyo.



USaziso Nginda – injineli yombane

NdinguSaziso. NdingowaseZagwityi eGcuwa. Ndifunde kwisikolo samabanga aphantsi selali yam ndaza ndaya kwisiKolo seMfundo ePhakamileyo iKentane (Macibe). Ekugqibeleni ndifunde ezobuNjineli bombane. Kwindawo yethu eseAntarctica luxanduva lwam ukuyila umbane namanzi. Oku kuyimfuneko ukuze sikwazi ukwenza imisebenzi yethu nokuphila phantsi kwezo meko zibanda kakhulu. Ndiyakonwabela ukubukela imiboniso-bhanyabhanya, ukumamela umculo, ukufunda nokuthatha uhambo. Ukuhlala apha ngamava atyebisa ubomi bam. Into endiyikhumbula kakhulu kukuya nosapho lwam ecaweni ngeCawe.



UDaleen Koch – Ingcali yeNZululwazi/iNjineli

NdinguDaleen. NdingowaseBronkhorstspruit eGauteng. Ndifunde ePitoli ndaza ndafunda kwiYunivesithi yaseJohannesburg ukuba yiNjineli yoMbane neye-Elektroniki. Ngexesha lam lokuzonwabisa ndibukela imiboniso bhanya-bhanya, ndiyaqubha, ndiyantywila, ndidlala ihoki, ndonwabela ubomi bangaphandle nokuncokola nabahlobo bam. Oku akukwazi kukwenza enkampini yethu. Umsebenzi wam kukulinganisa iinguquko ezenzeka kummandla wemagnethi osemhlabeni. Xa ndikwenza oku ndisebenzisa isixhobo esisebenza ngobuchule kakhulu. Ndiyawuthanda umsebenzi wam kwaye ndinethamsanqa kakhulu lokuba ndihlale kwaye ndisebenze apha.

Amagama amatsha



Masibhale

Ucinga ukuba aba bantu baseMzantsi Afrika bayakonwabela ukuhlala nokusebenza eAntarctica? Nika isizathu.

Wena ungathanda ukuba kwiNcakuba eseZantsi? Kutheni?

Bhala umhlathi oneenkcukacha ezininzi ngeAntarctica usebenzise okufunde ngale ndawo. Yitsho ukuba uphi uze uchaze imozulu yayo, okanye bhala ngoonombombiya abahlala apho. Unako nokubhala ngabantu baseMzantsi Afrika abasebenza phaya.



Teacher

Sign:

Date:

Umhla .....

40 Ulwimi



Masibhale

Masiqwalasele ukuchazwa kwamagama kwakhona. Siza kuqala ngezichazi sichaza isibizo, kuba sisixelela ngomntu, ngento, ngezimvo, njl.

Ngqamanisa izibizo ezilandelayo nezichazi. Emva koko khetha izibini ezine uze ubhale isivakalisi ngesibini ngasinye.

Izibizo

unombo-mbiya	ilanga	intya-tyambo	injineli	imoto	incwadi	isi-bhaka-bhaka	intaba	isiselo	isibhaka-bhaka

Izichazi

elishushu	eno-mkhenkce	entle	ekhawul-ezayo	enomdla	ephakami-leyo	esishushu	esiluhlaza	ekrele-krele	ongaqhele-kanga

Ngoku masiqwalasele izihlomelo. Isihlomelo sichaza isenzi, ngoko ke sinika ulwazi oluthe chatha ngesenzo. Ngqamanisa izenzi ezilandelayo nezihlomelo. Emva koko khetha izibini ezine ubhale isivakalisi ngesibini ngasinye.

Izenzi

likha-zimle	utya	lusele	ubaleke	utsibe	ukhwaze	uhambe	uhleli	ndihleke	ulale

Izihlomelo

ngoku-khawu-leza	ngoku-ngxama	ngoku-vakalayo	ngokuco-tha	qaqambi-leyo	ngovuyo	ngoku-ngxola	phezulu	kamnandi	msinyane

Amagama amatsha



Masibhale

Sebenzisa itheyibhile elandelayo ukukunceda ekubhaleni izivakalisi ezine kwimo elandulayo.

A	**ndi**	li	thandi ikhephu.
A	**ku**	yi	nqumli indlela xa zibomvu iirobhothi.
A	**ka**	yi	dlali ibhola ekhatywayo.
A	**si**	zi	qumbi msinyane.
A	**ni**	m	tyi kakhulu iiswiti.
A	**ba**	l	fumani mvula ebusika.
			bukeli yonke imihla umabonakude.
			azi ikhephu abantu abaninzi eMzantsi Afrika.

Anifumani mvula ebusika.

Ngoku bhala kwimo elandulayo ezi zivakalisi zinezichazi ezikwimo emfutshane.

Eli langa lishushu, liyingozi.	Aba bantu bala-mbileyo, mabaphakelwe.	Eziya nkomo zibhityileyo, zifile.	Laa mthi mde, uwile.	Elo khephu lininzi, liyanyibilika.

Jonga emva kwizivakalisi ezilandulayo ozibhalileyo. Ngoku guqula izivakalisi zibe yimibuzo eqala ngo-ingaba.

Ingaba iyana imvula ebusika?

Okokugqibela, khetha uze ubiyele isakhi-gama esichanekileyo kwisivakalisi ngasinye.

Ingaba iinkomo **i/zitya** ingca?

Ingaba bona **ba/unqumle** indlela zibomvu iirobhothi.

Oonombombiya **zi/bayakwazi** ukubhabha?

Wena **u/ni** hlala phi?

Ngoobani **e/abahlala** e Antarctica?

Umhla .....

41 Konke kuxhomekeke kwimozulu



Masithethe

- Yeyiphi imozulu eyiyona uyithandayo? Kutheni?
- Kutheni kubalulekile kuwe ukwazi ukuba iza kuba njani imozulu yangomso okanye yeveki ezayo?
- Zenza ntoni izanuse zemozulu?
- Ukhe uyimamele ingxelo yemozulu? Kutheni?
- Injani imozulu namhlanje?
- Chaza ukuba injani imozulu kwindawo ohlala kuyo kumaxesha ahlukeneyo onyaka.
- Ungaya kwindawo enamaqondo aphezulu kakhulu okanye asezantsi kakhulu obushushu? Nika izizathu ngempendulo yakho.



Umoya uphaphathekisa umsebenzi wakho wasekhaya! Baleka wuleqe, msinyane!

Ukuba kukho umoya, asinakukwazi ukuya kuloba intlanzi namhlanje.



Kuya kubakho izaqhwithi ngaselunxwemeni olusentshona.

Kuya kubakho iintshizane zeendudumo apha naphaya ngaselunxwemeni.

Owu , hayi! Bendifuna ukuya elunxwemeni.





Ndiza kunyuka intaba ngomso. Andifuni kulahleka ezintabeni.



Kuya kuba kufudumele kwaye kushushu ePolokwane kwaye iqondo lobushushu eliphezulu liya kuba ngama-30°C.



Masiye kuqubha edamini!

Kuya kubakho inkungu kwiintaba zeDrakensburg.

Nantsi enye imini yelanga elishushu! Kunzima ukusebenza endleleni kobu bushushu bungaka.



Ukuba iyanda inkungu kuya kufuneka siyeke ukuqhuba kuba asisayi kubona.



Kuya kusibekela kubekho iintshizane zemvula eGauteng.

I-Upington iya kuqhuba ngobushushu obuphezulu kakhulu nokoma ngobushushu obubobona buphezulu bama-34°C.



Ndiza kwenza ntoni? Impahla yam ayisayi koma namhlanje.



Akukho ngxaki, sinokuwumisa umdlalo webhola ekhatywayo kude kubesemva kwemini namhlanje.



Ukuba asifumani mvula msinyane siya kulahlekelwa siso sonke isivuno kulo nyaka.



Ngxatsho ke! Ndisandul' ukulima izithole ezitsha.

Amagama amatsha



Masithethe

Ngubani oyivuyelayo imozulu?
Ngubani ongayivuyelanga imozulu kuba kutheni?
Wena uthanda uhlobo olunjani lwemozulu?



Masifunde

Funda umbongo ngemozulu wandule ukuphendula imibuzo.

Vela langa,
Vela langa,
Ndiyakwazi, uzis'ubushushu.
Izolo undivumele ndaqubha.

Mvula, mvula, kanti uphi?
Ndifun'ukulim'imifuno yam.
Imithi yomile kuba akubonakali ndawo
Mvula, mvula, kanti uphi?

Moya, moya, moya!
Uphaphathekise impahla yam ecingweni.
Moya, moya, moya!

Izolo uphephethe indlu yam!
Moya wena akunabubele kum.

Sichotho, sichotho,
Xa ungxola ngelizwi lakho elikhulu
Ndiyamcima unomathotholo wam
Ndiyamcima umabonakude wam.

Langa, mvula, sichotho nomoya,
nifika ngamaxesha athile.

Ngexesha ngalinye imbongi ikhankanya imeko yemozulu, uxela ifuthe layo kuye. Nika iimeko ezimbini zemozulu wandule ukubhala isivakalisi ngendlela imeko nganye yemozulu emchaphazela ngayo.



Masibhale

Bhala umhlathi ngemini apho ubungayilungiselelanga imozulu. Umzekelo, mhlawumbi akuyithathanga ijezi xa usiya esikolweni, kwaza kwabanda kakhulu ngephanyazo. Okanye mhlawumbi ubungaphethanga sambreli yaza yagalela imvula.

Teacher
Sign:
Date:

Umhla .....

42 Ukufunda iitshathi zemozulu

Jonga imephu yemozulu uze ugqibezele itheyibhile engezantsi.

Masifunde



Masibhale

Bhala phantsi iimeko zemozulu namaqondo obushushu ezixeko ezilandelayo.

Isixeko	Iqondo lobushushsu elilelona liphantsi	Iqondo lobushushu elilelona liphezulu	Chaza iimeko zemozulu
EPolokwane			
EJohannesburg			
EBloemfontein			
EDurban			
EUpington			
EMthatha			
EGeorge			

Ngoku phendula le mibuzo.

Zeziphi iindawo eMzantsi Afrika ezinamaqondo angawona aphezulu obushushu: Nika amagama azo namaqondo obushushu.

Imvula ina kwesiphi isixeko?

Sesiphi isixeko esinomsinga obandayo?

Nika igama ledolophu ibe nye okanye isixeko esinamafu. _____

Liphi elona qondo liphezulu lobushushu, kwaye lithini? _____

Sithini isantya somoya nentsingiselo yomoya eKapa? _____

Isichotho ungasilindela phi? _____

Sesiphi isixeko esithande ukusibekela? _____

Amagama amatsha



Jonga umfanekiso ongezantsi. Olu hlobo lomfanekiso lubizwa ngokuba yigrafu yomgca. Qaphela ukuba umgca ngamnye unombala owahlukileyo. Isixelela ntoni le migca? Uya kuyifumana ezantsi kwegrafu impendulo.

Masibhale

- Obona bushushu buphantsi (°C)
- Ubushushu besiqhelo (°C)
- Ukuna kwemvula (cm)
- Iiyure Zesiqhelo Zokukhanya Kwelanga/ Ngosuku
- Iintsuku zeqabaka
- Obona bushushu buphezulu (°C)
- Ubushushu baselwandle (°C)
- Iintsuku zeMvula (>0.1mm)
- Isantya Somoya Sesiqhelo (Beaufort)
- UkuFuma koMoya okuThelekiswayo (%)

IsiXeko saseKapa, iGrafu yeMozulu yaseMzantsi Afrika (Ukuphakama phezu kolwandle: 42m)



Kule theyibhile, bhala imibala yemigca ebonisa okulandelayo:

Ubushushu besiqhelo		Ubushushu baselwandle	
Inani leeyure zokukhanya kwelanga eziqhelekileyo ngosuku ngalunye		Ukufuma komoya	
Inani leentsuku ezineqabaka		Isantya somoya	

Sebenza nomhlobo. Jonga itshathi kwakhona uphendule imibuzo elandelayo.

Belisithini elona qondo liphantsi ekupheleni kukaSeptemba?

Belisithini inani lesiqhelo leeyure zokukhanya kwelanga ekupheleni kukaFebhuwari?

Ukufuma komoya bekuphezulu kakhulu kweyiphi inyanga?

Elona qondo liphantsi lobushushu laselwandle belikweyiphi inyanga?

Yeyiphi eyona nyanga ebinelona qondo liphezulu lobushushu?

Imvula ine kakhulu kweyiphi inyanga?

43 Ukujikeleza kwamanzi

- **Amanzi abaluleke ngantoni ebomini?**
- **Ucinga ukuba kungenzeka ntoni xa singenakuba nawo amanzi?**
- **Siyazi ukuba amanzi siwafumana emvuleni, kodwa kwenzeka njani oko?**



Masifunde

Bonke ubomi emhlabeni buxhomekeke emanzini. Ngaphandle komoya esiwuphefumlayo, enye into ebaluleke kakhulu kwindalo ephilayo ngamanzi. Ngaphandle kwawo, izidalwa eziphilayo azinakuhlala ziphila. Xa singenawo amanzi awaneleyo emizimbeni yethu, izinto ezingafunekiyo ezisemizimbeni azikwazi kukhutshwa. Oku kunokuchaphazela amalungu maninzi emizimbeni yethu kananjalo kubangele izigulo.

Masikuqonde ukujikeleza kwamanzi ukuze sazi ukuba amanzi avela phi. Ukujikeleza kwamanzi yintshukumo yamanzi engapheliyo phakathi kolwandle, umhlaba nomoya.

Umfanekiso ongezantsi uchaza kananjalo ukubonisa indlela okwenzeka ngayo ukujikeleza kwamanzi.

1. **Ukujika kwamanzi abe ngumphunga**
   Ilanga ligqatsa amanzi emilanjeni okanye elwandle ajike abe ngumphunga.
2. **Ukujiya komphunga**
   Wakudibana nomoya obandayo umphunga uba ngamachaphaza enza amafu.
3. **Ukuna kwemvula**
   Xa selemaninzi amanzi angamachaphaza, umoya uyoyiswa kukuwabamba. Amafu aba nzima ukuze amanzi abuyele emhlabeni ngolunye lwezi ntlobo
   - **Isichotho**
   - **Ikhephu**
   - **Iliqhwa**
   - **Imvula**
4. **Xa amanzi ephelela emhlabeni ajika abe ngamanzi asemhlabeni asetyenziswa zizityalo nezilwanyana. Asenokuya emilanjeni, emachibini naselwandle, kuphinde kuqale ukujikeleza kwawo.**



Amagama amatsha



Masithethe

Jonga umfanekiso malunga nokujikeleza kwamanzi. Caciselenani ngendlela ajikeleza ngayo amanzi. Kwinkcazelo yakho sebenzisa amagama alandelayo: **ukujika kwamanzi abe ngumphunga, ukujiya komphunga, ukuna kwemvula.**

- **Umfanekiso ubonisa umjikelo (iziganeko ezenzeka ngolandelelwano oluthile).**
- **Zama ukufumanisa esikuboniswa ngulo mjikelo.**
- **Zingaphi iintlobo zamanzi ezahlukeneyo ezichongwe kulo mfanekiso?**

Ngoku bhala isivakalisi esichaza okwenzeka emfanekisweni ngamnye kule mithathu.



Masibhale

Uyichazile indlela okusebenza ngayo ukujikeleza kwamanzi. Ngoku bhala amanyathelo amane achaza ukusebenza kwenye inkqubo. Kunokuba yinkqubo yokubilisa amanzi, okanye ukusenga inkomo, okanye ukulungisa ivili eliphantshileyo. Qala ngesihloko uze unike imiyalelo emine okanye emihlanu efanelekileyo. Emva koko cela umhlobo wakho afunde imiyalelo ukuze nibone ukuba ingaba icacile na.

Imiyalelo yoku _____

Teacher

Sign:

Date:

44 Ukulondolozwa kwamanzi



Masifunde

Jonga ezi powusta zamanzi. Zizotywe ngabantwana baseMelika abalingana nawe ngobudala.



Malia Moore, Ibanga 5.



Eric Wang, Ibanga 6.



Victoria Ouyang, Ibanga 6

Ngoku yenza ipowusta yamanzi eyiyeyakho. Zoba umfanekiso ukhankanye iindlela ezimbini zokulondoloza amanzi.

Usisebenzisa xa kutheni isichazi esifinyeziweyo, endaweni yesichazi esipheleleyo? Bonisa ingqiqo yakho ngokunika umzekelo kwisivakalisi. Isichazi esifinyeziweyo sisetyenziswa xa kuqalwe isivakalisi ngesalathisi, umzk. **Aba bantu badala, badiniwe**. Kanti esingafinyezwanga besiza kuthi, **Abantu abadala badiniwe**.



Masibhale

Fakela izimelabizo nezimnini ezichanekileyo kwisivakalisi ngasinye. Ungalibali ukusebenzisa unobumba omkhulu ekuqaleni kwesivakalisi. Ubonisiwe esokuqala isivakalisi.

mna	yam	Mna_____ ndilondoloza amanzi endlwini yam_____.
lethu	thina	_____ sinomthombo wamanzi kwikhaya_____.
wena	yakho	_____ unayo incwadi_____?
yakhe	yena	_____ unencwadi ingeyiyo ipeni _____.
yena	yakhe	_____ ushiye incwadi _____ ekhaya.
yona	wayo	_____ yenzakalise umsila _____ xa ibisilwa.
yeyam	yam	Le yincwadi _____ . Le ncwadi _____.
bona	yabo	_____ base imoto _____ egaraji.



Masibhale

Gqibezela izivakalisi ngokufakela isakhi u-ku okanye isimnini.

_____balulekile ukulondoloza amanzi.

Ikati ikhothe iintupha ____.

_____ yiwa ekonsathini namhlanje.

Umntwana ubaleke waya _____ mandlalo _____ebusuku.

A_____mnandanga ukuvalelwa sisichotho.

Ndiza____ sebenza esitiyeni imini yonke namhlanje.

Ngoku khawugqibezele izivakalisi ezilandelayo ngokufakela amagama achanekileyo. Sebenzisa izakhi zamagama asebhokisini.

nge	e	ngo	kwi	kwa	ku

UBulelani uya esikolweni ____ bhasi.

Siya _____ klasi yezembali____ Mvulo.

Ibhola ayidlalwa _____ ndlwini.

Ubuyele _____khe kuba akasafuni kuya _____ye.

45 Abantu neendawo

- **Jonga imifanekiso emibini uthethe ngokusemfanekisweni wokuqala okungekhoyo emfanekisweni wesibini.**
- **Ziintoni eziluncedo ngokuhlala emaphandleni?**
- **Ziintoni eziluncedo ngokuhlala ezidolophini?**
- **Zinto zini ezingalunganga ngokuhlala kwenye yezi ndawo?**
- **Abantu abakwezi ndawo benza yiphi imisebenzi?**

Emaphandleni



Ezidolophini



Masifunde



NdinguKhethiwe. Ndineminyaka eli-12 ubudala. Ndihlala nomakazi wam eMabopane eGauteng. Umama wam notata wam basebenza eThekwini, kanti ubhuti wam yena usebenza efektri eMonti. Ndisoloko ndindwendwela usapho lwam ngamathuba eeholide. Ndihlala eGauteng kuba ndifunda khona. Ndinethamsanqa kuba zininzi iilwimi endikwaziyo ukuzithetha. Esikolweni ndithetha iSetswana, kodwa ndithetha isiZulu nomakazi nomama wam. Utata wam yena uthetha isiXhosa. Ukhulele eBizana eMpuma-Koloni. Xa ndisiya ezivenkileni eTshwane ndithetha isiBhulu, kanti xa ndidlala nabazala bam eGoli ndithetha isiNgesi. Ekhaya xa ndidlala nabahlobo abangabamelwane, ndisoloko nditshintsha-tshintsha iilwimi ngalo lonke ixesha. Ndinabahlobo endibathanda kakhulu abahlanu. Bathetha isiTsonga, iSepedi, iSesotho, iSetswana nesiNgesi. Sinabamelwane abathetha isiFrentshi. Bavela eDemocratic Republic of Congo. Ngoku ndifunda ukuthetha isiFrentshi. Ndinethamsanqa kuba ndiyaluqonda uninzi lweelwimi zaseMzantsi Afrika.

NdinguBongani. Sendiza kudibanisa iminyaka eli-13. Ndihlala kwilali ekufuphi e-Eshowe KwaZulu-Natal. Ndihlala nosapho lwam, abazali bam notatomkhulu kunye nomakhulu wam. Ilali yethu isemaphandleni kwaye sifuye iinkomo neegusha. Ekhaya ndithetha isiZulu. Esikolweni sifunda isiNgesi kodwa andinamathuba maninzi okuthetha isiNgesi. Ndiyasiqonda isiSwati nesiXhosa kuba ziphantse ukufana nesiZulu. Bonke abantu apho ndihlala khona bathetha isiZulu. Andifane ndizive ezinye iilwimi zaseMzantsi Afrika. Kulo nyaka uphelileyo bendihambe neqela lesikolo lebhola ekhatywayo. Sidlale eGauteng. Sonke besithetha isiNgesi kuba akakho kwiqela lethu obekwazi ukuthetha iSepedi.



Amagama amatsha



Siyakuthanda ukuhlala kwilali yethu emaphandleni kodwa ubomi abululanga kuba asinambane. Kwizindlu zethu ezingoongquphantsi asinamanzi, ngoko ke siwalanda emlanjeni kanti sineethoyilethi zemingxuma kuphela. Nangona kumnandi kum ukuhlala nosapho lwam kubonakala ngathi ndiza kugqibela ngokuya esixekweni. Umkhuluwa wam yena seleye edolophini ukuya kufuna umsebenzi.

NdinguBelinda. Ndiza kugqiba iminyaka eli-13 ngoDisemba. Ndihlala eThekwini. Ndiya esikolweni nabantwana abathetha isiZulu nesiNgesi. Ndiyasithetha isiZulu kwaye ndiyathanda ukusithetha xa ndilifumene elo thuba. Xa sithetha nabahlobo bam sixuba isiZulu nesiNgesi. Kukho abantwana esikolweni sethu abavela kwamanye amazwe, bona bonke bathetha isiNgesi. Ndihlala nomama wam nomakhulu wam. Umntakwethu mnye kwaye mncinci kum. UkwiBanga lesi-3. Ngelinye ixesha sithetha isiBhulu xa sindwendwele utata wethu. Utata uhlala eKapa.



Masisebenze

Fumanisa ebantwini abahlanu ukuba bathetha ziphi iilwimi kwiimeko ezahlukileyo.

	Bhala amagama abo kwezi zithuba uze uxele ukuba basebenzisa ziphi iilwimi.			
Ekhaya				
Eklasini				
Ebaleni lokudlala				
Nabahlobo				
Ezivenkileni				
Kwindawo endihlala kuyo				

Ngoku bhala izivakalisi ezihlanu uthelekise indawo ahlala kuyo uKhethiwe nahlala kuyo uBongani. Sebenzisa amagama akuluhlu olusekhohlo ukukuncedisa.

	Apho ahlala khona uKhethiwe	Apho ahlala khona uBongani
Iivenkile		
Iindlela		
Uthutho		
Imisebenzi		
Iilwimi		

Teacher

Sign:

Date:

46 Zonke iilwimi zethu



Masithethe

- **Kutheni abantu abahlala ezidolophi kufuneka bethethe iilwimi eziliqela kunabo bahlala emaphandleni?**
- **Kutheni wena unomdla wokufunda olunye ulwimi? Oluphi?**



Masifunde

Jonga itshathi uze uphendule imibuzo elandelayo.





Masibhale

Loluphi ulwimi oluthethwa ngabona bantu baninzi eMzantsi Afrika?	
Loluphi ulwimi oluthethwa ngabona bantu bambalwa?	
Ngokwale tshathi, ingaba zikhona iilwimi ezithethwa linani elilinganayo labantu? Zeziphi?	
Loluphi olwakho ulwimi?	
Yintoni ipesenti yabantu baseMzantsi Afrika abathetha ulwimi lwakho lwasekhaya?	



Masisebenze

Jonga itshathi elandelayo. Olu hlobo lwetshathi lubizwa ngokuba yiphayitshathi Ibonisa ukuba bangaphi abantu baseMzantsi Afrika abangamadoda bebangaphi abesifazi.

Itshathi isibonisa ukuba baninzi abantu besifazi eMzantsi Afrika kunamadoda.





Ngoku jonga kule mephu ukuze ubone ukuba bahlala phi abantu eMzantsi Afrika.



Phendula le mibuzo emva kokufunda imephu.

Leliphi iphondo elinabona bantu baninzi?	
Leliphi iphondo elinabona bantu bambalwa?	
Ngawaphi amaphondo amabini anamanani alinganayo abantu?	
Wena uhlala kweliphi iphondo?	

Umhla .....

47 Isixeko okanye ilali?



- **Wazalelwa phi – elalini, efama, edolophini okanye esixekweni?**
- **Yintoni onokuyikhumbula xa bekunokufuneka ukuba ufuduke ngoku apho uhlala khona?**
- **Ubunokukhetha ukuhlala phi – esixekweni okanye elalini? Xela ukuba kutheni.**

Masifunde Impuku yasemaphandleni nempuku yasesixekweni





UMathilda impuku uhlala kwifama encinci nomama wakhe, kude, kude kakhulu nesixeko. Bahlala ngokonwaba apho kuba kulula ukufumana ukutya efama. Banendlu encinci eqoqosheke kakuhle emngxunyeni phantsi kweshedi yesitiya. UMathilda impuku nomama wakhe basoloko benokutya okwaneleyo kuba umlimi usoloko echitha ukutya okuziinkozo okunesondlo nombona xa esebenza.

Ngenye imini uMathilda weva umzala wakhe uMissy, impuku yasesixekweni esithi uza kubandwendwela. Balungiselela umzala wabo esona sidlo sinencasa. Baqokelela ukutya okuziinkozo bada bafumana nesonka samasi esidala esasilahlwe ngumlimi.

"Hayi esi sidlo, sincamise ngencasa" wacinga ngolo hlobo uMathilda impuku. "Oku kutya kufanele inkosazana."

UMathilda wamamkela ngobubele umzala wakhe waza wamnika ukutya okuziinkozo nombona kunye nesonka samasi, kodwa uMissy wanyusa impumlo wathi: "Andazi yenzeka njani into yokuba, Mzala Mathilda, nitye ukutya okungatshongo khona kangaka. Yiza sihambe ndiye kukubonisa indlela yokuphila. Wakuba ufike esixekweni akusayi kuze ufune ukubuyela apha kwakhona."

Iimpuku ezimbini zanduluka ukuya esixekweni. Zatsiba zingena etekisini kwisikhululo esikhulu seetekisi. "Jonga!" watsho uMissy. "La khabhathi ivulekileyo yeye-Happy Hamburger kanti ke ikwisicuku seevenkile." Kwakukho ingxolo nabantu abaninzi. UMathilda wayesoyika neemoto ezinkulu nengxolo yesixeko. Ekugqibeleni bafika kwikhaya likaMissy esixekweni. "Ndiqinisekile uyafa lunxano," watsho uMissy. "Masifumane into etyiwayo."





Wakhokelela uMathilda kwigumbi lokutyela elihle kunene. Apho bafumana iintsalela zesidlo sasebusuku esimnandi zaza msinyane iimpuku ezimbini zazibona zisitya ijeli nekeyiki neelekese netshokolethi. Ngephanyazo beva umnyawu!

"Yintoni leyo?" wabuza uMathilda impuku.

"Owu, yenye yeekati zendlu nje leyo," waphendula uMissy.

"Nje!" watsho uMathilda. "Kuphela kwengxolo endingayifuniyo leyo kwisidlo sam sasebusuku."

Kusenjalo ikati enkulu, elambileyo yatsibela uMathilda impuku. Akazange othuke kangako oko waba khona emhlabeni. Ngethamsanqa wakwazi ukuxhuzula aphume kwelo thupha likhulu laloo kati, wabaleka. Akayekanga

Amagama amatsha

ukubaleka. “Sala kakuhle, Missy,” wakhwaza ebaleka ukuya esitalatweni.
“Ndiza kutya iinkozo kubo bonke ubomi bam. Inye into ebalulekileyo kukuba ndikhuselekile ... ndihlala ngaphandle kovalo! Wakhefuzela. Akazange ayeke ukubaleka wada wafika elalini yakhe. Wabaleka waya endlwini yakhe. Akugena emngxunyeni wakhe eshedini esegadini, wathetha yedwa wathi, “Akukho ndawo enokuthelekiswa nekhaya!”



Masibhale

Bhala umhlathi ngobomi obabuphilwa yimpuku nganye. Chaza indlela ezazihlala ngayo nezazikutya. Sikuqalele umhlathi ngamnye.

UMathilda, impuku yasemaphandleni, uhlala emngxunyeni efama.

UMissy, impuku yasesixekweni, uhlala endlwini enkulu esazulwini sesixeko esiphithizelayo.



Masifunde



Yitshathi eluhlobo luni le?

Yeyiphi imibala esetyenziselwe ukubonisa amanani asemaphandleni nawasedolophini?

Jonga le tshathi uxele ipesenti (%) yabantu baseMzantsi Afrika abaphila emaphandleni nasezidolophini.

Ucinga ukuba la manani aya kuguquka? Kutheni ucinga ngale ndlela?

Teacher
Sign:
Date:

Umhla .....

48 Ulwimi edolophini nasemaphandleni



Masibhale

Hlanganisa ezi zivakalisi ngokusebenzisa u-nangona okanye u-kodwa. Emva koko chazela umlingane wakho ngendlela ezahluka ngayo izivakalisi ngokwentsingiselo.

Ndinqwenela ukuhlala edolophini _____ ndingayithandi ingxolo yasesixekweni.
Ndinqwenela ukuhlala edolophini _____ andiyithandi ingxolo yasesisixekweni.

Ngoku lungiselela ukubhala imihlathi emine okanye emihlanu malunga nokuba ingaba ukhetha ukuhlala emaphandleni okanye edolophini na. Bhala izizathu zokukhetha kwakho kwimephu yeengcinga.

Amagama amatsha



Masibhale

Ngoku sebenzisa imephu yeengcinga ukuba ikuncedise ekubhaleni imihlathi yakho ngokubhekiselele kwindawo okhetha ukuhlala kuyo. Faka iinombolo kwimilenze yemephu yeengcinga uze uyisebenzise ekukuncedeni ukuba ubhale imihlathi evakalayo ngokusebenzisa isivakalisi esinesihloko esingundoqo nezinye izivakalisi ezinika inkxaso.







4









Umhla .....

49 Ubusuku obungakholelekiyo



Masithethe

- **Wakha wafunyanwa lishologu ebuthongweni?**
- **Wawuphuphe ngantoni?**
- **Wakha waphupha ngencwadi owawuyifundile?**





Masifunde



Ngobusuku obuthile uLindiwe wayengqengqe ebhedini efunda ngeengwenya kwincwadana engulind'ixesha ayithanda kunene, "iNational Animal Magazine". Phambi kokuba alale uyibeke kwithala leencwadi, nje ecaleni komnyango wegumbi lokuhlambela.



Ebusuku njalo, uthe xa evela egumbini lokuhlambela, weva isandi sihlangabezana naye siphuma ngakwithala leencwadi. Wayesebuthongweni ngoko ke zange ayizinzise kuloo nto ingqondo yakhe. Kodwa ke imfumba yamaphepha-ndaba noolind'ixesha ababekwithala leencwadi basuka bashukuma. Yatyibilika ngephanyazo loo mfumba yathi saa kuyo yonke indawo emgangathweni, saya ngokukhula isandi esasivakala njengokufutha.

ULindiwe zange awakholelwe amehlo akhe: Tyhini! Nantso ingwenya ibhavuma, ibeth'ithatha iphuma phantsi kwethala leencwadi. Wasuka wangumkhenkce kukubanda. Wayibukela ingwenya irhubuluza ilaqaza endlwini ingangxamanga. Yayingathi isandul'ukuphuma emanzini. Wonke umzimba wayo wawumanzi njengoko yayishiya ichibi lamanzi emgangathweni. Ingwenya yenza loo ngxolo yayo yokufutha ijiwuzisa umsila wayo emva naphambili. Yathi xa ivula umlomo wayo, seyiveze loo mkrozo wamazinyo amade, woma uLindiwe kukothuka.

"INational Animal Magazine" icambalele emgangathweni ecaleni kwengwenya. Ikhona into eyayingaqondakali kakuhle. ULindiwe wayiqwalasela waza wabona ukuba umfanekiso oseqweqweni wawahlukile. Endaweni yengwenya enkulu edongeni lomlambo, ngoku kwakukho udonga lomlambo kuphela! Uphakamise ulind'ixesha. Ngelo xesha ingwenya yajiwuzisa umsila wayo kakhulu kangangokuba kwada kwaphuka ivazi eyiyona ithandwa ngumama wakhe yatsho yathi saa kuyo yonke indawo iglasi. ULindiwe wabaleka wangena egumbini lakhe lokulala wambakraza ucango. Wahlala ebhedini noko kwathi xibilili.

"Mhlawumbi ilambile, xa inokufumana into etyiwayo ingahamba," wacinga. Wajonga "iNational Animal Magazine" wacinga, "Xa ingwenya inako ukurhubuluza iphume emfanekisweni mhlawumbi nezinye izilwanyana zingakwazi ukwenza njalo." Watyhila waza wafumana umfanekiso wamakholwane.

Amagama amatsha



"Angasisidlo esimnandi kwingwenya," wacinga ngolo hlobo. Waxhuma xa esiva uswalakahla omkhulu watsho wabona nesiqwentshana somsila wengwenya sikrobe phantsi kocango olucebukileyo. Watyhalela umfanekiso wekholwane emngxunyeni wocango ukubonisa ingwenya ukutya kwayo.

Ngephanyazo kwaba sekukho amashumi amakholwane akhala ngamazwi ahlabayo ebhekuza ngamandla ngamaphiko ebaleka ejikeleza ngezo ngcondo zinde ngaphaya kocango lwakhe. Nalo ikholwane liphelela emlonyeni wengwenya kwalandela elinye, kwaba lelinye, nelinye. Seyidiniwe, yalala, yavala amehlo ayo ayaphinda ishukume.



ULindiwe wavula ucango ezolile wabeka ulind'ixesha phambi kwempumlo yengwenya. "Nceda," wasebeza, "nceda goduka." Wachwechwa wabuyela egumbini lokulala waza wakroba ngomngxuma wocango. Ingwenya namakholwane aziphelela emoyeni zibuyela kulind'ixesha.

Kusasa abazali bakhe bafuna ukuqonda ukuba yintoni emanzise umgangatho, nokuba lwaphulwe yintoni ucango lwakhe, yona ivazi ethandwa ngumama kakhulu kutheni seyiziingceba ezincinci emgangathweni kuyo yonke indawo. Wayengazi nokuba makaqale ngaphi uLindiwe ukuchaza.

Ibali lilungisiwe liphuma kwincwadi ethi "Ubusuku obungakholelekiyo" ebhalwe nguF Hohler, njengoko libandakanywe kwimihlathi yeeSampulu zePIRLS, imibuzo nezikhokelo zokukora.



Masisebenze

Ezi zivakalisi ziphathelene nokwenzeka ebalini likaLindiwe. Ulandelelwano lwazo alulunganga. Zifake iinombolo ukuze zilandelelane kakuhle. Sikuncedise ngezimbalwa.

	Emva kwethuba uye egumbini lokuhlambela.
	Ubone ingwenya ifutha ijiwuzisa intloko nomsila.
2	Waya kulala.
	Uzitshixele kwigumbi lakhe lokulala.
	Ufumene umfanekiso wamakholwane.
	Ingwenya itye amakholwane.
9	Ingwenya ihambe yaya kulala.
	Amakholwane atsibele ngaphaya komfanekiso.
1	ULindiwe ufunde "iNational Animal Magazine" waza wayibeka kwithala leencwadi.



Teacher

Sign:

Date:

Umhla .....

50 Okuthe chatha ngengwenya



Masibhale

Phinda ufunde ibali elithi, "Ubusuku obungakholelekiyo", wandule ukuphendula le mibuzo.

Waba yintoni umqondiso wokuqala owabonisa ukuba kukho into engaqhelekanga eyenzekayo?

a)	Imfumba yamaphepha yaqala ukushukuma
b)	ULindiwe wafumanisa ukuba umfanekiso eqweqweni lukalind'ixesha awusenanto.
c)	Ucango lwegumbi lwakhe lwalaphukile.
d)	ULindiwe weva ingxolo yokufutha.

Yayivela phi ingwenya?

a)	Kwigumbi lokuhlambela
b)	kuqweqwe lukalind'ixesha
c)	Phantsi kwebhedi
d)	Emlanjeni okufutshane

Ngawaphi amazwi asixelela ukuba uLindiwe wayothukile?

a)	Ngumkhenkce kukubanda
b)	Azange awakholelwe amehlo akhe
c)	Waziva esindile
d)	Weva isandi sokufutha

Yintoni eyenza ukuba uLindiwe acinge ukuba ingwenya yayiza kuhlasela?

a)	Yakhupha amazinyo ayo.
b)	Yenza isandi esikhulu sokufutha.
c)	Yaqalisa ukubhavuma nokubeth'ithatha.
d)	Yajiwuzisa umsila wayo emva naphambili.

Ucango lwegumbi lokulala lwaphulwa yintoni?

a)	Ngumsila wengwenya.
b)	Yivazi kamama wakhe eyalubethayo.
c)	Umlomo otsolo wekholwane walubetha.
d)	ULindiwe walubetha lwaphuka ucango.



Amagama amatsha



Kwakutheni ukuze uLindiwe abize amakholwane kulind' ixesha?

Xela iindlela ezimbini ulind'ixesha awanceda ngazo uLindiwe.

Ucinga ukuba ibali lengwenya laliyinxalenye yephupha likaLindiwe?
Nika ubungqina bube bunye obubonisa ukuba yayiliphupha.

Ngoku nika indawana ebubungqina bokuba yayingelophupha.

Ekupheleni kwebali waziva njani malunga namakholwane?

a)	Enombulelo
b)	Enesazela
c)	Eqaphela
d)	Ecaphuka



Umhla .....

51 Ngemini elandelayo



Masisebenze

Umdlalo-ndima

- **Yenza umdlalo-ndima apho uLindiwe axelela abazali bakhe ngokwenzekileyo.**
- **Ucinga ukuba abazali bakhe baza kulikholelwa ibali lakhe?**
- **Bonisa indlela uLindiwe azama ngayo ukuba abazali bakhe bakholelwe kwakubalisayo ngomgangatho omanzi, indlela eyaphuka ngayo ivazi kamama wakhe nendlela ekwavuleka ngayo umngxuma ecangweni lwegumbi lakhe lokulala. Zenzele isiphelo sebali lakho.**



Masibhale

Lijonge kwakhona ibali. Qwalasela isimo sikaLindiwe. Cinga ngazo zonke izinto awazenzayo zokuzisindisa kwingwenya. Fakela izichazi ukuchaza isimo sakhe. Xa sowukwenzile oku, bhala okucingayo ngesimo sakhe.



Ngoku sebenzisa izichazi ukubhala isiketshi ngesimo sikaLindiwe.





Masibhale

Yenza isicwangciso sokubhala inkcazo ngephupha okanye ngeshologu okhe wanalo. Sebenzisa imephu yeengcinga ukuze wenze isicwangciso sakho.

Isihloko sakho sithi: **"Phezolo ndiphuphe ..."**. Fakela izimvo zakho ezingundoqo kwimephu yeengcinga. Xela okwenzileyo phambi kokuya kulala, kwenzeke ntoni ephupheni lakho kwaye liphele njani. Xela ukuba ubuziva njani ephupheni. Ubusoyika? Wakuba ukwenzile oku, kuya kufuneka ukuba ubhale imihlathi emi-3 nokuba mi-4 ngephupha lakho. Bhala inkcazo kwiphepha elingenamsebenzi. Cela umhlobo wakho akuqwalaselele. Ngomso uza kukhuphela umsebenzi wakho owenze kakuhle kwiphepha elilandelayo lokusebenzela.

Endikwenze phambi kokulala

Xa ndivuka.

Phezolo! Ndiphuphe ...

Indlela eliqale ngayo iphupha

Isiphelo sephupha.

Indlela ebendiziva ngayo ephupheni.

Teacher

Sign:

Date:

Umhla .....

52 Ukubhala ibali lam

Phinda ubhale isincoko sakho kwisithuba osinikiweyo.

Phezolo ndiphuphe ...



Amagama amatsha





53 Indlela isigcawu esafumana ngayo imilenze yaso ebhityileyo



Namhlanje siza kufunda ngebali lesigcawu saseAfrika sasezimbalini esibizwa ngokuba nguAnansi.

Masifunde



Kwathi ke kaloku, kudala-dala, kwakukho isigcawu esasibizwa ngokuba ngu-Anansi. Nangona uAnansi wayengumpheki oyincutshe wayesonqena noko, ngoko ke wayede atye ukutya okuphekwe ngabanye abantu belali bephekela iintsapho zabo.

Ngenye imini, wangena endlwini kaMvundla. UMvundla wayengumhlobo wakhe omkhulu.

"Upheke okuluhlaza embizeni yakho," wakhwaza uAnansi yimincili. UAnansi wayeyithanda imifuno.

"Ayikavuthwa kakuhle," watsho uMvundla. "Kodwa iza kuvuthwa msinyane. Linda ukuze sitye kunye."

"Bekungaba kuhle oko, Mvundla, kodwa kukho ezinye izinto ekufuneka ndizenzile," watsho uAnansi engxamile. Wayecinga ukuba xa enokulinda endlwini kaMvundla, uMvundla angamnika imisebenzi ukuba ayenze. Wayengafuni kuzibona ehlamba ezitya.

"Uyazi ndikuxelele," watsho uAnansi. "Ndiza kusonta uphinye-phinye. Ndakubophelela icala emlenzeni wam elinye libe sembizeni yakho. Xa ivuthiwe imifuno, tsala uphinye-phinye, mna ndiya kuza ndibaleka!"

UMvundla wacinga ukuba luluvo olulungileyo olo. Kwaza kwenziwa ngolo hlobo.

"Ndiva ivumba leembotyi," uAnansi wajoja ngovuyo wathi chu wahamba. "Kuphekwe iimbotyi ezimnandi, embizeni."

"Yiza uze kutya iimbotyi ezimnandi nathi," zakhwaza iinkawu. "Phantse zilungile."





"Ndingavuya, Tata Nkawu," watsho uAnansi. Waphinda wacebisa ukuba asonte uphinye-phinye, aze abophelele icala emlenzeni wakhe, elinye alibophelele embizeni enkulu yeembotyi.

UTata uNkawu wacinga ukuba lilungile elo cebo. Bonke nabantwana balibona lilihle elo cebo. Ngoko ke kwenziwa njalo.

"Ndiva ivumba lebhatata," uAnansi wajoja ngovuyo ethe chu ehamba.

"Yibhatata nobusi. Ubumnandi obunjalo. Ayimnandi!"

"Anansi," wakhwazwa ngumhlobo wakhe uHagu. "Imbiza yam izele ziibhatata nobusi! Yiza uze kutya nam."

"Ndingavuya," watsho uAnansi. Waphinda wacebisa ukuba abophelele asonte uphinye-phinye aze abophelele icala lalo emlenzeni wakhe, elinye

Amagama amatsha



icala libotshelelwe embizeni yebhatata.
Umhlobo wakhe uHagu wabona ilicebo elihle elo. Kwenziwa njalo.
Uthe efika uAnansi emlanjeni, wabe selenecala lophinye-phinye olibotshelelwe emlenzeni wakhe ngamnye kwesibhozo.
"Licebo elingummangaliso eli." wazixelela ngebhongo uAnansi. "Ingaba yekabani imbiza eya kuvuthwa kuqala? Ndiya kuba nako ukutya izidlo ezisibhozo namhla. Hayi ithamsanqa lam."
Kanye ngelo xesha, uAnansi weva etsalwa emlenzeni. "Yho," watsho uAnansi.



"Leyo yinwebu yophinye-phinye lukaMvundla lwemifuno." Weva okunye ukutsalwa kwakhona. UAnansi watsalelwa kwiindlela ezintathu ngexesha elinye.
"Owu Nkosi yam," watsho uAnansi, esiva ukutsalwa kwenwebu yesine yophinye-phinye.
Kuthe kusenjalo, weva ukutsalwa kwenwebu yesihlanu yophinye-phinye. Kwaba kukutsalwa kwesithandathu. Kwalandela okwesixhenxe.
Yho! Nokwesibhozo! UAnansi wayetsalwa-tsalwa ngapha nangapha, njengoko wonke ubani ebetsala iinwebu zophinye-phinye macala ngaxeshanye. Imilenze yakhe yaya ngokubhitya. UAnansi waqengqelekela emlanjeni msinyane. Ekugqibeleni, xa lonke uphinye-phinye, seluhambe namanzi, uAnansi wazitsala kabuhlungu, waphuma emanzini.
"Nants'into yakho," wakhefuzela watsho uAnansi. "Mhlawumbi ibingelocebo lihle elo kwaphela." Kude kube namhla, uAnansi isigcawu unemilenze esibhozo ebhitye ngokugqithisileyo. Kanti zange afumane kutya tu ngaloo mini.



Masithethe

Kwakutheni ukuze uAnansi enze isigqibo sokungalindi endlwini kaMvundla ide ivuthwe imifuno eluhlaza?

Kwathini ukuze agqibele ngokuba nemilenze esibhozo ebhityileyo?

UAnansi wazisindisa njani ekubeni angatsalwa ade aqhawuke abe ziziqwenga?

Yintoni imfundiso yeli bali? Sazi njani ukuba eli bali aliyonyani?

Teacher
Sign:
Date:

Umhla .....

54 Izigcawu



Masithethe

- **Ucinga ntoni ngezigcawu?**
- **Uyazazi ezinobungozi okanye ezingeyongozi?**
- **Izigcawu ezingeyongozi ziluncedo njani kuthi?**
- **Isigcawu sahluka njani kwisinambuzane?**





Masifunde

Imilenze mithandathu okanye isibhozo

Ubusazi ukuba izigcawu ziluncedo ebantwini? Enye yeendlela ezisinceda ngazo kukutya izinambuzane ezinobungozi kuthi. Izigcawu zizibamba njani izinambuzane? Ezinye izigcawu zivalela izinambuzane ngophinye-phinye lweenwebu. Isigcawu sinemingxunyana emincinci emzimbeni waso, ukuze xa sifuna ukwenza uphinye-phinye, sikhuphe ulwelo kule mingxuma. Xa umoya ufika kolu lwelo, lujika lube yinwebu eyomeleleyo, ebhityileyo, esabusilika, uphinye-phinye zilwenza ngako oko. Izigcawu ezahlukileyo zenza uphinye-phinye olwahlukileyo.



Izigcawu zasesitiyeni zenza uphinye-phinye olunamathelayo.



Izigcawu ekuthiwa ngabahlolokazi abamnyama zenza uphinye-phinye oluphixeneyo.



Izigcawu zengca zenza uphinye-phinye olufana nemitya emincinci yengca.



Ezinye izigcawu ngabazingeli. Zihlala kufutshane emlanjeni okanye ngasemachibini zibambe izinambuzane ezidlula emanzini.





Masithethe

Izigcawu asizozinambuzane. Zahluke kakhulu kwizinambuzane. Jonga itheyibhile engezantsi.



Izinambuzane
Izinambuzane zineempondwana nemilenze emithandathu kuphela kanti uninzi lwazo lunezibini zamaphiko ezibini. Imizimba yazo yahlulwe ngokwezahlulo ezithathu – intloko, isifuba nesisu.



Izigcawu
Izigcawu zinemilenze esibhozo kodwa azinamaphiko nazimpondwana. Zineenzipho ezinyaweni nemihlathi efana nemilenze emincinci. Isikhumba sesigcawu sigqunywe ngoboya.



Masibhale

Jonga imifanekiso emibini uxelele umlingane wakho indlela isinambuzane esahluka ngayo kwisigcawu.

Xela iindlela ezintathu ezahluka ngayo izigcawu kwizinambuzane.
Jonga imilenze.
Jonga iinxalenye zemizimba yazo.
Jonga okugqume imizimba yazo.
Izigcawu zizibamba njani izinambuzane ezizityayo?
Izigcawu zilwenza njani uphinye-phinye?
Xela iintlobo ezi-3 ezahluka-hlukileyo zoophinye-phinye ezenziwa zizigcawu.

55 Yintoni enemilenze emithandathu?







Masifunde

- **Siyazi ukuba u Anansi wayenemilenze esibhozo. Yintoni enemilenze emithandathu?**
- **Zingaphi izinambuzane ozazi ngamagama?**
- **Zeziphi izinambuzane ezikucaphukisayo?**











Izidalwa ezinemilenze emithandathu

Wakha wasiva isinambuzane sihamba engalweni yakho sikunyumbaze ngeenyawo zaso? Yayiyimpukane okanye imbovane okanye inyosi, intethe okanye inkubabulongo, inyenzane okanye ibhabhathane? Nokuba zihlala phi, ezinye zezidalwa ezinemilenze emithandathu ziyathanda ukuba kufutshane kuwe. Ngamawaka ezigidi iintlobo ezahlukeneyo zezinambuzane.

Zibukeka njani izinambuzane?

Zonke izinambuzane zinemilenze emithandathu, iimpondwana ezimbini entloko eziva ngazo izinto. Ezinye zinamaphiko amabini kanti ezinye zinamaphiko amane. Izinambuzane zinemizimba eneenxalenye ezintathu – intloko, isifuba nesisu.



Izinambuzane azifani nabantu. Xa ufuna ukungcamla into, uyikhotha ngolwimi. Xa impukane ifuna ukungcamla into, ihamba phezu kwayo! Xa ufuna ukujoja into, usebenzisa impumlo yakho. Kodwa impukane ayinampumlo. Ijoja ngeempondwana ezimbini ezisentlokweni yayo. Izinambuzane aziboni njengathi. Amehlo azo enziwe ngamakhulu-khulu amehlo amancinci. Iliso ngalinye libona inxalenye yento oyibonayo.



Masisebenze

Phinda ufunde inkcazo ngesinambuzane, emva koko zama ukuzoba isinambuzane. Qala ngeenxalenye ezintathu zomzimba waso. Faka ileyibhile kuwo onke amalungu omzimba owazobayo.





Amagama amatsha





Masibhale

Buya umva kwiinkcazo ngezinambuzane. Funa iinkcukacha ezikuxelela indlela izinambuzane ezahluka ngazo ebantwini. Bhala ezi yantlukwano kwitheyibhile.



	Abantu	Izinambuzane
Ukujoja	Sijoja ngeempumlo zethu.	Ezinye izinambuzane zijoja ngeenyawo zazo.
Ukungcamla		
Ukubona		
Ukuhamba		

Gqibezela lo mhlathi.

Ndive into endinyumbazayo inyuka ngengalo yam. Emva koko ndeva ndilunywa kabuhlungu.
Ndakhala kakhulu ndaza

Teacher

Sign:

Date:

Umhla .....

56 Ulwimi oluhlanganisayo

Ngokusebenzisa amagama ahlanganisayo
Uya kukhumbula ukuba sisebenzisa amagama athile ahlanganisayo ukubonisa **oonobangela neziphumo**. U-**kuba** ligama elihlanganisayo, silisebenzisa ngolu hlobo: "Umdlalo umisiwe **kuba** imvula ibisina." Nanku omnye umzekelo, kodwa apha kusetyenziswa enye indlela yokuhlanganisa: "Ufunde ngokuzimisela kolu vavanyo **ngenxa yoko** wafumana amanqaku aphezulu."



Masibhale

Ngoku gqibezela okulandelayo ukuze wenze izivakalisi ezipheleleyo. Zonke zisebenzisa izihlanganisi ukubonisa oonobangela neziphumo.

Ibhasi yaphukile baza _____
Akazi kudlala kuphiswano _____ wenzakele.
Umqhubi ebengafanelekanga ngoko ke_____akafikanga.
Bafike emva kwexesha_____ bebengenasithuthi.
_____yembalela, zifile izityalo.

Iimpawu zocaphulo ezingambini zisebenza ntoni kwiintetho ezifana nezi "Yibhatata nobusi. Ubumnandi obunjalo. Ayimnandi!"?



Masibhale

Fakela iaphostrofi okanye iimpawu zocaphulo ezingambini.

1.	Mininzi imilenze yesigcawu.
2.	Lisebenziliqhinga likaAnansi.
3.	Ndiva ivumba leembotyi, uAnansi wajoja ngovuyo.
4.	Ayikavuthwa kakuhle, watsho uMvundla.
5.	UMvundla uthandimifuno.



Sisebenzisa izifanokuthi okanye amagama anentsingiselo efanayo xa singafuni kuvakala sityhafisa. Sesiphi isivakalisi esivakala phucukileyo?

1) Ebecunukile kuba elahlekelwe yincwadi yakhe. Ukulahlekelwa yincwadi yakhe kumcunukisile.
2) Ebecaphukile kuba elahlekelwe yincwadi yakhe. Ukulahlekelwa yincwadi yakhe kumcaphukisile.

Umzekelo wesibini uphucukile kuba umbhali usebenzise isifanokuthi, "u-ucaphukile". Oko kusenza sibe nomdla othe chatha isivakalisi.



Masibhale

Ngoku bhala izibini ezine zezivakalisi. Sebenzisa igama nesifanokuthi salo kwisibini ngasinye sezivakalisi (esinikiweyo).

vuya	
chwayita	
krelekrele	
hlakanipha	
ubudenge	
ubuyatha	

Yintoni eyenza ukuba abantu babhale?

- Abantu babhalela ukonwabisa abanye nokubahlekisa.
- Bakwabhalela ukubathundezela ekukholweni kokuthile.
- Maxa wambi abantu babhalela ukunika abanye ulwazi okanye ukufundisa okuthile.

Ukuba umbhalo othile uqulethe iziganeko eziyinyaniso ngaphezu kwezimvo, kunokuthiwa **sisiniki-lwazi**. Lunika wena ulwazi.
Ukuba umbhalo othile unezimvo kakhulu ngaphezu kweziganeko eziyinyaniso, okanye xa ubalisa ngebali eliqanjiweyo, ikwalubhalo **olonwabisayo**.
Ukuba umbhalo uzama ukukuphembelela ukuba ube nento oyenzayo, ngumbhalo **othundezayo** lowo. Uyakuthundeza.

Teacher
Sign:
Date:



Masithethe

Ibali lika-Anansi ngumbhalo onjani?
Ngumbhalo onjani inkcazo ngesigcawu?
Iphupha likaLindiwe lona ngumbhalo onjani?



57 Usapho lwegala



Masithethe

- **Ufunde ngezidalwa ezinemilenze emithandathu nezinemilenze esibhozo. Ngoku masijonge izidalwa ezinemilenze emine.**
- **Zeziphi izilwanyana ozaziyo ezihlala ngamaqela?**
- **Wakha walibona igala?**





Masifunde

Ezinye izilwanyana zizilwanyana ezinesimo sasentlalweni. Ziyathanda ukuhlala ngamaqela, nokuzula-zula zisitya kunye, kwaye zincedisana. Amagala ahlala kunye ngokwamaqela asentlalweni, abizwa ngokuba ngamabutho, anamalungu anokuba mahlanu ukuya kwangamashumi amabini anesihlanu. Ibutho likholisa ukuba neentsapho ezimbini ukuya kwezintathu.





Likhangeleka njani igala?
Igala elidala linobunzima obumalunga nekhilogram e-1, umsila walo mde kangangama-20 cm.
Umsila wayo uyalincedisa xa lisukuma. Lineenzipho ezinde, ezomeleleyo zokwemba. Ezi nzipho likwazisebenzisela ukukhwela emithini. Ibutho lamagala lemba isixokelelwano samatonela ngaphantsi komhlaba. Ahlala apho alale apho. Ayakwazi nokubaleka aphinde azimele kwakula matonela. La matonela abizwa ngokuba yimingxuma yezilwanyana. Amagala ahlala phi kwaye ehlala njani? Ahlala entlango, kwiindawo ezinomhlaba owomileyo apho izityalo zingamatyholo nengca ende khona. Indawo enje ibizwa ngokuba ngamakhaya ezilwanyana. Ikhaya lezilwanyana linika izilwanyana ukutya, amanzi nekhusi. Amagala ahlala eMntla-Koloni, eNamibia naseBotswana.

Usapho lwamagala luhlala kunye emngxunyeni wezilwanyana. Iintsapho zamagala azisoloko zilala ndawonye emngxunyeni wazo ngobusuku ngabunye. Ilelo linendawo yalo. Amagala alala ebusuku ukuze kusasa aphume agcakamele ilanga. Xa emi nkqo, ilanga liwafudumeza eziswini ezingagqumekanga emva kobusuku obubandayo basentlango. Kubashushu kakhulu entlango emini, ngoko ke amagala sukuba ebuyela emingxunyeni yawo epholileyo.

Bobabini umama kunye notata bayancedisana ngokukhulisa abantwana. Amagala ayazithanda iintsana zawo. Xa iintsana zineeveki ezintathu ubudala, lonke ibutho liyeza lize kuzibukela xa ziphuma emngxunyeni okokuqala.

Xa elambile amagala, ayaphuma aye kufuna ukutya. Akhangela izinambuzane neentubi, izilwanyana





ezincinci ezifana nezigcawu okanye iinkume, izirhubuluzi ezincinci ezifana namacikilishe. Atya neentaka kunye neziqhamo, iimpuku namaqanda. Ngaphezu koko, ayalembela ixhoba lawo. Ngako oko amagala ngamarhamncwa. Oko kuthetha ukuba azingela atye ezinye izilwanyana. Izilwanyana azityayo zibizwa ngokuba ngamaxhoba.

Qho xa ekhangela ukutya, elinye lawo linomnye umsebenzi eliwenzayo. Eli gala lima nkqo kwindawo apho libona yonke into, lize lijonge ingozi enokuhla. Igala elilindayo libizwa ngokuba yisentri (igama elithetha ntonye nomlindi). Xa kukho ingozi isentri ikhonkothela phezulu ukuze onke amagala abaleke aye kuzimela emingxunyeni nasematyholweni. Amancinci abaleka aye koonina. Ucinga ukuba isentri ikhangela ingozi eluhlobo luni? Emva kokuba igqithile ingozi, isentri yeyokuqala ukuphuma emngxunyeni, ize ilaqaze.



Xa ezingela aba neengxolo zonxibelelwano phakathi kwawo ngawo onke amaxesha. Aqinisekisa ukuba kungabikho kuwo aya kude nosapho.

Masibhale

Funda ibali uze uphendule le mibuzo.

Yintoni isilwanyana esinesimo sasentlalweni? Zihlala njani izilwanyana ezinesimo sasentlalweni?
Ucinga ukuba amagala ayenza njani imingxuma yawo?
Yintoni amakhaya amagala?
Ngawaphi amaxhoba amagala? Nika imizekelo.
Umbhali uthi igala elinye alizingeli kodwa lenza umsebenzi wesentri. Kuthetha ukuthini oko?

Teacher

Sign:

Date:

Umhla .....

58 Olunye ulwazi ngamagala



Masithethe

- **Ngoku uyazi ukuba amagala ngamarhamncwa kwaye azingela izilwanyana ezincinci.**
- **Zeziphi izilwanyana ezizingela amagala? Yintoni amarhamncwa?**
- **Yintoni eyenza kube lula ukuba ukhozi lubambe igala xa likhangela ukutya?**



Masifunde

Amagala kufuneka azikhusele



Amagala azikhusela njengeqela emarhamncweni afana noodyakalashe. "Ayalipakanyela" irhamncwa. Aqokelelana kunye, agobe imiqolo uboya bume. Oku kwenza abukeke emakhulu kunokuba kunjalo. Ayavungama, afuthe aphinde alutshicele utshaba ukuze lothuke, kanti aqhumisa uthuli ngokulukhaba.

Kodwa awakwazi ukwenza oku xa utshaba luvela phezulu njengokhozi. Ucinga ukuba kutheni kunjalo? Xa ukhozi lubhabhela ezantsi ukuza kuxhwila igala, abalekela emingxunyeni yawo okanye ematyholweni anameva. Nangona kunjalo ukhozi luhla ngephanyazo, aze amagala amadala akhusele abantwana bawo ngokuwagquma ngemizimba yawo. Irhamncwa linako ukuxhwila umama libhabhe naye.



Masibhale

Bhala umhlathi uxele indlela elizikhusela ngayo igala emarhamncweni. Siqalise ngesivakalisi sesihloko.

Amagala ayakwazi ukuzikhusela emarhamncweni.

Amagama amatsha



Masibhale

Fakela iimpawu zocaphulo ezingambini kwizivakalisi ezingezantsi. Sikwenzele esokuqala.

"Khangela, nankuya udyakalashe!" lakhwaza igala elingumlindi.
Singaya kuzingela amagala? Wabuza uJohan.
Amagala alala emingxunyeni yawo, uchazile utitshala.
Ukhozi luxhakamfule igala elingumama! Wakhwaza uJabu.
Kufuneka ninikane amathuba kujingi, utshilo utitshala.
Ndilibonile igala nokhozi ezu, utshilo uThabo.

Unobangela nesiphumo
Sesimjongile unobangela nesiphumo. Unobangela sisizathu sokwenzeka kwezinto. Isiphumo yinto eyenzekayo.
Umzekelo: Ukuba ulayita iketile, amanzi ayabila.
Uya kuqwalasela ukuba inxalenye ethi "ukuba" isixelela ngesiphumo.

Masibhale

Ngqamanisa izivakalisi ukubonisa unobangela nesiphumo.

Ukuba izilwanyana zihlala kunye,		**ngoko ke** linako ukulumkisa iqela xa kukho ingozi.
Ukuba isilwanyana sineenzipho ezinde, ezomelelelyo,		**ngoko ke** alikho kuwo eliya kuya kude kakhulu.
Ukuba ema ngemilenze emibini engasemva kusasa,		**ngoko ke** siya kukwazi ukwemba emhlabeni.
Ukuba usapho lunxibelelana ngalo lonke ixesha,		**ngoko ke** ilanga liyawafudumeza.
Ukuba igala elingumlindi liyema lilinde,		**ngoko ke** ziya kukwazi ukuncedana.

59 Ndiligala



Masithethe

Yenza ngathi uligala. Izolo uvuke kusasa namanye amagala. Ngoku balisa ibali ngokwenzekileyo. Xela ukuba nitye ntoni nokuba niphephe njani ukuze ningatyiwa. Khumbula ukuba oku kwenzeke kwixesha elidlulileyo. Sebenzani ngezibini ukugqibezela imephu yeengcinga emva koko bhalani ibali ngamazwi enu.

Imini yam njengegala

Kusasa



Emngxunyeni

Sizingela ixhoba



Sonwabele isidlo sethu kunye



Sizimela ukhozi

Sizikhusela



Amagama amatsha



Masibhale

Sebenzisa amanqaku kwimephu yeengcinga ukulungiselela imihlathi yenu. Qala ngokuwubhala kwiphepha elingenamsebenzi uze ucele umhlobo wakho akujongele. Ngoku bhala ibali lakho ngobunono.



Teacher

Sign:

Date:

60 Ipowusta yosapho lwamagala





Masisebenze

Yila ipowusta uthundeze abantu ukuba bakhusele igala.
Kwipowusta yakho nika iinkcukacha ngokulandelayo

- **kutheni siwabiza ngokuba zizilwanyana ezinesimo sasentlalweni**
- **ahlala njani kwaye phi**
- **akufumana njani ukutya**
- **akhuselana njani**



Amagama amatsha



Masisebenze

Kude kube ngoku kulo nyaka ufunde amabali amaninzi ahlukeneyo kunye namanqaku. Yintoni injongo yezi ziqendu zemibhalo? Isiqendu ngasinye sibhalelwe ntoni?

Beka unongxabalaza ecaleni kwenjongo nganye yezi ziqendu zemibhalo zilandelayo.

	Ukonwabisa	Ukunika ulwazi	Ukuthu-ndeza
Indlela aphila ngayo amagala			
Indlela izigcawu ezafumana ngayo imilenze ebhityileyo			
Imithetho emitsha yokutshaya ikhusela abantwana			
Upapasho-nkqubo ngomhlaba: Ukulondoloza umhlaba olungileyo			
Ubusuku obungakholelekiyo			



Masibhale

Izibizo eziyintloko nezenzi zisebenza kunye. Kwisivakalisi esichanekileyo, izimaphambili zezibizo eziyintloko nezenzi ziyavumelana malunga nenani. Oku kuthetha ukuba xa isimaphambili sesibizo esiyintloko sikwisinye, isenzi naso masibe kwisinye, kanti xa isimaphambili sesibizo esiyintloko sikwisininzi, isenzi naso masibe kwisininzi. Jonga le mizekelo.

1. Igala lemba umngxuma. (igala linye)
2. Amagala emba umngxuma. (ngaphezu kwegala elinye)

Yenza isimaphambili sesibizo esiyintloko ngasinye sivumelane nesenzi. Krwela umgca ngezantsi kwesibizo esiyintloko wandule ukukhetha isenzi esichanekileyo "esihambelana" nesibizo esiyintloko.

1. Amagala **ahlala**/**lihlala** eMntla-Koloni, eBotswana naseNamibia.
2. Intombazana **adlala**/**idlala** kwiqela lokuqala lebhola yomnyazi.
3. Amakhwenkwe amabini **aqhuba**/**iqhuba** imoto yokudlalisa.
4. Iinkozi **zizingela**/**luzingela** igala elincinci.
5. Amagala **anxibelelana**/**linxibelelana** namanye.
6. Iqela **liphumelele**/**aphumelele** kakuhle kugqatso lweembaleki.

Zoba le nkcazelo.
Ukhozi olubhabha esibhakabhakeni esiluhlaza lujonga ezantsi lubone umama wegala ekhusele abantwana bakhe etyholweni elinameva. Likhawuleza lixhwile igala ngeenzipho zalo ezinkulu kodwa amagala abaleka angene emingxunyeni.
Zintathu iinxalenye zale nkcazo. Zoba umfanekiso ngenxalenye nganye kwizithuba ezingezantsi.



Masisebenze

61 Ingaba ayinyaniso amabali akudala ngamahlengesi?

Masifunde

Wakha waweva amabali ngamahlengesi abenceda abantu?

Kwiminyaka engamawaka amahlanu kwakubhalwe ibali ngehlengesi nenkwenkwe esweleyo. Inkwenkwe esweleyo ifumana umhlobo olihlengesi ohlala elwandle kufuphi naye. Yonke imihla inkwenkwe ibikhwaza "Simo, Simo" aze uSimo aphume eze kuyo. Inkwenkwe nehlengesi baba ngabahlobo abathandanayo, kanti uSimo ude ayibeleke inkwenkwe emqolo ayise esikolweni kwenye ilali ekufutshane. Kodwa ibali liphela kakubi. Inkwenkwe iyasweleka aze uSimo ayikhumbule kangangokuba ade abulawe kukuba lusizi. Abantu belali bafumana uSimo efile elunxwemeni.





Masithethe

Ucinga ukuba liyinyaniso ibali likaSimo? Ingaba amahlengesi azenza ngenene izinto ezifana nale? Okanye ingaba libali nje lakudala eli?

Masifunde

Nali ibali eliyinyaniso laseNew Zealand malunga nehlengesi. Libali lakudala kakhulu.

INew Zealand Times **ngoMatshi 2013**

Ihlengesi liyahlangula

Umfundi uthumele eli bali malunga nehlengesi elaziwa ngokuba nguOpo ohlala elunxwemeni eOpononi. Oyena mntu uthandwa nguOpo nguSarah Ross, kodwa naye uSarah unobubele kakhulu kubo bonke abantu abaqubha apho elwandle. UOpo uphuma xa ebizwa nguSarah aze ahlale adlale nabo nabanye abaqubhi. Uya kanye ebantwini ukuze bamdlalise ngokumonwaya. Uyakuthanda ukudlala nokubukelwa. Uqakathisa ibhola yerabha ngaselunxwemeni aze ayinqakule ngethuba equbha-qubha. Ngelinye ixesha untywila aye ezantsi aphinde aphume nebhotile yebhiya isempumlweni yakhe. Kuhleka wonke umntu naye ucinga ukuba wenze isihlekiso esikhulu. Kuba mnandi kuye xa abantu bemqhwabela izandla. USarah unebhongo ngomhlobo wakhe oluhlobo olulodwa.

Amagama amatsha



Elinye ibali ngehlengesi liphathelene nento eyenzeke kutshanje.

kwiiNdaba zeMaryland zesiXeko soLwandle **Ngomhla wesi-4 kuEpreli 2013**

IHlengesi eliDumileyo liFunyaniswe eManzini esiXeko soLwandle

Emva kwemini ngeCawa ngomhla wesi-4 kuEpreli, kwakukho abantu ababeloba iintlanzi kwiZibuko lesiXeko soLwandle olungaseNtshona. Abambalwa kubo, ingamakhwenkwe esikolo semfundo ephakamileyo, bathatha isigqibo sokubuyela ezibukweni baza baqhuba injini yabo yephenyane. Ngephanyazo babona ihlengesi lisiza ngakwiphenyane labo. Babengafuni kulidanisa ngoko ke bemisa injini yabo. Ihlengesi laqubha lade lafika kwiphenyane lema nkqo emanzini lancumela ulutsha. Amakhwenkwe akhawuleza athatha iselula fowuni zawo alifota.

Usapho lwenye inkwenkwe lwalukufutshane kwiphenyane lwema lwabukela okwakusenzeka. Lwema kumgama ongangeemitha ezili-100 ukusuka kwiphenyane lamakhwenkwe.



Ihlengesi elinobubele laqubha laya kwiphenyane lesibini laxhumela ngaphandle kwamanzi ukuze libulise ababefika. Lalibukeka ngathi lifuna ukubeka intloko yalo kwiphenyane. Enye indoda yalichukumisa. Laza ihlengesi labuya umva kwiphenyane lokuqala. Amakhwenkwe afumanisa ukuba eli yayilihlengesi lama-56, ihlengesi elalidume kakhulu kuba iingcali zenzululwazi zazi ngalo. Zaziqhoboshele inombolo ethi 56 ephikweni layo elingaphezu komqolo ukuze zikwazi ukulilandela xa zisenza uphando. Layisoloko iqubha kuloo ndawo yolwandle malunga neminyaka emgama-30 edlulileyo. Maxa wambi lalixhumela phezulu nasezantsi lakugqiba licele ibhaso. Ibhaso elalilifuna yintlanzi yokuba litye.



Masibhale

Emva kokufunda amanqaku amathathu ngamahlengesi, ungazishwankathela njani izimo zazo?

Kutheni amahlengesi ethanda abantu kangaka? Singakufumanisa njani oko?

Amahlengesi ayathanda ukonwaywa. Zeziphi ezinye izilwanyana ezithanda ukonwaywa?

Teacher
Sign:
Date:

62 Olunye ulwazi ngamahlengesi neminenga



Njengokuba usazi, amahlangesi neminenga zizilwanyana ezincancisayo asizontlanzi. Yintoni oyaziyo ngeminenga?



Masifunde

Amahlengesi neminenga aqubha elwandle, kodwa aluhlobo olulodwa kuba awazontlanzi, azizilwanyana ezincancisayo. Amahlengesi mancinci kakhulu kuneminenga, ngoko ulwazi oluninzi esinalo luphathelene namahlengesi kuneminenga. Iminenga mikhulu kakhulu. Owona mnenga mkhulu uziimitha ezingama-34 ubude kanti unobunzima beetoni ezili-140. Sesona silwanyana sikhulu ehlabathini. Umnenga omncinci ungaba ziimitha ezi-3 ubude.

Iminenga namahlangesi iyathanda ukwenza iingxolo. Amahlengesi anxibelelana ngomlozi, ukunqakaza okanye ngokunxakama. Kanti nolwimi oluthethwa ngomzimba ziyalwazi. Iminenga enesifombo emqolo yenza iingxolo zasentlalweni zokunxibelelana, ezifana "nokugquma", "ukuncwina", "ukunxakama" "ukubeth' ithatha" "nokukhonkotha". Xa umntwana wehlengesi engowokuqala kowabo umama usoloko elibethela umlozi, ukuze isandi sakhe sibetheleleke elusaneni akwazi ukumchonga. Abantu abafunda nzulu ngamahlengesi bacinga ukuba ihlengesi ngalinye linomtyibelo ongowalo kuphela womlozi, kanye njengegama emntwini, mtyibelo lowo iwuphuhlisa iselusana.

Amahlengesi acula phantsi kolwandle; ezi ngoma zivakala kwiikhilomitha ezingamakhulu, kuba amanzi agqithisela isandi phambili phucukileyo kunomoya. Ayaziguqu-guqula iingoma zawo, kodwa asazi ukuba kutheni. Umnenga uphinda-phinda ingoma enye, malunga nemizuzu engama-30, ungayiphinda-phinda iiyure ngeeyure okanye iintsuku. Elinye iqela leminenga licula ingoma enye iiveki ngeeveki landule ukuyiguqula kancinci kancinci. Oku kwahlukile ezintakeni, zona zicula ingoma enye ngalo lonke ixesha.

Amahlengesi aziwa ngenjeendadi nabalobi. Kanti ayakwazi nokukhusela abaqubhi kookrebe ngokudada ngezangqa ezijikeleza abaqubhi okanye axhabashele ngakookrebe abenze bahambe. Elunxwemeni eBrazil, amahlengesi agxothela iintlanzi ngasebalobini beentlanzi alinde ngaselunxwemeni ukuze "axelele" abalobi ukusa iminatha yabo apho. Ibhaso lamahlengesi yintlanzi ephuncuka kwiminatha yabalobi. Amahlengesi atya ezo ntlanzi.



Masisebenze

Kwizibini zenu, yenzani ngathi omnye wenu ngumlobi, aze omnye abe lihlengesi. Umlobi makaqhube udliwano-ndlebe nehlengesi. Umlobi ubuza ihlengesi imibuzo ngendlela aphila ngayo nento ayenzayo. Umlobi makabuze imibuzo emithandathu ubuncinane, lona ihlengesi malifumane iimpendulo apha kula maphepha mane. **Wena nomlingane wakho bhalani imibuzo neempendulo, kuqala kwiphepha elingenamsebenzi, nize niyikhuphele ngobunono kwiphepha elilandelayo. Kufuneka nibe nemibuzo neempendulo ezintandathu obona buncinci.**



Amagama amatsha

Masibhale

Udliwano-ndlebe lwam nehlengesi

Umhla .....

63 Ulwimi lweHlengesi

Olunye ulwazi ngezichazi

Mhlawumbi uziqhelanisile nokusebenzisa izichazi. Uya kukhumbula ukuba isichazi ligama elichaza isibizo okanye isimelabizo. Izichazi zikuxelela ngobunjani bomntu, indawo okanye into. Umzekelo, "inja" sisibizo, kodwa luhlobo olunjani lwenja? "Yinja enkulu, entsundu, efuku-fuku" Oko kusixelela banzi ngenja ethile.

Izichazi ziyakwazi ukusixelela **ngenani**. "Kukho abafundi abalishumi elinesixhenxe eklasini yethu." "Abalishumi elinesixhenxe" sisichazi eso.

Izichazi zikwaphendula umbuzo onjengalo: "Owuphi/Abaphi?" Umzekelo:

- **Zeziphi** izilwanyana ezithanda abantu elwandle?
- **Leliphi** ihlengesi ekuphandwayo ngalo?
- **Ngabaphi** abantu abapha amahlengesi intlanzi njengebhaso?

Ezinye izichazi zichaza into ngokusixelela ukuba yekabani. Kuvela ke ngoko amagama anjengo "yam", "yakho" "yakhe" "yethu" "yenu" "yabo" namanye esiwabiza ngokuba **zizimnini**. Nantsi imizekelo: "umnqwazi **wam**", "inja **yakhe**", "indlu **yakho**"



Masibhale

Krwela igama elingesosichazi ulikhuphe.

enkulu	khawuleza	jonga	emnyama
otsibayo	tsiba	elikhazimlayo	ezimnandi
etyheli	ababomvu	othambileyo	icephe
suka	omtsha	baleka	oluhlaza





Amagama amatsha



Masibhale



Ngoku krwela umgca ngezantsi kwezichazi kwisivakalisi ngasinye.

Kuya kuba khona izitulo eziluhlaza ebaleni lemidlalo.
Bekukho imiqamelo ethambileyo ebhedini endala.
Umzobi odumileyo upeyinte imifanekiso emihle encwadini yakho.
Ndiya endlwini yakhe ukuya kubona ibhayisekile yakhe entsha ebomvu.
Kukho iintyatyambo zakhe ezinuka kamnandi.
Ubhake ikeyiki emnandi.
Yintaka encinci, entsundu, engxolayo.
Ikati encinci, ethuleyo, engwevu ikrwempa itafile enkulu.

Ngoku hlela izichazi ukrwele umgca ngezantsi kwazo ngokwala makhadi

Inani

Umbala

Ubukhulu

Ingxolo

Uhlobo

Isongo nevumba

Teacher

Sign:

Date:

64 Uphengululo lwencwadi



Masisebenze

Ufunde iqela lamabali ahlukeneyo neziqendu ezinika ulwazi kule ncwadi. Zeziphi iziqendu othande kakhulu ukuzifunda?













Loluphi uhlobo lokufunda olonwabele kakhulu? Ukuthandile oku	✓	✘
Inqaku ngamaGala?		
Ibali lika-Anansi isigcawu?		
Ukufunda ngolwazi ngempilo nemizimba yethu?		
Umbongo neemvano-siphelo?		
Ulwazi ngemozulu?		
Ibali “ngendoda eyathenga umthunzi”?		
Ulwazi ngeelwimi esizithetha kumaphondo ahlukeneyo?		
Ibali ngoMvundla, uMnenga neNdlovu?		
Ulwazi ngezijikelezi-langa?		
Ibali elifana nelengwenya “ku-Ubusuku obungakholelekiyo”?		
Ulwazi ngezinye iindawo ezifana neAntarctica?		
Ingxelo ngentombazana yesikolo eyahlangula inkwenkwe erhaxwayo?		
Bala imikorekisho(✓) yakho.		

Ukuba unemikorekisho emininzi epinki oko kuthetha ukuba uthanda ukufundela ulwazi.
Ukuba unemikorekisho emininzi eluhlaza oko kuya kuthetha ukuba ukhetha ukufundela ulonwabo.



Masibhale

Ngoku bhala uphengululo olwenze ngencwadi oyifunde wayithanda. Fakela ulwazi olulandelayo.

Isihloko sencwadi	
Umbhali	
Isakhiwo sebali Kwenzeka ntoni ebalini?	
Isimo sentlalo Lenzeka phi nini ibali?	
Abalinganiswa Ngoobani abantu abasebalini?	
Umxholo Limalunga nantoni ibali? Yintoni imfundiso yebali?	
Unobalisa Ngubani obalisayo?	
Endikuthandileyo Yeyiphi eyona ndawo ndiyithandileyo?	
Ukuncoma Yintoni enokwenza ulincome ibali kumhlobo wakho?	













BLACK

BLUE

2

5

GREEN

BROWN

6

MAYBE

NO WAY

THAT'S IT

ON

1

3

CAN BE

CORRECT

FALSE

YES

4

ORANGE

RED

8

7

YELLOW

PURPLE

Instructions:

1. Cut off the instructions.

2. Fold the paper in half and in half again.

3. Unfold it and place it printed side down.

4. Fold up all 4 corners so that the points meet in the middle.
5. It should now look like this.

6. Flip it over.
7. Fold up all 4 corners so that the points meet in the middle.

8. It should now look like this.

9. Fold it in half.

10. Work your fingers into the corners so that the creases form the four points.

How to use the Fun Finger Fortune:

1. Have a friend ask a "Yes or No" question. (like "am I pretty?" or "Does Sam like me?")
2. Ask them to pick a color. Spell out the color "R" - "E" - "D" while opening and closing the Fun Finger Fortune Teller in opposite directions with each letter.
3. Then ask them to pick a number from where the Fortune Teller was left open after the last letter.
4. Now open and close the Fortune Teller in opposite direction that number of times.
5. Now have them pick one of the numbers showing. Pull up the flap with that number on it...
and your answer will be revealed.

